# Information about this Book

## Overview

This eBook is provided by the Ellen G. White Estate. It is included in the larger free Online Books collection on the Ellen G. White Estate Web site.

## About the Author

Ellen G. White (1827-1915) is considered the most widely translated American author, her works having been published in more than 160 languages. She wrote more than 100,000 pages on a wide variety of spiritual and practical topics. Guided by the Holy Spirit, she exalted Jesus and pointed to the Scriptures as the basis of one's faith.

## Further Links

A Brief Biography of Ellen G. White
About the Ellen G. White Estate

## End User License Agreement

The viewing, printing or downloading of this book grants you only a limited, nonexclusive and nontransferable license for use solely by you for your own personal use. This license does not permit republication, distribution, assignment, sublicense, sale, preparation of derivative works, or other use. Any unauthorized use of this book terminates the license granted hereby. (See EGW Writings End User License Agreement.)

## Further Information

For more information about the author, publishers, or how you can support this service, please contact the Ellen G. White Estate

# Contents

Information about this Book . . . . . . . . . . i
1— Kuphuma Phi Ukubulaleka? . . . . . . . . . . 4
2—Ithemba Lokoyiswa Kobubi . . . . . . . . . . 12
3—Ulahlekiso Oluyingozi . . . . . . . . . . 19
4— Ubomi Obungunaphakade . . . . . . . . . . 26
5—Ithemba Lobuxoki . . . . . . . . . . 36
6—Uxolo Lwenene . . . . . . . . . . 42
7— Isikhuselo Ekuphela Kwaso . . . . . . . . . . 53
8—Ukukhusela Inyaniso . . . . . . . . . . 58
9—Ithemba Lenene . . . . . . . . . . 64
10— Ukuhlangulwa Okukhulu . . . . . . . . . . 73
11—Uloyiso Lothando . . . . . . . . . . 83

## 1— Kuphuma Phi Ukubulaleka?

Abantu abaninzi emhlabeni, bathi bakubona ububi, imisebenzi yongendawo, ubunzima neentlekele, babenombuzo wokuba ingaba zenzeka njani na ezi zinto phantsi kwegunya laLowo unobulumko obungenamida, amandla kunye nothando. Abo bathiwa hlasi yile ntandabuzo basebenzisa oku ukuzithethelela xa belandula amazwi eziBhalo eziphuma kuMoya oyiNgcwele. Isithethe kunye nokuphosisa ekunikeni intsingiselo eyiyo, kuye kwayisithelisa imfundiso yeBhayibhile ngesimilo sikaThixo, ngobume bolawulo IwaKhe, kunye nemimiselo yemigangatho yaKhe yokujongana nesono.

Akukho bani unokuchaza imvelaphi yesono kungekho namntu unokunika isizathu sobukho baso. Sekunjalo, kukho okunokuqondwa ngale mvelaphi kunye nesiphelo saso isono okwenza kubonakale ngokupheleleyo ubulungisa kunye nothando lukaThixo. Isono asizange sibekho ngenxa kaThixo konke konke; akazange ayirhoxisa inceba yaKhe, kungazange kubekho nto isilelayo kulawulo IwaKhe olungcwele, okwenza ukuba kubekho uvukelo. Isono sivele sangena dlwabha phakathi yaye akukho siza-
[5] thu sinokunikwa ngobukho baso. Isono sisiphumo somthetho wemfazwe olwa nomthetho wothando osisiseko solawulo olungcwele.

Phambi kokuba kungene ububi, kwakukho uxolo novuyo kuyo yonke indalo okanye kwizulu nomhlaba. Ukuthandwa kukaThixo kwakongamile nokuthandana omnye nomnye kwakungenamkhethe. U-Kristu okuphela kozelweyo kaThixo, wayemnye noBawo ongunaphakade ngemvelo, ngesimilo, nangenjongo - ekukuphela kwaKhe onenxaxheba kuyo yonke into eyenziwa necetywa nguThixo. “[ngaye] zadalwa zonke izinto, ezisemazulwini... nokuba ziitrone, nokuba zibubukhosi, nokuba zizilawuli, nokuba ngamagunya,” KwabaseKolose 1:16. Ulonwabo Iwabo bonke abadalwe nguThixo Iwaluxhomekeke ekuhambisaneni nemimiselo yobulungisa yomthetho kaThixo osisiseko solawulo IwaKhe. U-Thixo akonwatyiswa kukuthotyelwa ngokunyanzeleka, kuloko anike

wonke ubani, inkululeko yokuzithandela, ukuze elowo nalowo amnike uThixo inkonzo yokuzibingelela.

Kukho ke owakhetha ukuyigqwetha le nkululeko. Isono saphuma kuye, owathi, engowesibini ukusuka kuKristu, wanikwa intlonipho emangalisayo nguThixo. Phambi kokuwa kwakhe uKhwezi, wayeyikherubhi ephambili kwezigqubuthelayo, engcwele, engenabala. "Itsho iNkosi uYehova, wena lutywino Iwesakhiwo esilinganiselweyo, uzeleyo bubulumko, umhle kwaphela. Ubuse-Eden emyezweni kaThixo, onke amatye anqabileyo abe esisigubungelo sakho... waye uyikherubhi egqubuthelayo; ndakwenza ke, waba sentabeni engcwele kaThixo, wahamba-hamba phakathi kwamatye anomlilo. Wagqibelela ngeendlela zakho, kususela kwimini yokudalwa kwakho, kwada kwafumaneka ubugqwetha kuwe ... Intliziyo yakho iphakamile ngenxa yobuhle bakho, ubonakalisile ubulumko bakho kunye nokubengezela kwakho." Ngenxa enokuba wayenza intliziyo yakho yanjengentliziyo yoThixo. "wathi ndoyinyusela [6]
itrone yam ibe ngaphezu kweenkwenkwezi zikaThixo; ndihlale entabeni yentlanganiso.... Ndiya kunyuka ngaphezu kweziganga zamafu; ndizifanise nOsenyangweni. Hezekile 28:12-17; 28:6; Isaya 14:13, 14.

Inqwenela iwonga uYise awalibeka phezu koNyana waKhe, le nkosana yeengelosi yaxhunela kwigunya eyayinguKristu kuphela onelungelo lokuba nalo. Kwaqala ngoko ukubonakala okuphum' ecaleni kubunye nocwangco Iwezulu. Ukuphakama kokuzicingela okanye u-mna kwangenisa ububi bokuthandabuza kwiingqondo ezazikubeke phambili ukuzukisa uThixo. Amaqumrhu abacebisi basezulwini acenga-cengana noKhwezi. U-Nyana kaThixo wambonisa ukulunga nobulungisa boMdali kwakunye nobungcwele bemo yomthetho waKhe. Xa esuka kulo mthetho nakuko konke oku, uya kuzizisela intlekele nempalalo phezu kwakhe. Okona elunyukiswa kwaba kukona axhathisayo. U-Khwezi wavumela ukuba alawulwe likhwele ngakuKristu.

Ikratshi lathi londla ulangazelelo lokubaphezulu. Amawonga amakhulu athiwe jize ngawo, awazange amenze ukuba abe nombulelo kuThixo. Wasuka waxhumela ukulingana noThixo. U- Nyana kaThixo yayinguye imbalasane esemagunyeni asezulwini, emnye ngamandla negunya noYise. U-Kristu wayeyinxalenye yazo zonke iintlanganiso zikaThixo, izinto ke ezingcwele awayengavunyelwe

uKhwezi ukuba abe nenxaxheba kuzo. Le ngelozi inkulu yabuza yathi, "Kungani ukuba uKristu abe ngaphezu kwam? Kutheni le nto enewonga elingaphezu kwelam, mna Khwezi?"

### *Ukunganeliseki Phakathi Kweengelosi*

Eshiya indawo yakhe phambi kobuso bukaThixo, uKhwezi wemka waya kuhlwayela ukunganeliseki phakathi kweengelosi. Ngorhubuluzo olunobuqhopholo, eyifihla phofu eyona njongo yakhe, ezimilisa ngokungathi uhlonela uThixo, uKhwezi wakwazi
[7] ukuvuselela ukukrokra kwiingelosi ngakwimithetho elawula izulu, enika ingqondo yokuba ingqwabalala. Njengezidalwa ezingcwele, wathi bezimele ukwenza ngokokucinga kwazo. Kwakhona, uThixo akamphathanga kakuhle yena kuba nanku ebeke elona wonga liphezulu kakhulu kuKristu. Wabanga ukuba akaxhumelanga ekuziphakamiseni kodwa wayefuna ukhuseleko Iwenkululeko kwizakhamzi zasezulwini, ukuze zihlale kakuhle ngokupheleleyo.

U-Thixo wamnyamezela ithuba elide uKhwezi. Akazange athotywe kwisihlalo sakhe esiphezulu naxa wayeqalisile ukwenza amabango obuxoki phambi kweengelosi. Waqonondiswa amathuba amaninzi ukuba uya kuxolelwa ukuba nje angaguquka, athobele. Loo mizamo ke ephuma kuphela kuthando olungapheliyo, yayizama ukumbonisa imposiso yakhe. Kwakungazange kubekho ukunganeliseki ngaphambili phaya ezulwini. Naye ngokwakhe uKhwezi akayiqondanga into eyenzeka apha kuye kwindalo yakhe. Nanjengokuba ukunganeliseki kwakhe kwakucaca ukuba akunasihlahla, yabakho nalapha kuye into ethi amabango kaThixo anobulungisa yaye umele ukuba awavume phambi kwalo lonke izulu. Ukuba wayekwenzile oku, ngewazisindisa yena kunye neengelosi ezininzi.
[8] Ukuba wayethe wanentumekelelo yokubuyela kuThixo, athabathe le ndawo wayinikwayo, wayeya kubuyiselwa kwisikhundla sakhe. Ikratshi lammela ngaphambili ukuba angazithobi. Wazixelela ukuba akadingi kuguquka, waza wazinikela ekungeneni kwimfazwe enkulu noMenzi wakhe.

Onke amandla engqondo yakhe amakhulu, aguqulelwa ekusebenzeni inkohliso, nokufuna uvelwano kwiingelosi. U-Sathana wabanga ukuba ugwetywe ngemposiso nokuba kugxojwe ilungelo lenkululeko yakhe. Wabeka gwenxa amazwi kaKristu,

wagqithela ebuxokini, etyhola uNyana kaThixo ngokuthi uyamhlazisa, emphoxa phambi kwabemi basezulwini.

Bonke, angakwazanga ukuboyisela kwicala lake, wabatyhola ngelithi abanamandla kumabango abemi basezulwini. Wabhenela [9]
ekumtyabekeni kakubi uMdali. Yaba luxanduva Iwakhe ukuphixanisa iingelosi ngeengxoxo ezinobuqhopholodo mayela neenjongo zikaThixo. Nezinto ezilula wazenza ngathi ziziimfihlelo, waza ngobuchule obukhulu, wenza ukuba kuthandabuzeke nezona zinto zicacileyo ezithethwa nguThixo. Isikhundla sakhe esiphezulu, saba nempembelelo enkulu kule njongo yakhe. Zininzi iingelosi ezaba ngakwicala lakhe kolu vukelo.

### *Ukungathandi Kujika, Kusiba luvukelo*

Ngobulumko baKhe, uThixo wamvula uSathana ukuba aqhubele phambili nomsebenzi wakhe, ude umoya wentiyo waqokola, waba luvukelo. Kwakubalulekile ukuba amacebo akhe aphuhle ngokupheleleyo, ukuze avele kubo bonke ukuba unjani na. U-Khwezi wayethandwa kakhulu zizidalwa zasezulwini, yaye nempembelelo yakhe kuzo yayinamandla kakhulu. Ubukumkani bukaThixo babungaphelelanga phaya ezulwini, kodwa babuquka onke amazwe awawadalayo, waza uSathana wacinga wathi, ukuba uya kuzithabathela kuye iingelosi ekuvukeleni, uya kwenza njalo nakwamanye amazwe. Esebenzisa ubuchule nobugwenxa, amandla akhe okulahlekisa ayemakhulu kakhulu. Neengelosi ezazisamthobela uThixo, zazingakwazi ukusiqonda ngokupheleleyo isimilo sakhe, zingaboni nesiphelo sokwenza kwakhe.

U-Sathana wayehlonitshwa kakhulu yaye izenzo zakhe zazinkungu kangangokuba kwakunzima kwezinye iingelosi ukubuqonda ubume bento ayenzayo. Isono sasingekhe sicace ububi baso side siphuhle ngokupheleleyo. Izidalwa ezingcwele zange zizazi ngenx'engaphambili iziphumo zokutyeshela umthetho ongcwele. Ekuqaleni, uSathana wayesithi umemeza ukuhlonitshwa kukaThixo kunye nokulungelwa kwazo zonke izidalwa ezisezulwini.

Ekujonganeni kwakhe nesono, uThixo wayesebenzisa kuphela [10]
ubulungisa kunye nenyaniso. U-Sathana yena wayesebenzisa izinto ezazingenako ukusetyenziswa nguThixo - ukulahlekisa nokukhohlisa. Isimilo somvukeli simelwe kukwaziwa ngabantu

bonke. Wayemele ukuzuza ithuba ukuze acace kubo bonke abemi, ngemisebenzi yakhe yenkohlakalo.

Isidube-dube esenziwe yindlela awayithabathayo uSathana, wathi sibangwe nguThixo. Wathi bonke ububi busisiphumo solawulo olungcwele. Kwakudingeka ke ukuba yena Sathana, enze inguqulelo kumthetho ongcwele. Kwakufuneka, ke ngoko uThixo amnike ithuba ukuze agwetywe ngumsebenzi wakhe. Kufuneka indalo yonke yezulu nomhlaba, imbone etyhiliwe umlahlekisi, enje ngokuba enjalo.

Naxa sekugqityiwe ukuba agxothwe ezulwini, oBulumko bukhulu, uThixo akazange amtshabalalise uSathana. Ukuze izidalwa zimlulamele uThixo, kufuneka loo nto ixhomekeke ekoyisakaleni kwazo ukuba uThixo unobulungisa. Abemi bonke basezulwini nakwamanye amazwe, babengenako ukubona ubulungisa nenceba kuThixo, ngelo xesha, kuba babengakulungelanga ukuzazi iziphumo zesono. Ukuba uThixo wayevele wamtshabalalisa uSathana, ebeya kukhonzwa ngoloyiko endaweni yothando. Ibingayi kucinywa kuphele impembelelo yomlahlekisi, ungakhutshwa neengcambu nomoya wovukelo ukuze kube kuhle kuyo yonke indalo:
[11] kwakukuhle ukuba uSathana ayiphuhlise ngokupheleleyo injongo yakhe, zibonwe zizidalwa zonke inguqulelo alangazelela ukuzenza kulawulo lukaThixo zinjengokuba ezibeka.

Uvukelo lukaSathana beluza kuba bubungqina beziphumo zesono kwilizwe nezulu lonke. Ulawulo lwakhe lwaluza kuveza isiqhamo sokubekela bucala igunya elingcwele. Imbali yalo mboniso woyikekayo wovukelo, ibuya kuba sisikhuselo sikanaphakade kubo bonke abangcwele ukuze basinde kuso isono nasekohlwayweni.

Kwathi kwakuvakaliswa ukuba umvukeli kunye nabaxhasi bakhe baza kugxothelwa ngaphandle kwamasango ezulu, yafunga la nkokheli inesibindi ukuba izakuwunyevulela, iwunyashe umthetho woMdali. Uyigculele imithetho engcwele njengemiqathango kwinkululeko waza, ngokuphandle, wathi uza kulwela ukususwa kwayo. Xa ithe yakhululwe kule miqathango, imikhosi yasezulwini, iyakuba inyukele kumgangatho ongentla kubomi bayo.

## *Ukugxothwa Ezulwini*

U-Sathana nomKhosi wakhe, baliphosa kuKristu ityala lonikelo lwabo; ukuba babengathethiswanga, ngebabengavukelanga, babe neenkani, bedelela, ngelixa bebanga ukuba bangamaxhoba amsulwa egunya elinocinezelo, umvukeli omkhulu kunye nabalandeli bakhe bagxothwa ukuba bemke ezulwini. Funda kwisiTyhilelo 12:7-9.

Umoya kaSathana usaphembelela abantwana bokungathobeli, [12]
emhlabeni. Njengaye, bathembisa abantu inkululeko ngokwaphula umthetho kaThixo. Ukukhalinyelwa kwesono nangoku kusayivuselela intiyo. U-Sathana wenza ukuba abantu bazithethelele bade bafune ukuba abanye babasizele naxa besesonweni. Endaweni yokulungisa iimposiso zabo, bavusa ingqumbo ngakulowo ubathethisayo, ide ibe ngathi nguye unobangela wenkathazo.

Ngale ndlela asiveza sisibi ngayo isimilo sikaThixo, njengokuba wenza njalo ezulwini ukuze uThixo abonwe engqwabalala enobugebenga, uSathana uthi abalukuhlele esonweni abantu. Wathi imiqathango kaThixo engenabulungisa, yiyo eyakhokhelela umntu ukuba awe, njengokuba yena yamkhokhelela kuvukelo.

Akuba uSathana egxothwe ukuba emke ezulwini, uThixo wathi wababaza ubulungisa baKhe kunye nobukhulu baKhe. Uthe kodwa akona umntu, uThixo wabonakalisa uthando lwaKhe ngokunikela ngoNyana waKhe ukuba alufele uhlanga oluwileyo. Elucamagushweni, sityhiliwe isimilo sikaThixo. Ingxoxo enkulu yomnqamlezo ibonisa ukuba ayikho indlela ekungatyholwa ngayo ulawulo lukaThixo. Ngexesha lolungiselelo lukaYesu emhlabeni, umkhohlisi omkhulu watyhileka. Unyeliso olunesibindi lokuthi uKristu makagobe kuye, ububi benkohlakalo eyayingaphumli imini nobusuku, iphembelela ababingeleli kunye nabantu ukuba balukhanyele uthando lwaKhe nokuba bakhwaze bathi,

"Mbethelele emnqamlezweni! Mbethelele emnqamlezweni!": konke oku kwenza ukuba izulu lonke limangaliswe, libe nomsindo okanye licaphuke. Itshawe lobubi lawabhokoxa onke amandla alo nobuqhophololo balo ukuze limtshabalalise uYesu. Ukuze azalise ubomi bukaYesu ngeentlungu nosizi, uSathana wasebenzisa izenzeleleli okanye izithunywa ezingabantu. Iintolo zomona ezitshabalalisayo, nengqondo embi, intiyo kunye nempindezelo, [13]
zambonzeleka eKhalvari zizokuchasa uNyana kaThixo.

Ukona kukaSathana kwabonakala kungenasizathu sokukuthethelela. Waya wasiveza esona similo sakhe. Izityholo zikaSathana zobuxoki ngemo engcwele kaThixo, zavela elubala. Wayetyhola ngokuthi uThixo ufuna ukuziphakamisa ngokuthi afune ukuthotyelwa zizo zonke izidalwa zaKhe watsho nokuthi, nangona uMdali egxininisa ukuba izidalwa zibe nokuzithibaza, yena Mdali, akazange aqalise ukuzithibaza, engazange wakha wancama nto. Kwabonakala ke ngoku, ukuba uMlawuli wendalo yonke wenza [14] owona mbingelelo mkhulu onokwenziwa luthando kuba "uThixo waye ekuKristu, elixolelanisa naye ngokwakhe ihlabathi". (2 Korinte 5:19). Ukuze asitshabalalise isono, kwafuneka uKristu azithobe ngokwaKhe, alulame kude kuse ekufeni.

### *Ingxoxo Emalunga Nomntu*

Izulu lonke labubona ubulungisa bukaThixo. U-Khwezi waye sel'ebabaze ukuba uhlanga olunesono alungekhe lube nokuhlangulwa. Sekunjalo, isohlwayo sokwaphulwa komthetho sawela phezu kwaKhe lowo wayelingana noThixo, waza umntu wakhululeka ukuba amkele ubulungisa bukaKristu, aze athi ngokuguquka nokuzithoba abe noloyiso phezu kwegunya likaSathana.

U-Kristu wayengazanga kufa emhlabeni ukuze ahlangule umntu nje kuphela. Waza kubonisa kuwo wonke amazwe ukuba umthetho umi ngonaphakade, kwatyhila nokuba ubulungisa nenceba zisisiseko solawulo Iwakhe uThixo. Ngelanga lomgwebo wokugqi- [15] bela, kuya kubonakala ngokucacileyo ukuba asikho isizathu sokuba kubekho isono. Usakufika umgwebi wehlabathi lonke, uThixo uyakuthi kuSathana, "Kwakungani na ukuba undivukele?" Aze lo ongumthombo wobubi angakwazi kuziphendulela.

Ekukhaleni koMsindisi xa ephela esithi, "Kugqityiwe," oko yayikukukhala kwentsimbi exela ngokufa kukaSathana. Imbambano enkulu ekade iqhubeka ixesha elide yathi yaba necala, ukususwa nengcambu kobubi kwaqinisekiswa. "lyeza imini evutha njengeziko; baya kuba ziindiza bonke abakhukhumali, nabenzi bonke bokungendawo; ibalenye loo mini izayo, utsho uYehova wemiKhosi, ingabashiyeli ngcambu nasebe", (Malaki 4:1).

Abusayi kuze buphinde bubonakale ububi. Umthetho kaThixo uya kuhlonitshwa njengomthetho wenkululeko. Indalo evavanywe

yahlolisiswa ayisayi kuphinda isuke ekumhloneleni Lowo osimilo saKhe siye sabonakaliswa ukuba siLuthando olunzulu kunene kunye nobulumko obungenamida obumi ngonaphakade.

[16]

# 2—Ithemba Lokoyiswa Kobubi

"Ndiya kumisa ubutshaba phakathi kwakho mfazi, naphakathi kwembewu yakho nembewu yakhe, yona iya kukutyumza intloko, wena uya kuyityumza isithende, "Genesisi 3:15. Obu butshaba asinto yendalo. Wathi umntu akwaphula umthetho ongcwele, indalo yakhe yaguquka, yambi, yahambelana noSathana. Ingelosi ezawayo zamanyana zangamaqabane nabantu abakhohlakeleyo. Ukuba uThixo wayengangenelelanga, uSathana nomntu ngebangena kubudlelwane bokuchasa izulu, ukuze lonke uluntu lube yimbumba elwa noThixo.

Ngako nje ukuba ave ukuba kuya kubakho ubutshaba phakathi kwakhe nomfazi, naphakathi kwembewu yakhe neyomfazi, uSathana waye wazi ukuba umntu uza kuba nako ukumelana negunya lakhe.

### *Ubabalo Oluphuma KuKristu*

U-Kristu utyala ngaphakathi emntwini ubutshaba ngakuSathana. Ngaphandle kolu babalo luguqulayo namandla ahlaziyayo, umntu
[17] ebeya kuhlala elungele ukwenza akuyalelwe nguSathana. Umthetho omtsha ke, ongaphakathi emphefumlweni, udala ungquzulwano; amandla athi uKristu awanike umntu, amenze ukuba amelane, achasane notshaba. Ukusithiya isono endaweni yokusithanda, kubonakalisa umthetho ovela kuphela ngaseNtla.

Ubutshaba phakathi kukaKristu noSathana bacaca ngokuphandle kwindlela awamkelwa ngayo uYesu lihlabathi. Ubunyulu nobungcwele bukaKristu bavusa intiyo yenkcaso ngakuYe kubantu abangenabuthixo. Ukuzithoba kwaKhe kwaba sisithuko esikhulu kubantu abazaliswe likratshi, nakukubawa. U- Sathana nezithunywa zakhe ezikhohlakeleyo bahlangana nabantu abakhohlakeleyo, ukuchasa iTshawe lenyaniso. Obo butshaba bunjalo, buyabonakala ngakubalandeli bakaKristu. Nabanina ochasana nesilingo, uvusa ingqumbo kaSathana. U-Kristu noSathana abasayi kuze bavumelane.

Nabo bonke ke, abathanda ukuhlala ngokuhlonela uThixo kuKristu Yesu, baya kutshutshiswa”. 1 Timoti 3:12.

Abathunywa bakaSathana basoloko bezungula ukulahlekisa abalandeli bakaKristu ukuze babalobe, basuke ekumhloneleni. Bagqwetha iZibhalo ukuze bafezekise injongo yabo. La moya wabulala uKristu usebenza kwababakhohlakeleyo, ukuba batshabalalise abalandeli baKhe. Yonke le nto ke, yaxelwa kwangaphambili kwesa siprofeto sokuqala sithi, “Ndiya kubeka ubutshaba phakathi kwakho nomfazi, naphakathi kwembewu yakho nembewu yakhe”.

Kungani ukuba uSathana angafumani nkcaso inkulu? Kungokuba luncinane kakhulu uqhagamshelwano Iwenene phakathi kukaKristu namajoni akhe. Kuwo, isono asithiyekanga njengokuba sasinjalo kwiNkosi yawo. Awangqubani naso ngenkcaso enyanisekileyo. Athi amfamekiswe sisimilo setshawe lobumnyama. linkulungwane zabantu azazi ukuba utshaba Iwazo yinjengele elwa noKristu. Nkqu nabalungiseleli beeNdaba eziLungileyo (abefundisi belizwi [18]
ke ukutsho) abazazi iimpawu zokusebenza kwale njengele. Kubo, isuka ibe ngathi ayikho kwa ukubakho.

### *Utshaba Oluphaphileyo*

Olu tshaba luphaphileyo luvela luthi gqada, lubekho kuwo wonke amakhaya, kuzo zonke iizitalato, kuzo zonke iinkonzo, kuwo wonke amaqumrhu alawulayo, kwiinkundla zomthetho: luphixanisa, lukhohlisa, lulahlekisa kuyo yonke indawo; lubhuqa imiphefumlo nemizimba yamadoda, nabafazi, nabantwana; luchitha amakhaya; luhlwayela intiyo, imbambano, ukulahlana, nokubulala. Lonke elo xesha, ihlabathi lizithabatha ngokungathi zenziwe nguThixo ukuba zibekho ezi zinto. Bonke abangakhethanga ukuba ngabalandeli bakaKristu; bazindakanya nabangafuni Thixo, bezibeka esichengeni sokuhendwa, okanye sokulingwa. U- Sathana uya zifihla, bangamboni, aze abathi wambu ngesigqubuthelo emehlweni.

Ukuvumelana nokwenza izithethe zehlabathi kuguqulela ibandla ehlabathini, kungaze kuguqulele ihlabathi ebandleni. Ukuqhelana nesono kusenza singabonakali siyinto ethiyekileyo ehiabathini. Xa sisithi ekusebenzeni kwethu, siziswe ematyaleni, singaqiniseka ukuba uThixo uya sikhusela; kodwa ukuba sizibeka esichengeni sesilingo siya kuwa kungekudala.

Umlingi usebenza ngempumelelo kakhulu ngabo barhaneleka kancinane ukuba baphantsi kolawulo Iwakhe. Italente nenkcubeko zizipho zikaThixo, kodwa ukuba ezi zipho zikhokhelela kude kuYe, zisuka zibe ngumgibe. Amadoda amaninzi achubekileyo
[19] engqondweni angabantu abakuziphatha kubukeka kukuhle kakhulu, kanti azizixhobo ezisulungekileyo kwizandla zikaSathana.

Musa ukusilibala isilumkiso esiphefumlelweyo esidala esiza kuthi kule mihla yethu; "Yibani nobungcathu, phaphani, ngokuba ummangaleli wenu, uMtyholi, uhamba njengengonyama egqumayo, efuna ubani angamqwengayo. "Xhobani sonke isikrweqe sikaThixo ukuze nibe nako ukumisa, nibuchase ubuqhinga boMtyholi." 1 Petrosi 5:8; Efese 6:11. Utshaba Iwethu olukhulu lulungiselela uhlaselo Iwalo lokugqibela. Bonke abalandela uYesu baza kungqubana nolu tshaba. Okona umKristu eya ehamba ngakumbi kumanyathelo kaKristu, kokona aya kuthi, ngokuqinisekileyo, abe lixhoba uSathana ajolisa kulo uhlaselo Iwakhe.

U-Sathana wahlasela uKristu ngezilingo ezoyikekayo ezinobuqhophololo, kodwa wabethwa wathi saa kuwo onke amadabi. Uloyiso olo lusenza ukuba nathi sibe nako ukoyisa. U-Kristu ulungele ukunika amandla kubo bonke abawadingayo, bewacela. Akakho umntu oyakoyiswa nguSathana engavumanga yena ngokwakhe. Umlingi akanawo amandla okulawula intando okanye ingqondo kwanokunyanzela umphefumlo ukuba wone. Angalubanga uxinzelelo lomoya, kodwa akangeke awungcolise. Ngenxa yokuba uKristu woyisayo, abalandeli baKhe bamelwe kukukhuthazeka, babe nesibindi sokulwa kweli dabi lesono, noSathana.

### *lingelosi Ziyanceda*

[20] lingelosi zikaThixo kunye nemimoya yongendawo zityhilelwe ngokucacileyo esiBhalweni yaye ziya thungelana nembali yoluntu. Iingelosi ezithunywe "ukuba zilungiselele abo baza kuba ziindlalifa zalo usindiso zithatyathwe ngabaninzi ngokungathi yimimoya yabafileyo. Noko ke, iZibhalo zinika ubungqina bokuba le asiyiyo imimoya yabafileyo.

Kwangaphambi kokuba kudalwe umntu, iingelosi zazikho, kungoko kwathi xa kumiswa iziseko zehlabathi, aye ememelela kunye amakhwezi okusa noonyana bonke bakaThixo beduma (Yobhi 38:7).

Emva kokuwa komntu, zathunyelwa iingelosi ukuba ziwaluse umthi wobomi phambi kokuba umntu afe. Iingelosi zikumgangatho ongentla komntu kuba umntu "usilelise kancinane" kwizithunywa zezulu, (INdumiso 8:5).

Umprofethi uthi, "Ndeva izwi lezithunywa zezulu ezininzi, zenze isangqa etroneni. Phambi koKumkani wookumkani, ziingelosi eziphulaphula isandla selizwi lakhe. Abalungiseleli bakhe [a]benzi bokuthanda kwaKhe, [a]mawaka waka ezithunywa zezulu." Isityhilelo 5:11; lindumiso 103:20,21; Hebhere 12:22. Njengabathunywa bakaThixo, ziya hamba ngokokubonakala kokuphambana kombane, kunjalo ukukhawuleza kwazo. Ingelosi eyavela kwingcwaba lomSindiso, embonakalo yayo inje ngombane, yenza ukuba abagcini bangcangcazele baza banje ngabafileyo. Mhla uSenakeribe wanyelisa uThixo wagrogrisa noSirayeli, "kwaphuma isithunywa sikaYehova saxabela emkhosini wama-Asiriya, ikhulu elinamanci asibhozo anesihlanu lamawaka," Hezekile 1:14; Mateyu 28:3, 4; 2 Kumkani 19:35.

Iingelosi ziyathunywa ukuba zenzele abantwana bakaThixo umsebenzi wenceba. Zathunywa ku-Abraham ziphethe amadinga entsikelelo; zaya eSodom ukuya kusindisa uLote entshabalelweni, zaya kuxhasa u-Eliya owayeza kufela entlango; ku-Elisha zeza neenqwelo zomlilo kunye namahashe ngexesha wayevalelwe ziintshaba zakhe; uDaniyeli zaba naye elahlwe emhadini weengonyama ukuze [21]
abe lixhoba; zaba noPetros owayegwetyelwe ukufa kumhadi kaHerode; zazinamabanjwa aseFiliphu; zazinaye uPawulosi phakathi koqhwithelo Iwasebusuku elwandle; zavula ingqondo kaKorneli ukuze amkele iindaba ezilungileyo; kuPetros zeze zinesigidimi sosindiso kwabentlanga. Zazisebenza njalo iingelosi ukulungiselela abantu bakaThixo.

### *lingelosi Ezikhuselayo*

Wonke umlandeli kaKristu unikwe ingelosi enye. "Isithunywa sikaYehova sibangqinga ngenxa zonke abamoyikayo, sibahlangule." Ukanti uMsindisi, ethetha kwabo bakholwayo kuYe, "Izithunywa zabo emazulwini zihlala zibubona ubuso bukaBawo osemazulwini." INdumiso 34:7; Mateyu 18:10. Abantu bakaThixo bathi bajongene nobubi betshawe lobumnyama, baqinisekiswe ngenkokhelo

engapheliyo yeengelosi. Loo ngqiniseko inikwa ngenxa yokuba kukho imikhosi enamandla yezithunywa zobumnyama - izithunywa ezininzi kakhulu, ezizimiseleyo nezingatyhafiyo.

[22] *Iingelosi Ezichasa Amacebo KaThixo*

Imimoya engendawo ekuqalekeni yayidalwe yanyulu, ilingana ngendalo, ngamandla, nozuko kunye nezo zingcwele ezizizithunywa zikaThixo ngoku. Kungokunje, ezi ziwileyo, ngenxa yesono, zibumbene ngenjongo yokungamhloniphi uThixo nokutshabalalisa abantu. Zithi zihlangene noSathana ekuvukeleni, zimanyane kwimfazwe yokuchasana negunya elingcwele.

Imbali yeTestamente eNdlala ichaza imvelaphi yazo, nokuba ngexesha uKristu wayelapha emhlabeni, ezi zithunywa zikhohlakeleyo zakhupha nawokugqibela amandla ngendlela emangalisayo. U-Kristu wayeze ngenjongo yokuhlangula umntu, abe yena uSathana ezimisele ukulawula ihlabathi. Waphumelela ekumiseleni unqulo Iwezithixo kulo lonke ihlabathi ngaphandle kwasePalestina. U-Kristu weza kule ndawo eyayingoyiswanga ngokupheleleyo ngongendawo, wazolula iingalo zaKhe zothando, emema bonke abantu ukuba bamkele uxolelo noxolo kuYe. Imikhosi yobumnyama yaqiniseka kwinto yokuba, ukuba ulungiselelo lukaKristu lungaphumelela, olwayo ulawulo luya kubhanga ngesiquphe.

Into yokuba abantu babephethwe ziidemoni ibekwe yacaca kwiTestament eNtsha. Abantu abahlaselweyo, babenganeli nje ukuba nezifo zemveli; uKristu wayequbisana ngqo nezenzeleleli, iiarhente zemimoya engcolileyo. Abantu abaneedemoni baseGadara, amageza adlakadlaka, azigqusha phanti, egebhuza amagwebu, enomsindo, eziphatha dlakadlaka, ezilimaza wona; elimaza nabantu abasondela kuwo. Imizimba yaba bantu eyonakeleyo, emanxeba-nxeba, yayingumbono omhle nothandekayo kwitshawe lobumnyama. Enye yezidemoni zazilawula aba bagulayo yathi, "NguMkhosi igama lam; kuba sibaninzi" Marko 5:9. Lo Mkhosi, ngokwaseRoma
[23] yayiliqela elinesithathu ukuya kwisihlanu samawaka amadoda. U-Yesu wazikhalimela, zemka ezo demoni kwabo bantu; basala bezolile, besezingqondweni, belulamile. Iidemoni ezo zatshabalalisa iihagu ngokuthi ziyokungena elwandle, nto leyo eyaba yilahleko enkulu kubahlali baseGadara abayithabatha ukuba in-

gaphezulu kwentsikelelo ayithululayo uKristu waza ngenxa yaloo nto, wagxothwa uGqirha omkhulu. (Funda uMateyu 8:23-34). Ngokubeka ityala lelahleko phezu kukaYesu, uSathana watyala uloyiko ebantwini, ezama kanjalo ukuba bangawaphulaphuli amazwi aKhe uYesu.

U-Kristu wayivumela le mimoya ingcolileyo ukuba izitshabalalise iihagu ngenjongo yokuthethisa amaYuda awayekhulisa imihlambi yemfuyo eyinqambi. Ukuba uYesu wayengazange awaqhoboshe amandla ezi demoni ngezazifake nabanini- zihagu, elwandle.

Ukudlula apho, esi siganeko senzeka ukuze abafundi babone [24]
amandla kaSathana kubantu nezilwanyana, ukuze bangabi naku-
lahlekiswa bubuqhinga bakhe. Yayikwa yintando kaKristu ukuba
babone amandla aKhe okuqhawula iimbophelelo zikaSathana kuze
kukhululwe amakhoboka. Nangona wemkayo uYesu apho eGadara,
amadoda akhululwa kwiidemoni, asala ebabaza inceba yoMkhululi
wawo.

Zikho nezinye iziganeko ezibhaliweyo: Intombi yomSirofenikazi eyayiphethwe kakubi yidemoni awathi wayikhupha uYesu (Marko 7:25-30); umfana owaye nomoya owawumthi hlasi “umphose futhi emlilweni nasemanzini, ukuba umtshabalalise” (Marko 9:17¬27); umntu owaye nomoya ongcolileyo othanda ukuphazamisa ukuzola kweSabatha eKapernahum (Luka 4:33-36) - bonke aba baphiliswa nguMsindisi. Phantse kwisiganeko ngasinye, uYesu ube ethetha nedemoni njengaxa ethetha nomntu onengqondo, emyalela ukuba angaphindi athuthumbise ixhoba lakhe.

Abakhonzi eKapenahum “bathi qhiphu umbilini bonke, baye bethetha bodwa besithi, “Lilizwi lini na eli, le nto abathethela ngegunya nangamandla oomoya abangcolileyo, baza baphume?” Luka 4:36.

Ukuze babenokuzuza amandla avela phezulu, abanye bayamkela
lula impembelelo yobusathana. Aba ke abazange babe nangx-
aki ngeedemoni. Kwaba, kwakukho abanomoya obona izinto [25]
ezingabonwayo - uSimon Magus, uElina usiyazi, isicakazana esasi-
nomoya wemilozi, silandelana noPawulos noSilas, eFiliphi. Funda:
iZenzo 8:9, 18; 13:8; 16:16-18.

### *Ingozi*

Akakho umntu osengozini enkulu ukudlula lowo ukhanyela ubukho bukaSathana kunye nezithunywa zakhe. Baninzi abalivayo ilizwi lakhe nangona bona bebanga ukuba balandela obabo ubulumko. Njengokuba sifikelela esiphelweni sexesha, uSathana uza kusebenzisa awona mandla makhulu ukulahlekisa ngelo xesha, yonke indawo esasaza ingqondo yokuba akakho. Ngumthetho wakhe ukuzifihla, yena nendlela asebenza ngayo.

Lo mlahlekisi mkhulu uyoyika kuba hleze siwaqonde amaqhinga akhe. Ukuzifihla isimilo sakhe, wenza ukuba xa kuthethwa ngaye kuhlekiswe, okanye adelelwe. Kumnandi kuye xa evezwa ngokuthi uyinto yokuhlekisa, okanye lilishwa, okanye sisilwanyana esikwa ngumntu. Uva kamnandi xa igama lakhe lisetyenziswa ekudlaleni nasekugculeleni. Ngenxa yokuba ezifihle ngobuchule obunqabe kangaka, baya buza abantu bathi, "Ingaba ukho ngokwenene uSathana?"

Sinikwe iLizwi likaThixo ke, ukuze likwazi ukutyhila imfihlelo yemikhosi kaSathana kuba unobuchule obukhulu bokulawula iingqondo zabo bangayiqondiyo impembelelo yakhe.

[26]

### *Ukukhuseleks KuYesu*

Sinako ukuzuza ukunqaba nokuhlangulwa ngamandla amakhulu oMkhululi wethu. Izindlu zethu siyaziqamangela, sizitshixe ngamaqhaga sizama ukusindisa ubomi bethu kubantu abangcolileyo, ukanti asicingi nto konke ngeengelosi ezikhohlakeleyo esingeke sikwazi ukuzikhusela kuhlaselo Iwazo. Ukuba bezinokuba nako, beziya kuyitsala ingqondo yethu, zisithuthumbise emizimbeni, zitshabalalise izinto zethu nobomi bethu. Abo balandela uKristu bakhuselekile phantsi kweliso laKhe. Kuthunyelwa iingelosi ezinamandla kakhulu ukuba zibakhusele. Ongendawo akakwazi ukugqobhoza kukhuseleko uThixo arhangqe ngalo abantu baKhe.

## 3—Ulahlekiso Oluyingozi [27]

Imfazwe enkulu phakathi kukaKristu noSathana ikufuphi esiphelweni yaye ngoku ongendawo uya waphindaphinda amalinge akhe okoyisa umsebenzi uKristu awenzela abantu. Injongo afuna ukuyiphumeza uSathana, kukugcina abantu ebumnyameni, bangaguquki kude kuphele ukuthethelela kukaYesu, uMsindisi. Akanangxaki uSathana xa kukho ukungakhathali ebandleni. Ukuba kodwa imiphefumlo ikhe yabuza yathi, “Ndingenza ntoni ukuze ndisindiswe?” usuka ngoko uSathana, achasane noKristu ukuze ayithibaze impembelelo kaMoya oyiNgcwele.

Kwesinye isiganeko, kweza iingelosi phambi koThixo, noSathana wakho phakathi kwazo, engazanga kuqubuda kuKumkani ongunaphakade koko eqhubeka esilwa nabalungileyo. Funda kuYobhi 1:6. Ukho xa abantu benqula, esebenza ngenkuthalo ukulawula iingqondo zabakhonzayo. Ngexesha umthunywa kaThixo ephengulula iziBhalo, uSathana uqaphele into ekuya kuthethwa ngayo. Uthi ke, asebenzise ubuqhopholololo namaqhinga ukuze isigidimi eso singafikeleli kwabo abahendayo ngaloo ngongoma. Oyena usidinga kakhulu isigidimi eso, wenziwa ukuba axakeke, angabikho; athi [28]
nokuba ukho kubekho nto ithile imphazamisayo ukuze angaliva ilizwi elo.

U-Sathana uya babona abakhonzi bakaYehova ukuba baxakekile kuba ubumnyama bubagubungele abantu! Uya beva bethandazela ubabalo lwezulu kunye namandla okoyisa ukungakhathali nokunqena. Usuka athi, ngamandla avuselelekileyo, abalinge abantu ukuba babe ngamakhoboka; basilele, nokuzibhodloza ngokuzonwabisa, ukuze ingqondo zabo zibe buthuntu basilele nasekuphulaphuleni izinto ekudingeka ukuba bazifunde.

Uyazi uSathana ukuba bonke abatyeshela ukuthandaza nokufunda iziBhalo uza kuboyisa xa ebahlasela. Uye ke, aveze izinto ezininzi zokuxakekisa ingqondo. Abancedisi bakhe basebenza kakhulu xa noThixo esebenza. Bathi baxoke ngabona bantu banyanisekileyo abazinikele ngokupheleleyo, babenze ngokun-

gathi balahlekisiwe okanye bona bangabalahlekisi. Aba bancedisi bakaSathana banobuchule bokugqwetha iinjongo ezintle zezenzo ezilungileyo, ukuthetha kakubi kuhletywa, nokudala ukukrokra kwiingqondo ezingenawo amava. Kuye kucace phofu ukuba, aba ngabakabani na, belandela wuphi na umzekelo nokuba basebenzela bani na. "Niya kubazi ngeziqhamo zabo." Mateyu 7:16. Funda nakwisiTyhilelo 12:10.

### *Inyaniso lya Ngcwalisa*

Zininzi iindlela zolahlekiso ezilungiswe ngumKhohlisi omkhulu ukuze zilungele ilithe ngalinye kwabo anga angabatshabalalisa. Licebo lakhe ukungenisa ebandleni, abantu abanganyanisekanga nabangaguqukanga kakuhle ukuze kuhlwayelwe, kukhuthazwe intandabuzo nokungakholwa. Abaninzi abangenalo ukholo Iwenene kuThixo, bavuma imiqathango ethile yenyaniso baze baphumelele ekulwiseni amaKristu; ze ngaloo ndlela babe nethuba
[29] lokuthubelezisa iimposiso kwiimfundiso zeBhayibhile. Uyazi uSathana ukuba inyaniso eyamkelwe ngothando iyawungcwalisa umphefumlo. Uthi ke, afune ukumisa endaweni yenyaniso, iimfundiso zobuxoki, iintsomi, nento eyenye igospile. Kususela kwasekuqaleni, izicaka zikaThixo zalwa nabafundisi ababuxoki, bengakhohlakalanga nje kuphela, kodwa bemilisela imfundiso zobuxoki eziyingozi emphefumlweni. U-Eliya, uYeremiya, uPawulos, bathi bachasana nabo babesusa abantu kwilizwi likaThixo. Loo nkululeko yayiqonde ukusingela phantsi ukholo Iwenene njengento engabalulekanga, ayizange yamkeleke kwezi ngcwele zazingabathandi benyaniso.

Utoliko ziBhalo olungacacanga nolunomtsalane olutsha ngeemfundiso ezichaseneyo nelizwe lobuKristu, ngumsebenzi womchasi omkhulu wokuphazamisa iingqondo. Isiphithiphithi neyantlukwano phakathi kwamabandla, zibangwa kakhulu kukujijwa kwesiBhalo ukuze kuxhaswe iimbono ezithandwa ngabo bazibambileyo.

Abanye babamba indawana ethile esiBhalweni ukuze baxhase imfundiso ethile egwenxa, kuthatyathwe amasuntswana endimeni, ishiywe inxalenye engathi iyaphikisa. Ngobuqhophololo benamba, basithela ngaphaya kweziqwenga zeendima ezilungiselelwe ukuxhasa iinkanuko zabo. Abanye babamba imifanekiso nemizobo ethile,

bayiguqulele okwabo ukulungelwa, bengazihluphi ngobungqina obunikwa siSibhalo njengoko sikwazi sona ukuzichaza, baze bathi ezi bazibambileyo ziimfundiso zeBhayibhile.

### *l-Bhayibhile lyonke Isisikhokhelo* [30]

Ngalo lonke ixesha sifunda iBhayibhile ngaphandle komoya wokuthandaza, ofundisekayo, nezona ndawo zicacileyo nezilula, ziya kukrunwa, zisuke kwintsingiselo yazo. Abantu kufuneka bayinikwe iBhayibhile injengoko injalo.

NguThixo owanikela ilizwi eliqinisekileyo lesiprofeto; iingelosi noKristu ngokwaKhe beza kwazisa uDanyeli noYohane "izinto ezimele ukubakho kamsinya." IsiTyhilelo 1:1. Izinto ezibalulekileyo zokusindiswa kwethu azizange zityhilwe ngendlela ephazamisayo, nelahlekisayo kwabo bafuna inyaniso. Ilizwi likaThixo licacile kubo bonke abalifunda ngentsliziyo ethandazayo.

Ngonkqangazo oluthi, "Inkululeko", [ukwamkela nayiphi ingcamango nokuba ayivumelani neBhayibhile] abantu baya mfamekiswa ukuze bangawaboni amaqhinga ongendawo. Uthi uSathana aphumelele ukumisa iingcamango zabantu endaweni yeBhayibhile, umthetho kaThixo ubekwa bucala, athi amandla abe phantsi kweembophelelo zesono naxa ebanga ukukhululeka. U- Thixo uvumele ukuba kubekho ukukhanya okukhulu ehiabathini ngokukhula kwesayensi. Nezo ngqondo zinkulu, ukuba azikhokhelwa lilizwi likaThixo, zilahleka mpela kwiinzame zokuphanda ubudlelwane phakathi kwesayensi nesityhilelo.

Ingqondo yomntu ayisebenzi ngokupheleleyo yaye ayigqibelelanga; ngenxa yaloo nto kunzima ukwayamanisa iimbono zesayensi kunye nesiBhalo. Baninzi abamkela iimfundiso zesayensi baze bacinge ukuba iLizwi likaThixo limelwe kukuvavanywa ngolo Iwazi "olubizwa ngokuba lulwazi, kuxokwa." 1 Timoti 6:20. Ngenxa yokuba bengakwazi ukuchaza uMdali nemisebenzi yaKhe, nembali yeBhayibhile, basuka bayithabathe njengenganyanisekanga. Abo [31]
bathandabuza iTestamente eNdala neNtsha, amaxesha amaninzi, baye bathandabuze nobukho bukaThixo. Kuthi ke ngenxa yokugungxula i-ankile yabo, basuke bantlitheke kwiliwa lokungakholwa.

Ulahlekiso lukaSathana lubalasela kakhulu ekugcineni abantu beziqhekeza intloko ngezinto uThixo angazityhilanga. U-Khwezi

akazange aneliswe yinto yokuba uThixo engazandlalanga phambi kwakhe zonke iimfihlelo neenjongo zaKhe waza wakhetha ukutyeshela noko kwakutyhiliwe kuye. Injongo yakhe ke ngoku uSathana yeyokufaka loo moya wakhe ebantwini, abakhokhelele ekutyesheleni neyona miyalelo itsolileyo kaThixo.

### *Inyaniso Eyaliwa Kuba Ingomnqamlezo*

Xa iinyaniso zesiBhalo ziye zangxengwa, zisuswe ulwamvila lokuzincama, zamkeleka ngezandla ezishushu eluntwini. U-Sathana ulungele ukunika abantu loo nto bayifunayo, ngenxa yoko ke, ususa inyaniso, abeke inkohliso endaweni yayo. Ubupopi balifumana ngolo hlobo igunya phezu kwengqondo zabantu. Ngokuyichasa inyaniso kuba ibandakanya umnqamlezo, namaProtestanti alandela elo khondo. Bonke abafundela ukulungelwa kwabo, ukuze bangachasani nehlabathi, baza kuyekelwa ukuba bamkele "amahlelo entshabalalo" endaweni yenyaniso. (2 Petrosi 2:1). Umntu uya kothuswa lolu lahlekiso kanti sengena kolunye.

### *Iimposiso Eziyingozi*

Phakathi kwezithunywa ezikhulu zomkhohlisi omkhulu, kukho
[32] imimangaliso yobuxoki yonqulo Iwemimoya (spiritualism). Xa abantu besala inyaniso, baba ngamaxhoba olahlekiso.

Enye imposiso, yimfundiso ekhangela ubuthixo bukaKrsitu ibanga ukuba akazange abekho phambi kokuba azalwe apha emhlabeni. Le mfundiso ichasene nokwathethwa nguMsindisi wethu ngobudlelwane phakathi kwaKhe noYise kwanobukho baKhe zingekabikho zonke izinto. Isusa isidima nexabiso kwiBhayibhile njengesiTyhilelo sikaThixo. Ukuba abantu baya bukhanyela ubungqina besiBhalo ngoYesu Kristu, kuchitha ixesha ukuxoxa nabo; akukho ngxoxo inako ukubanelisa, nokuba icace kangakanani. Abakho abantu abanale ngqondo yale mposiso, abamqonda kakuhle uKristu okanye icebo likaThixo lokuhlangula umntu.

Enye imposiso yile ithi, akakho umntu onguSathana buqu, nethi igama eli lisetyenziswe yiBhayibhile ukubhekisa kwiingcinga ezimbi neminqweno engalunganga yomntu.

Kwakhona imfundiso ethi ukubuya kwesibini kukaKristu kwenzeka kumntu ngamnye xa esifa, licebo lokususa ingqondo kwinto

yokuba uYesu uza kuza ngamafu ezulu buqu, abonakale. U-Sathana uthi, "Bonani nanko emagumbini (Funda kuMateyu 24:23-26), yaye baninzi abalahlwe kukwamkela le nkohliso.

Kukwakho nabantu besayensi abathi bona ayikho into eyimpendulo yenene yomthandazo; oku ingakukwaphulwa komthetho wemvelo kuba ayisekho imimangaliso. Bathi izulu nomhlaba zilawulwa yimithetho esisigxina (yemvelo) kwaye kungekho nto yenziwa nguThixo inokuchasana naloo mithetho. Bamveza ke uThixo njengobothozwa kwayimithetho yaKhe - ngokungathi imithetho yobuThixo iyibeka ngaphandle inkululeko yobuThixo.

Ayizange yenziwe na imimangaliso nguKristu nabapostile baKhe? Kwa lo Msindisi mnye ukulungele ukuphulaphula umthandazo wokho ngolwa hlobo wayesenza ngalo, ehamba [33]
phakathi kwabantu. Indalo ivumelana negunya langaseNtla. Yinxalenye yecebo likaThixo ukusinika loo nto ebengayi kusinika xa besingayicelanga, ngokuthi aphendule imithandazo yethu.

### *Ukungayikholelwa I-Bhayibhile*

limfundiso eziyimposiso emabandleni, zisusa imilimandlela ebekwe lilizwi likaThixo. Bambalwa abaphelela nje ekulandeleni inyaniso enye kuphela. Uninzi lugungxula inyaniso emva kwenyaniso lude lusale luzingqola ezingakholelwa ntweni.

limposiso ezenziwa kwiimfundiso zobuThixo ezibaluleke eluntwini, zenza ukuba abantu abaninzi bahlukane nokukholwa. Kunzima ukwamkela imfundiso esisithuko ebulungiseni ngenxa yenceba nokuthanda abanye abantu. Nanjengokuba ezi izezona mfundiso zeBhayibhile, usuka ke umntu, angamkeli kwa elo Lizwi likaThixo.

I-Lizwi likaThixo likhangelwa njengelingathembekanga kuba likhalimela isono. Abo bangakulungelanga ukululamela oko likuthethayo, basuke balibhukuqe igunya lalo. Baninzi abangafuni kulikholelwa ngenjongo yokuzithethelela xa bengahambi [34]
ngokomyalelo walo. Abanye, abathanda ubomi obuchebelezayo, bengafuni nto ibanqanda ntweni, bazigwagwisa ngobulumko ababuveza ngokugxeka iBhayibhile.

Baninzi abacinga ukuba kubalulekile ukuba kwicala labangakholwayo, nabakrokrayo; bezingqola ngakwiBhayibhile. Baye bathethe ngokuphandle ngembono zabo, kufumaneke ukuzithemba

kunye nekratshi kubo. Abaninzi bavuyiswa kukufumana eziBhalweni into abangadubaduba ngayo iingqondo zabanye. Bakho ke nabo, bathanda ukuxoxela into engeyiyo kuba bethanda ingxoxo nje kuphela. Kuthi kamva, ngenxa yokubabaza ukungakholwa, oku, bazimanye nabangahloneli Thixo.

### *Ubungqina Obaneleyo*

Elizwini laKhe, uThixo unike ubungqna obaneleyo ngobungcwele balo. Sekunjalo iingqondo ezingazimasekanga aziyiqondi ngokupheleleyo injongo kaThixo omi ngonaphakade. Asikuko nokuba ayiphengululeki imigwebo yakhe, azilandeleki iindlela zakhe!" Roma 11:33. Sekunjalo, siyakwazi ukulwazi uthando IwaKhe olungenamida kunye nenceba ehlanganiswe kumandla aKhe an-
[35] gapheliyo. U-Bawo wethu osemazulwini usityhilela konke esikudingayo, okusilungeleyo; ngapha koko, simele ukuthemba iSandla esinamandla onke, nentliziyo ezaliswe luthando.

U-Thixo akasayi kuze azisuse kuphele izizathwana zokungakholwa. Bonke abaphunguza, befuna izikhonkwane zokujingisa iintandabuzo zabo, baya kuzifumana. Abo bazimisele ukwala ukuthobela kude kuphenduleke yonke into eyinkcaso, abasayi kuze bafike ekukhanyeni. Yonke intliziyo engenziwanga yabantsha inobutshaba noThixo. Ukholo Iona luphenjelelwa nguMoya oyiNgcwele, Iwaye luya kuthwala iziqhamo kwabo banalo. Akukho bani uya komelela elukholweni ngaphandle kwemigudu yokuzimisela. Ukuba abantu bazivule iingqondo zabo, bezivulele ukuba babone iziphoso okanye babe nentandabuzo, baya kufumanisa ukuba intandabuzo yabo iya iqina ngokuqina.

Abantu abathandabuzayo nabangayithembiyo ingqinisekiso yobabalo lukaKristu abamzukisi uKristu. Bayimithi engathwali ziqhamo, (imithi) ethi isithe ilanga lingafiki kwezinye izityalo, ukuze zifadalale, zife ngenxa yethunzi elibandayo. Ubomi babo buya kubonakala ibubungqina obungapheliyo obuchasene nabo.

Inye kuphela indlela yokulandelwa ngabo bafuna ngokwenene ukukhululeka kwintandabuzo. Endaweni yokubuza yonke into le bangayiqondiyo, mabathobele oku kukhanya banako, kuba baya kuzuza ukukhanya okukhulu.

U-Sathana unako ukuveza unomgogwana ofana twatse nale
nyaniso seyikho, ukuze kulahlekiswe abo balungele ukukhohliswa,
abalangazelela ukuphepha amabango enyaniso. Akanako, naphantsi [36]
kweziphi na iimeko, ukugcina phantsi kwegunya lakhe noyedwa um-
ntu olangazelela ukuyazi inyaniso. U-Kristu uyiNyaniso, “elukhany-
iso... olubakhanyiselayo abantu bonke, esiza ehlabathini,” “ukuba
kukho othi afune ukukwenza ukuthanda kwaKhe, woyazi imfundiso [37]
le”. Yohane 1:9; 7:17.

U-Yehova uya bayekela abantu baKhe ukuba bangcungcuthekiswe yimililo yezilingo, kungengakuba iya monwabisa loo nto kodwa ikukuba iya dingeka kuloyiso Iwabo lokugqibela. Naxa enguThixo wozuko, akangeke abakhusele kwizilingo kuba injongo yezilingo kukubalungiselela ukuba bamelane nezilingo zongendawo. Nokuba seyingangamadoda akhohlakeleyo okanye iidemoni, ayikho into enokususa abantu bakaThixo phambi kobuso baKhe ukuba baya zivuma, bazishiye izono zabo, babange amadinga aKhe. Sonke isilingo, esisekuhleni okanye emfihlakalweni, sinokuchaswa ngempumelelo, “kuba akungabukroti, akungamandla, kungoMoya wam; utsho uYehova wemikhosi.” Zekariya 4:6.

“Kananjalo ngubani na yena owononа, ukuba nithe naba ngabalandeli bokulungileyo?” 1 Petros 3:13. U-Sathana wazi kakuhle ukuba, owona mphefumlo ubuthathaka, xa uthe wahlala kuKristu, ungaphezulu kwemikhosi yobumnyama. Uhlala efuna ukuwakhupha amajoni omnqamlezo kwinqaba yawo eyomeleleyo, ngeli xesha, ewalalele, elungele ukutshabalalisa bonke abathi cakatha kumhlaba wakhe. Kuphela, kungokuxhomekeka kuThixo nokuthobela yonke imithetho yaKhe, esinokuthi sibe nokunqaba.

Akakho umntu onokusinda nokuba yimini okanye iyure ngaphandle komthandazo. Cela kuYehova, ubulumko nengqondo yokuqonda iLizwi laKhe. U-Sathana ulichule elikhulu ekucaphuleni iziBhalo, efaka eyakhe inguqulelo. kwiindawo ezithile, ethemba ukuba ngokwenza njalo uya kuba nokusikhubekisa. Kufuneka sifunde ngentliziyo ethobekileyo. Njengokuba kufuneka sisoloko simvundlele uSathana ngenxa yamacebo ache, kufuneka singayeki ukuthandaza sinokholo: “Ungasingenisi ekuhendweni.” Mateyu 6:13.

[38]

# 4— Ubomi Obungunaphakade

U-Sathana owaqala udushe lovukelo ezulwini, wayelangazelela ukubahlanganisa bonke abemi bomhlaba kwimfazwe noThixo. U-Adam no-Eva babonwabe kakhulu ekuthobeleni umthetho kaThixo; benobungqina obabuzingile bokuchasana nebango elalenziwe nguSathana ezulwini, ibango lokuba umthetho kaThixo wawunengcinezelo. U- Sathana wazimisela ukuba uza kubawisa, ukuze umhlaba lo, ube ngowakhe, amise kuwo ubukumkani bakhe obuya kuchasana nOsenyangweni.

U-Adam no-Eva balunyukiswa ngengozi yolu tshaba kodwa uSathana wasebenza ebumnyameni, eyifihlile injongo yakhe. Esebenzisa inyoka njengejelo lakhe, isidalwa esasisihle kunene ngembonakalo; wathetha no-Eva wathi, "Utshilo na okunene uThixo ukuthi, Zenigadli kuyo yonke imithi yomyezo?" U-Eva wangena kwingxoxo naye, kwaza oko kwamenza awe, abe lixhoba leengcamango zakhe ezikhohlakeleyo. "Wathi umfazi kwinyoka, kwezi qhameni zemithi yomyezo singadla; ke iziqhameni zomthi osemyezweni phakathi uthe uThixo, Zeningadli kuzo; ze ningazichukumisi,
[39] misi, hleze nife". "Yathi inyoka kumfazi, anisayi kufa; kuba esazi uThixo ukuba mhlana nithe nadla kuzo, oqabuka amehlo enu, nibe njengoThixo, nazi okulungileyo nokubi". Genesis 3:1-5.

Woyisakala, wanikezela uEva yaza indoda, uAdam, ngempembelelo yakhe, yangena esonweni. Bamkela amazwi enyoka; abazange bamthembe uMdali wabo. Babona ngathi ubakhinkxe ngentambo kwinkululeko yabo. Ingaba uAdam wayifumana isithini intsingiselo yamazwi athi, "Mhlana uthe wawudla, uya kufa?" (Genesis 2:17). Ingaba wayeza kuphakanyiselwa kweyona ndawo iphezulu ekuphileni kwakhe? Akazange ayifumane iyileyo intsingiselo, mhla wanikwa isigwebo yiNkosi. Wathi uThixo, isohlwayo sesono sakhe siya kuba kukubuyela komntu eluthulwini: "ngokuba uluthuli, uya kubuyela kwaseluthulini". Genesis 3:19. Amazwi kaSathana athi, "aqabuka amehlo enu" aba yinyaniso

kuphela ngolu hlobo: amehlo abo avuleka, babona apho baphazame khona. Babazi ububi baza bangcamla nesiqhamo esikrakra sokreqo.

Umthi wobomi wawunako ukubenza baphile, mhlawumbi, ngonaphakade. U-Adam ebeye kuhlala enenxaxheba yokuya kutya kulo mthi, aze aphile ngonaphakade, kodwa wathi akona wasuswa kulo mthi, waza waphantsi kokufa. Ukungabi nakufa kwancanyelwa ekufeni. Bekungayi kubakho themba kuhlanga oluwileyo ukuba uThixo ebengathanga, ngokubingelela ngoNyana waKhe, wakusondeza ukuba kufikeleleke ukungafi. Nangona ukufa kuye "kwabatyhutyha abantu bonke, ekubeni bonke bonayo," uKristu "wabukhanyisa ubomi nokungonakali ngazo iindaba ezilungileyo ezithi "KungoKristu kuphela ekunokuthi kuzuzwe ukungonakali. Lowo ukholwayo kunyana, unobomi obungunaphaade; ke lowo ungamviyo uNyana akasayi kububona ubomi." Roma 5:12; 2 Timoti 1:10; Yohane 3:36.

### *Ubuxoki Bokuqala*

Lo wathembisa ngobomi ekungathobelini waye ngumkhohlisi omkhulu. Isibhengezo senyoka e-Eden - "anisayi kufa" - yintshu- [40]
mayelo yokuqala eyashunyayelwa ngokungafi okanye ngokungonakali komphefumlo. Esi sibhengezo, sixhomekeke kuphela phezu kwegunya likaSathana, sivakaliswa kumaqonga okushumayela, sisamkelwa lula zizihlwele zabantu njengokuba benza njalo abazali bethu bokuqala. Isigwebo sikaThixo esithi "Umphefumlo owonayo, kuya kufa wona wodwa (Hezekile 18:20), senziwa sathetha ukuthi, Umphefumlo owonayo, awusayi kufa, kodwa uya kuphila ngonaphakade. Ukuba emva kokuba onile umntu, wayevunyelwe ukuba afikelele kumthi wobomi, isono sasiyakuba senziwe ukuba sibekho ngonaphakade. Akukho noyedwa ke kusapho luka-Adam, owavunyelwa ukuba athabathe kuloo mthi osiqhamo sinika ubomi. Ngenxa yaloo nto ke, akakho umoni onokungafi.

Emva kwesiwo, uSathana wayalela izithunywa zakhe ukuba ziyifake nzulu inkolo yokungabi nakufa komntu. Zakuba ziboyisele abantu ukuba yamkeleke le mposiso, zaziza kubakhokhelela ekukholelweni ukuba baya kuphila obu bomi bubi, ngonaphakade. Ngoko ke, itshawe lobumnyama limbeka uThixo njengesikhohlakali esinempindezelo, libabaza ukuba uThixo ubagibisela esihogweni

bonke abangamkholisiyo, ukuze kuthi, xa beqhotseka kumalangatye angacimiyo, ahlale abakhangele, aneliswe. Olu tshaba lukhulu Iwambathisa uMniki—Bomi ngengubo yalo. Ukukhohlakala bubusathana. U-Thixo uluthando. U-Sathana lutshaba olumhendela esonweni umntu ukuze emva koko, lumtshabalalise ukuba lunako. Ichasene ngokupheleleyo nothando, nenceba, nobulungisa imfundiso yokuba abafe bengalunganga, bathuthunjiswa Ubomi
[41] Obungunaphakade kwisihogo esingacimiyo, baze bathi ngezono zexesha elifutshane abaliphile emhlabeni, bona bagwetyelwe ithuba elingangokuphila kukaThixo - unaphakade!

Ifumaneka phi kwimfundiso yelizwi likaThixo into enjalo? Ingaba abantu kufuneka bahlohlwe indlela ava ngayo lo usisigebenga esikhohlakeleyo? Hayi, le asinto ifundiswa yiNcwadi kaThixo. “Ndihleli nje, itsho iNkosi uYehova, unakanye ukuba kube mnandi kum ukufa kongendawo, kumnandi kum ukubuya kongendawo endleleni yakhe, aphile. Buyani, buyani ezindleleni zenu ezimbi! Yini na ukuba nide nife? Hezekile 33:11.

Ingaba uThixo uya vuyiswa kukubona ukuthuthunjelwa okungapheliyo? Angaba uyonwatyiswa zizincwino nokugcuma ezintlungiwini kwezidalwa zaKhe? Ingaba izandi ezivakalayo ezibuhlungu zingangumculo kwindlebe kaThixo oluthando? Athi, unyeliso olungaka! Uzuko lukaThixo alukhuliswa ngokubhebhethekisa isono ngonaphakade.

### *Ulahlekiso Ngentuthumbiso Engapheliyo*

Ububi buzaliswe yimfundiso yokuthuthunjiswa ngonaphakade. Inkolo yeBhayibhile ethi uzaliswe luthando nokulunga, yenziwe mbi yinkolelo egwenxa, eyambathiswe ngenkohlakalo. U-Sathana usizobe ngemibala yobuxoki isimilo sikaThixo.; ngenxa yaloo nto, u-Mdali wethu onenceba uye oyikwe, athiyiwe. limbono ezimbi ngoThixo ezithe saa kwihlabathi lonke, ziphuma kumaqonga ekushunyayelwa kuwo, zenze ukuba izigidi zikrokre, zingakholwa.

Ukungcungcuthekiswa ngonaphakade yenye yezo mfundiso, indebe yamasikizi (Isityhilelo 14:8; 17:2), iBhabheli eyiseza zonke izizwe. Abalungiseleli okanye abefundisi bakaKristu balwamkela olu lahlekiso luphuma eRoma ngexesha besamkela iSabatha yobuxoki. Ukuba siya lishiya iLizwi likaThixo, samkele iimfundiso ezibubux-

oki kuba zazifundiswa ngoobawo bethu, siwa phantsi kwesigwebo esinikwa iBhabheli; sisela iwayini yamasikizi ayo. [42]

Iqela elikhulu lityhalelwa kwenye imposiso echasayo. Liya sibona isiBhalo ukuba simbeka uThixo njengonothando nemfesane, ze singakholelwa ukuba angaze athumele izidalwa zaKhe kwisihogo esivutha ngonaphakade. Eli qela lithi, umphefumlo awufi, ngenxa yaloo nto ke, ligqiba kwelokuba bonke abantu baza kusindiswa. Umoni, ke ngoko angaphila ubomi bokuzonwabela, atyeshele izidingo zikaThixo, noko kunjalo uThixo amenzele inceba. Imfundiso enjalo exhaphaza inceba kaThixo ngokusingela phantsi ubulungisa baKhe, iyayixolisa intliziyo yesono.

### *Ingaba Wonke Umntu Uya Kusindiswa?*

Abantu abakholelwa kusindiso nje olungumbumbumbu, baya zikruna iZibhalo. Uthi umfundisi ebanga ukuba ungokaKristu, agxininise kubuxoki benyoka e-Eden, "Anisayi kufa." "Mhlana nithe nadla kuzo, oqabuka amehlo enu, nibe njengoThixo." Uthi, oyena moni mkhulu - umbulali, isela, umkrexezi - mhla wafa, uya kungena kulonwabo lukanaphakade. Intsomi eyanelisayo ngokwenene, ilungiselelwe ukuxolisa intliziyo yomoni. Ukuba ibiyinyaniso into yokuba ekufeni bonke abantu bagqithela ezulwini, sonke simele ukuba silangazelele ukuphuma kobu bomi, siye kulonwabo Iwelizwe likanaphakade.

U-Thixo ubonisa ngokucacileyo eLizwini laKhe ukuba uya kubohlwaya abaphuli bomthetho waKhe. Ingaba inceba yaKhe ayikulingananga na ukuba ingamphatha ngobulungisa umoni? Khangela kumnqamlezo waseKalvari. Ukufa noNyana kaThixo kungqina ukuba "umvuzo wesono kukufa" (Roma 6:23) nokuba konke ukophula umthetho kaThixo kumele kukohlwaywa. U- Kristu ongenasono, waba sisono ngenxa yomntu. Wathwala ubutyala besikreqo, wanyamezela nokuba uYise abufihle ubuso baKhe kuYe, [43]
yada yaphuka intliziyo yaKhe, nobomi bakhe batyunyuzwa - konke oku kusenzeka ukuze umoni ahlangulwe. Wonke umphefumlo owala ukwamkela olu camagushelo Iwenziweyo ngexabiso elingaka, uya kuzithwalela ubutyala bakhe, athwale nokohlwaywa ngenxa yesikreqo sakhe.

### *Imiqathango Ibekwe Yacaca*

"... ndomnika lowo unxaniweyo emthonjeni wamanzi obomi, ngesisa. Eli dinga lelabo banxaniweyo kuphela. "Lowo weyisayo uya kuzidla ilifa izinto zonke; ndiya kuba nguThixo wakhe, yena abe ngunyana wam." Isityhilelo 21:6,7. Imiqathango ibekwe yacaca ukuze; ukuze sidle ilifa lazo zonke izinto, simele ukoyisa isono.

Ongendawo uziqwebela "ingqumbo, ngemini yengqumbo kaThixo nokutyhilwa komgwebo onobulungisa; imini apho kuya kuvuzwa lowo nalowo ngokwmisebenzi yakhe," bavuzwe "ngembandezelo noxinaniso lomphefumlweni bonke abasebenza ububi. "Roma 2:5,6,9.

"Wonke umenzi wombulo, nomntu ongcolileyo, nolibawa, (umntu) ongumkhonzi wezithixo, akanalifa ebukumkanini bukaKristu noThixo. "Banoyolo abo bayenzayo imithetho yaKhe, ukuze igunya labo libe semthini wobomi, bangene ngamasango kuwo umzi. Ngaphandle ke zizinja, nabakhafuli, nabenzi bombulo, nababulali, nabakhonzi bezithixo, nabo bonke ababuthandayo, ababenzayo
[44] ubuxoki" Efese 5:5; iSityhilelo 22:14,15.

U-Thixo uyibalule kumntu wonke indlela asebenza ngayo nesono; "abatshabalalise bonke abangendawo." "Ke bona abangendawo batshatyalaliswa kuphele; izivela-mva zongendawo ziyanqunyulwa." INdumiso 145:20; 37:38. Igunya lolawulo lukaThixo liya kulubhuqa uvukelo, ukanti ubulungisa obohlwayayo buya kufanelana nesimilo sikaThixo njengonenceba nobubele.

U-Thixo akayinyanzeli intando yomntu. Akonwatyiswa kukuthotyelwa ngokobukhoboka. Unga izidalwa zezandla zaKhe zingamthanda kuba efanelwe kukuthandwa. Unga zingamthobela kuba zinengqondo enombulelo ngobulumko baKhe, ubulungisa nobubeie.

Imiqathango yolawulo lukaThixo ihambelana nomthetho woMsindisi, "Zithandeni iintshaba zenu." Mateyu 5:44. U-Thixo wenza ngobulungisa kwabo bakhohlakeleyo ukuze kulungelwe izulu nomh-
[45] laba kwa nokulungelwa kwabo izigwebo zaKhe zibafikelayo. Ube ngabenza bonwabe ukuba ebenako. Uburhangqa ngeempawu zothando IwaKhe abalandele ngokubanika inceba, ukanti bona baya ludela uthando IwaKhe, bawenze into engento umthetho waKhe, bangayamkeli inceba yaKhe. Bathi beqhubeka ukwamkela izipho

zaKhe, babe beqhubeka ukungamzukisi Lowo ubaphayo. U-Yehova ubunyamezele ubugwenxa babo, kodwa angaba ulindeleke ukuba abaqamangele kuYe aba bavukeli, abaqamqngele ngamatyathanga ukuze benze intando yaKhe?

### *Ukungalungeli Ukungena Ezulwini*

Abo banyule uSathana njengenkokheli yabo, abakulungelanga ukuya kungena phambi kukaThixo. Ikratshi, ulahlekiso, ukuthanda iziyolo, nenkohlakalo ziye zamila kwisimilo sabo. Bangakwazi na ukuya kungena ezulwini apho baya kuhlala khona ngonaphakade nabo babebathiyile ngexesha babesemhlabeni? Inyaniso ayisayi kuze ivumelane nobuxoki, ubulali abungeze banelise ukuziphakamisa, ubunyulu abamkelekanga ekungcoleni; uthando olungakhethiyo alunamtsalane kwabanomona. Luvuyo olunjani izulu elinokulunika abo bathe bhakada ekufuneni okukokwabo?

Ingaba abo bantliziyo zabo zizaliswe yintiyo ngakuThixo, ngakwinyaniso nobumngcwele, bangakwazi ukuxubana nesihlwele sasezulwini, bavume kunye nabo, iingoma zokudumisa? Babeyinikiwe iminyaka emininzi yenceba, kodwa abazange bazilulekele ukuthanda ubunyulu, ingqondo zabo. Abazange balufunda ulwimi Iwasezulwini. Sekumva kakhulu ke ngoku.

Ubomi bokuvukela uThixo bubenze abalifanela izulu. Ubunyulu balo noxolo Iwalo lungaba sisigculelo kubo; ukubengezela kukaThixo kungaba ngumlilo odlayo. Banga langazelela ukubaleka bemke kuloo ndawo ingcwele, baxolele ukutshabalala, ukuze [46] bafihlwe ebusweni baLowo wafela ukubathenga. Isiphelo sabangendawo siqinisekiswe kukukhetha kwabo. Ukushiywa kwabo ngaphandle kwezulu kukuzithandela kwabo, yaye uThixo yena ngokobuThixo baKhe, ulungile, unenceba. Njengamanzi kaNogumbe, imililo yomhla omkhulu ibalula ukuba, ngokwesigwebo sikaThixo, abangendawo abanakunyangeka. Intando yabo isetyenziswe ekuvukeleni. (uThixo) Bakuba buphelile ubomi, sekusemva kakhulu ukuba kungajikelwa iingcamango zabo ekuthobeleni, zisuke kwintiyo ziye eluthandweni.

### *Iziphelo Ezibini*

"Umvuzo wesono kukufa; ke sona isibabalo sikaThixo bubomi ubungunaphakade ngaye uYesu Kristu iNkosi yethu". Ngeli xesha ubomi bulilifa lamalungisa, ukufa kusisabelo sabangendawo. "Ukufa kwesibini" kuthelekiswa nobomi obungapheliyo. Roma 6:23; khangela isiTyhilelo 20:14.

Ngokwesiphumo sesono sika-Adam, ukufa kulutyhutyhe lonke uhlanga lwabantu. Bonke, ngokufanayo, bayehla, bangene engcwabeni.

Ngenxa yecebo losindiso, bonke baya kubuyiswa, baphume kumangcwabo abo, "kuza kubakho uvuko lwabafileyo, lwamalungisa kwanolwa-bangemalungisa, "kuba, njengokuba kuye u-Adam bafa bonke, ngokunjalo nakuye uKristu baya kudliswa ubomi bonke." Uyenziwa ke kodwa umahluko phakathi kwezi ndidi zimbini zivusiweyo; "Bonke abasemangcwabeni balive ilizwi laKhe; baphume ke: abo benza izinto ezilungileyo beze eluvukweni lobomi; nabo
[47] ke benza izinto ezimbi beze eluvukweni lokugwetywa " - iZenzo 24:15; 1 korinte 15:22; Yohane 5:28, 29.

### *Isiphelo Sokuphatheka Kakubi*

Abo "kuthiwe bafanele" uvuko lobomi "banoyolo, bangcwele." "Ukufa kwesibini akunagunya kubo abanjalo." Luka 20:35; IsiTyhilelo 20:6. Abo ke, bangakuzuzanga ukuxolelwa ngako ukuguquka nokholo, bamele ukwamkela "umvuzo wesono," ukohlwaywa "ngokwemisebenzi yabo," isiphelo ibe "kukufa kwesibini".

Njengokuba uThixo engenako ukumsindisa umoni esezonweni zakhe, umvimba ithuba lokuphila kuba ubugwenxa bakhe bumenze ukuba alincame yaye naye ubonalisile ukuba akalifanele. "Kusaya kuba mzuzwana, angabikho ongendawo, uthi wakuyikhangela indawo yakhe, ingabikho." "[Baya kuba] njengabangazange babekho. "INdumiso 37:10; Obhadiya isahluko 16. Bangena ekulibalekeni kukanaphakade okungenathemba.

Siya kuphela kanjalo ke isono. "...wabatshabalalisa abangendawo, igama lazo (iintlanga) ulicimile ngonaphakade kanaphakade. Iintshaba zona zififingwe bubugwenxa bazo." INdumiso 9:5, 6. U-Yohane kwisiTyhilelo, uva ingoma yendumiso ephuma kwindalo yonke (izulu nomhlaba) engaphazanyiswa nakancinane bubuyilo.

Akukho miphefumlo inyelisa uThixo kuba ikroqwa isezintlungwini ezingapheliyo. Akukho bantu bakwintlekele yesihogo baya kuphazamisa ingoma yabasindisiweyo ngezikhalo zabo.

Le mposiso ingokungafi ihamba nemfundiso yokuba kukho ukwazi ekufeni. Nayo le mfundiso ingokungcungcuthekiswa ngonaphakade, ichasene nesiBhalo, nokucingisisa kunye nendlela [48]
esiyiva ngayo kwimvakalelo zethu njengabantu.

Inkolo eqhelekileyo, ethanda nguwonke-wonke ithi, abasindisiweyo abasezulwini, bayazi yonke into eqhubeka apha emhlabeni. Bangonwaba njani ke xa besazi ngeenkathanzo abakuzo abantu abaphila emhlabeni, xa bebabona benyamezele iintlungu, ukudaniswa, nokudandatheka ebomini? Athi! ukuba kubi kwenkolo yokuba, ngako nje ukuba umoya uphume emzimbeni, umphefumlo womntu ongaguqukanga, ungena kumalangatye esihogo!

Zithini iziBhalo? Umntu akazi nto xa efile. "Uyaphuma umoya wakhe, abuyele yena emhlabeni wakhe; ngaloo mini ayatshitsha amabhongo akhe." "Ngokuba abadla ubomi bayazi ukuba baya kufa, ke bona abafileyo abazi lutho ..., seluphelile kade uthando Iwabo, nentiyo yabo, nekhwele labo; abasenasabelo naphakade ezintweni zonke ezenzekayo phantsi kwelanga." "Kuba elabafileyo alinakukuncoma, ukufa akunakukudumisa, abahla baye emhadini abakulindele ukunyanisa kwakho. Ophilileyo, ophilileyo nguye owokuncoma, njengam nje namhla." "Ngokuba ekufeni akusekho kukhumbula; kwelabafileyo, ngubanina osenokubulela kuwe? INdumiso 146:4; iNtshumayeli 9:5, 6, Isaya 38:18; INdumiso 6:5.

U-Petros, ngemini yePentekoste wathi, uDavide "wafa wangcwatywa; nengcwaba lakhe likho phakathi kwethu unanamhla. "kuba uDavide, nengcwaba lakhe likho phakathi kwethu unanamhla.
"Kuba uDavide, enganyukanga waya emazulwini," IZenzo 2:29, 34. [49]
Kwa le nto yokuba uDavide abe usesengcwabeni kude kubekho uvuko, ibonisa ukuba awayi ezulwini amalungisa xa esifa.

### *Ukuvukela kubomi Obungunaphakade*

Ngexesha uYesu eshiya abafundi baKhe, akathanga baza kuya kuYe kwakamsinyane. "Ndiya kunilungiselela indawo ndize, ndinamkelele kum ngokwam." Yohane 14:2,3. U-Pawulos yena udlula athi, "iNkosi ngokwayo iya kuhla emazulwini inendandu-

luko, inelizwi leziphatha-zithunywa, inexilongo likaThixo; baze abafele kuKristu bavuke kuqala; sandule thina babudlayo ubomi, basaseleyo, sixwilelwe emafini kwakunye nabo, siye kuyikhawulela iNkosi esibhakabhakeni, size ngokunjalo, sihlale sihleli sindawonye neNkosi. Uqwela ngelithi, "Thuthuzelanani ngala mazwi." 1 Tesalonika 4:16-18. Ekufikeni kweNkosi, aya kuqhawuka amatyathanga avale amangcwaba baze abafele kuKristu, bavukele ebomini obungunaphakade.

Bonke baya kugwetywa ngokwezinto ezibhaliweyo ezincwadini baze bavuzwe ngokwemisebenzi yabo. Lo mgwebo awenzeki ekufeni. "Ngokuba emise umhla aza kugweba ngawo elimiweyo ngobulungisa". "Yabonani, iyeza iNkosi namawakawaka abangcwele bayo, ukuba ibagwebe bonke." IZenzo 17:31; Juda 14, 15.

Ukuba ke ngoko, abafileyo sebexhamla izulu, nabangendawo
[50] baguquguqulwa kumalangatye esihogo, ungaba usafuneka ngantoni umngwebo ozayo? Ilizwi likaThixo licace nasesidengeni. Yeyiphi le ngqondo isebenza kakuhle ibona ubulumko okanye ubulungisa kule mfundiso ikhoyo? Ingaba amalungisa aseza kunconywa kuthiwe, "He eke, mkhonzi ulungileyo, ... .ngena eluvuyweni Iwenkosi yakho," ngoku sebehleli phambi kwaYo, iinkulungwane ezininzi zeminyaka? Ingaba abangendawo baza kubizwa ukuba baphume phaya ekungcungcuthekeni ukuba bazokugwetywa nguMgwebi, athi, "Mkani kum, nina baqalekiswa, niye emlilweni ongunaphakade?" Mateyu 25:21, 41.

Imfundiso yomphefumlo ongafiyo yenye yeemfundiso zobuxoki ezabolekwa yiRoma ebuhedenini. U-Martin Luther wasuka wathi, le mfundiso yenye "yeentsomi ezoyikekayo eziyinxalenye yenkunkuma yeemfundiso zaseRoma." I- Bhayibhile ifundisa ukuba abafileyo balala kude kufike uvuko.

### *Ukungabi Nokufa Kwakufika U-Yesu*

Uphumlo olunoyolo kumalungisa adiniweyo! Ixesha, nokuba lide okanye lifutshane, lingumzuzwana kumalungisa alele; avuselwe ekungonakalini, lixilongo likaThixo. "Kuba liya kukhala ixilongo, bavuke abafileyo bengenakonakala. ... Xa ke oku konakalayo kuthe kwambatha ukungonakali, noku kufayo kuthe kwambatha ukun-

gafi, liya kwandula ukwenzeka ilizwi elibhaliweyo lokuthi, ukufa kufincelwe eloyisweni. "1 Korinte 15:52-54.

Baya kuthi xa bevuka ebuthongweni babo, baqale ukucinga ukuba bebesenza ntoni na kanene. Into yokugqibela yayikukuhlatyaniselwa kukufa; ingcamango yokugqibela, yayiyeyokuba baza kungena phantsi kwamandla engcwaba. Xa bephuma engcwabeni, uvuyo Iwabo oluphambili luya kuvakaliswa ngumkhwazo woloyiso, "Luphina kufa ulwamvila Iwakho? Luphina, Hadesi, uloyiso Iwakho?" 1 Korinte 15:55.

[51] # 5—Ithemba Lobuxoki

Imfundiso yokungabi nakufa ngokwendalo, yabolekwa kuqala kwimbono yobuhedeni nakubumnyama bokreqo olukhulu yaza yangena kwinkolo yobuKristu, yayinyothula inyaniso yokuba "abafileyo abazi lutho". INtshumayeli 9:5. Baninzi kakhulu abakholelwa kwinto yokuba imimoya yabafileyo ingoomoya ababusayo, bethunywe ukuba balungiselele abo baza kuba ziindlalifa zalo usindiso. Hebhere 1:14.

Inkolo yokuba imimoya yabafileyo iyabuya ilungiselele kwabaphilileyo ivule indlela yokungena konqulo Iwangoku Iwemimoya. Ukuba abafileyo banikwa ingqondo edlula ngaphaya kwengqondo abakha banayo, kungani ukuba bangabuyi bazokufundisa abaphilayo? Ukuba imimoya ijikeleza phakathi kwezihlobo zabo, kungani ukuba ingathethi nazo? Abo bakholelwa ukuba ingqondo iyasebenza ekufeni, kungani ukuba bakwale ukukhanya okungcwele xa bekunikwa yimimoya engcwele? Lijelo eli elithatyathwa ngokuba lingcwele, (ijelo) athi asebenze ngalo uSathana.

Iingelosi ezawayo zibonakala njengabathunywa abasuka kwilizwe lomoya, zibonakaliswea njengezihlobo ezabandulelayo.
[52] Baninzi abathuthuzelwa yingqinisekiso yokuba abo babathandayo bonwabe ezulwini. Bathi bengakrokrele ngozi, baphulaphule "oomoya abalahlekisayo, neemfundiso zeedemoni." 1 Timoti 4:1.

Abo bangena engcwabeni bengafanelekanga, babanga ukuba bonwabile yaye bakwindawo eziphezulu ezulwini. Abakhohlisi abazindwendwe eziphuma kwilizwe lemimoya benza izilumkiso ezikhohlisayo. Kuthi, njengokuba kuya kuqina ukubathemba, bangenise iimfundiso ezisingela phantsi iziBhalo. Le nto yokuba bakhe bathethe inyaniso, ngamaxesha athile, baxele iziganeko ezizayo, inika imbonakalo yokuthembeka, yenze loo nto ukuba zamkeleke iimfundiso zabo zobuxoki. Umthetho kaThixo ubekwa ecaleni, uMoya wobabalo ujongelwe phantsi. Imimoya iyabukhanyela ubuthixo bukaKristu aze uMdali abekwe kudidi olulingana nale mimoya.

Nangona kuyinyaniso ukuba iziphumo zamaqhetseba ziye zibekwe endaweni yezibonakaliso zenene, kukho khona izibonakaliso ezikhohlakeleyo. Baninzi abakholelwa ukuba unqulo Iwabemimoya yinto nje abazenzelayo abantu abanobuqhinga . Bathi ke bakugaxeleka kwezi zibonakaliso, banyanzeleke ukuba bazithabathe njengezivela ngase"Ntla", balahlekiswe ke, bazamkele njengezivela kumandla amakhulu kaThixo.

Ngoncedo lukaSathana, abakhafuli bawenza unomgogwana womsebenzi kaThixo. Bona ku-Eksodus 7:10-12. U-Pawulosi uyangqina ukuba ukuza kweNkosi kuye, "kwandulelwa ziziganeko [53]
ezingokokusebenza kukaSathana, ngayo imisebenzi yonke yamandla, nemiqondiso, nezimanga zobuxoki, nangako ukulukuhla konke kokungalingisi. "2 Tesalonika 2:9,10. U- Yohane uthi, "Lenza imiqondiso emikhulu, ukuze lihlise nomlilo emazulwini uze emhlabeni phambi kwabantu, libalahlekise abo bemiyo phezu komhlaba, ngemiqondiso elayinikwayo ukuba liyenze." ISityhilelo 13:13, 14. Akusathethwa ke, ngabantu abazimilisa ngokwabathunywa. Abantu balahlekiswa yimimangaliso eyenziwayo ngabathunywa bakaSathana hayi abangathi baya yenza.

### *Isibheno Esiya Engqondweni*

Kubantu abachubekileyo naba nobuchopho, inkosana yobumnyama iluzisa unqulo Iwemimoya ngendlela ecolekileyo nenika umngeni engqondweni. Udlamkisa ukuthandwa kwemiboniso ebanga uvuyo olukhulu nemifanekiso ecikoza kakhulu ngothando nobubele. Ubakhokhelela abantu ukuba bazidle kakhulu ngobulumko abanabo bade ngeentliziyo zabo, bamdele Osenyangweni ngonaphakade.

U-Sathana ubalukuhla abantu njengoko wenza njalo ku-Eva e-Eden, ngokubavuselela ikratshi lokuziphakamisa Wathi, "[niyakuba] njengoThixo, nazi okulungileyo nokubi". Genesis 3:5. Unqulo Iwemimoya lufundisa ukuba "umntu usisidalwa esiya sikhula ... sisiya ekubeni nguThixo. "Kwakhona "umgwebo ulungile, kuba ugweba u-mna. ... itrone engaphakathi kuwe". Olunye uluvo luthi, "Nawuphina umntu olungileyo nogqibeleyo unguKristu."

Ngoko ke, uSathana umise umntu onendalo yesono, yena buqu, njengomgangatho womgwebo. Ukuba oku yindlela yokuqhubeka ukhula, ngokuqinisekileyo, iyehla ayinyuki. Umntu akasoze

[54] anyuke ngaphezu komgangatho akuwo yena wobunyulu nokulunga. Ukuba u-mna ungumgomo, owona mgomo uphezulu, akasoze afike kwinto engaphezu koko. Lubabalo lukaThixo kuphela olukwaziyo ukumphakamisa umntu. Eyekelwe kuye umntu, ngokuqinisekileyo, uyehla.

### *Isibheno Kubathandi Beziyolo*

Kubantu abathanda zonk'izinto: abathandi beziyolo, nombulo: kubo inkolo yonqulo Iwemimoya iza ngobuqhophololo obungacacanga. Xa seluqatsele olu nqulo, bafumana into ekholana nentando yabo. U-Sathana uqaphela izono zabo; aze umntu ngamnye, akekelele kuzo, akhuthalele ukumvezela amathuba okwanelisa umnqweno lowo wakhe. Ubalinga abantu ngelithe ukuze babe buthathaka emzimbeni, engqondweni nasekuziphatheni. Amawaka uwatshabalalisa ngokuthi azibhodloze ngenkanuko, ayonakalise yonke indalo yawo. Ukugqibezela umsebenzi wakhe, imimoya ithi, "ulwazi Iwenene lumbeka umntu ngaphezu kwawo wonke umthetho", "nayiphi na into, ilungile." U- Thixo akagwebi mntu", zonke izono azinabutyala". Xa abantu bekholwa ngolo hlobo, umnqweno wabo ungowona mthetho

mkhulu, inkululeko yabo ibanika imvume (yokwenza unothanda): loo mntu uphendula kuphela kwisiqu sakhe. Ngubani ke, onokumangala xa ububi buvela macala kubo? Zizihlwele abantu abanga banganelisa okufunwa yinkanuko yabo. U- Sathana uwolela
[55] amawaka kumnatha wakhe; amakhulu abantu abazibiza ngokuba alandela uKristu.

U-Thixo uthumela ukukhanya okwaneleyo ukuze ube nokubonakala umgibe kaSathana. Isiseko sonqulo-mimoya siyalwa nesiBhalo. I-Bhayibhile ithi abafileyo abazi nto, yaye zitshabalele iingcinga zabo; abanasabelo kuvuyo nakwiintlungu zabo basemhlabeni.

### *Ubudlelwane Obalelweyo*

Ngaphezu koku sekutshiwo, uThixo ukwalele ukuzama ukuxhumana nemimoya yabafileyo. "Imimoya eqheleke ukubizwa njengabatyeleli abaphuma kwamanye amazwe, ibizwa yiBhayibhile njengemimoya yeedemoni". Funda Numeri 25:1-3, INdumiso 106:28, 1 Korinte 10:20; ISityhilelo 16:14. Ukusebenzisana nabo

yinto eyayalelwe phantsi kwesigwebo sokufa. Levitikus 19:31; 20:27. Sekunjalo, unqulo-mimoya luyokugqobhoza kumaqumrhu esayensi, Iwangena emabandleni, Iwamkeleka kwizindlu zokulawula eburhulumenteni, nakwiiinkundla zeekumkani. Olu lahlekiso lukhulu luyimvuselelo yobugqwirha obachazwa kudala, ubugqwirha obuvathe ingubo entsha.

Ngokuveza ukuthi, noyena mntu uziphethe kakubi usezulwini, uSathana uthi kwihlabathi, "Akukho nto nokuba uyakholwa okanye akukholwa, phila ngolu hlobo uthanda ngalo, izulu likhaya lakho". Ilizwi likaThixo lithi, "Yeha abathi okubi kulungile, okulungileyo kubi, abamisa ubumnyama endaweni yokukhanya, ukukhanya endaweni yobumnyama". Isaya 5:20.

### *Kuthiwa I-Bhayibhile lyincwadi Yeentsomi*

Imimoya exokayo, ezimilise okwabapostile, ithetha okuchasene noko babe kuthethile besesemhlabeni. U-Sathana wenza ukuba ihlabathi likholelwe kwinto yokuba iBhayibhile ziintsomi, incwadi elungele ukukhulisa uhlanga, isuka ithatyathwe njengeyaphelelwa lixe- [56]
sha. l-ncwadi eza kugweba yena nabalandeli bakhe, uyibeke emthunzini, aze enze uMsindisi wehlabathi ukuba angabinto. Abakholelwa kwizibonakaliso zemimoya bazama ukuba ibe ngathi akukho nto imangalisayo kubomi boMsindisi wethu. Eyabo imimangaliso babanga ukuba iyidlula lee imisebenzi kaKristu.

Unqulo-mimoya ngoku luzimilisa njengobuKristu. limfundiso zalo zona azinakukhanyelwa yaye zingenakufihlakala. Ngokwemo le luyiyo ngoku, luyingozi kakhulu, lunobuqhophololo obugqithisileyo, lukwalahlekisa. Ngoku lubanga ukuba luyamamkela uKristu neBhayibhile. Sekunjalo, iBhayibhile itolikwa ngendlela eyanelisa intliziyo engahlaziyekanga. Kugxilwa eluthandweni ngathi lolona luphawu lukhulu lukaThixo, kodwa lurhuqwa, lutsalelwa kumgangatho ophantsi wobushushu obungebubo. Ukugweba isono kukaThixo, izidingo zomthetho waKhe ongcwele, ezo zinto ziya lahlwa. lintsomi zikhokhelela ekubeni abantu bayichase iBhayibhile njengesiseko sokholo. U-Kristu uya liwa ngoku njengakuqala, kodwa ulahlekiso aluqondwa.

Bambalwa abawaqondayo kakuhle amandla olahlekiso lonqulo-mimoya. Abanizni badlala ngalo nje ukuze banelise umdla

wabo. Bebeya kothuka ukuba bebengafikelwa yingqondo yokuba bazinikela kulawulo Iwemimoya. Badlalela kumhlaba owalelweyo, aze lo ungumtshabalalisi asebenzise igunya lakhe ngokuchasene nentando yabo. Ukuba nje bangavuma ukuyekela ingqondo yabo ekukholelweni nguye, uya kubabamba babe ngamaxhoba. Kuphela ngamandla kaThixo, ekuphenduleni umthandazo onyanisekileyo, anako ukuyihlangula le miphefumlo.

Bonke abonwabela isono esaziwayo ngokuzithandela, bamema izilingo zikaSathana. Baya zikhupha kuThixo naphantsi kokwaluswa ziingelosi zaKhe, baze bangabi nalo ukhuseleko.

[57] "Xa bathe kuni, quqelani kwabanesholologu nakoosiyazi, abalozayo, abadumzelayo; yithini, abantu mabangaquqeli kuThixo wabo, yini na? Ngenxa yabaphilileyo mabaquqele kwabafileyo na? Bhekani esiyalweni, esingqinweni! Ukuba bathe abathetha ngokwelo lizwi, boba abanasifingo. Isaya 8:19, 20.

Ukuba abantu babekulungele ukwamkela inyaniso ngemeko yendalo yomntu nangemeko yabafi, bebeya kubona kunqulo- mimoya, amandla kaSathana nezimanga zobuxoki bakhe. Inkitha yabantu iyawavala amehlo ayo ngasekukhanyeni aze uSathana abathandele ngezabatha zakhe... ngenxa enokuba bengakwamkelanga ukuyithanda inyaniso ukuze basindiswe. Nangenxa yoko, uThixo uya kubathumela ulahlekiso olusebenza ngamandla, ukuze bakholwe bubuxoki". 2 Tesalonika 2:10,11.

Abo bachasa unqulo-mimoya, bahlasela uSathana nezithunywa zakhe. U-Sathana akasoze aqalise ukuhlehla nakancinane ngaphandle kokuba ubethwa ngabathunywa basezulwini. Usicaphula isiBhalo njengakwimihla ka Kristu, yaye uya kuzigqwetha iimfundiso zaso. Abo banga bangema ngeli xesha lomgcipheko, kufuneka bona bazazele ngokwabo ubungqina beziBhalo.

### *Mazaziwe Izibhalo*

Imimoya yeedemoni, izimilise okwezizalwana nezihlobo kuthi yaye iya kubhenela kwimfesane zethu, isebenze nemimangaliso. Kufuneka simelane nayo ngenyaniso yeBhayibhile; sigxininise ukuba abafileyo abazi nto, sigxininise nokuba abo bavela kuthi ngolo hlobo, bayimimoya yeedemoni.

Bonke abalukholo Iwabo lungazinzanga okanye lungakhelwanga eLizwini likaThixo, baya kukhohliswa baze boyiswe. USathana uyasebenza ... yaye inkohliso yakhe iyakhula. Abo bafuna ulwazi Iwenyaniso nokwenza nyulu imiphefumlo yabo ngokuthobela, baya kuzuza ukhuseleko oluqinisekileyo kuThixo wenyaniso. Kungekudala, uMsindisi angazithumela zonke iin- [58]
gelosi ziphuma ezulwini, ukuba zibakhusele abantu bakhe endaweni yokuba ayekele umntu nokuba mnye othembele kuYe ukuba oyiswe nguSathana. Abo bazithuthuzela ngokuthi baqinisekile ukuba akukho kugwetywa kwaboni, abashiya inyaniso ezikhutshwe lizulu ukuze zibe sisikhuselo ngomhla wembandezelo, baya kwamkela ubuxoki anikisa ngabo uSathana, ulahlekiso loonomgogwana bonqulo-mimoya.

Abagxeki balahlekisa ngeziphakamiso zesiBhalo ngecebo losindiso kunye nokubethwa okuza kufikela abo bayilandulayo inyaniso. Batsala ukusizelwa okukhulu kwiingqondo ezincinane, ezibuthathaka, (iingqondo) ezineenkolo kakhulu ukuba zingade zithobele umthetho kaThixo. Bazinikela kakhulu kangako kumhendi, (basondele kangaka kuye) bamanyane kangaka naye, bazaliswe ngumoya wakhe kangangokuba abalangazeleli konke ukuqhawula izabatha zakhe.

Isiseko somsebenzi kaSathana sabekwa ngengqiniseko eyanikwa uEva eEden. “Anisayi kufa. Mhlana nithe nadla kuzo, oqabuka amehlo enu, nibe njengoThixo, nazi okulungileyo nokubi.” Genesis 3:4,5. Incopho yolahlekiso Iwakhe iya kufikelelwa ngexesha eliseleyo lokugqibela. Uthi umprofeti, “Ndabona kuphuma emlonyeni wenamba, nasemlonyeni werhamncwa, oomoya abathathu abangcolileyo, befana namasele;... bangoomoya beedemoni, besenza imiqondiso, abaphuma baye kubo ookumkani bomhlaba, nabelimiweyo liphela ukubahlanganisela emfazweni yaloo mini inkulu kaThixo, uSomandla, “Isityhilelo 16:13,14.

Ngaphandle kwabo bagcinwe ngamandla kaThixo ngokukholwa IwiLizwi laKhe, ihlabathi lonke liya kukhukhuliseka lolu lahlekiso. Abantu baya bengena ebuthongweni benkuseleko engekhoyo; apho baya kuvuswa kuphela kukuthululwa komsindo kaThixo.

[59] # 6—Uxolo Lwenene

Kuyo yonke indawo apho liye lashunyayelwa ngokunyanisekileyo iLizwi likaThixo, iziphumo ziye zangqina ukuba liphuma engcweleni. Aboni baziva zivuswa izazela zabo. Ukoyiseka okukhulu kubakho ezingqondweni nasezintlisziyweni zabo. Bafikelwa yingqondo yobulungisa bukaThixo, bakhale bathi: "azi ngubani na oya kundihlangula kulo mzimba woku kufa? Roma 7:24. Ngokuya kutyhilwa umnqamlezo, babona kuphela uKristu onokubacamagushela izikreqo zabo. Kungegazi likaYesu abathi bazuze uxolelo "kwizono ezibe zenziwe ngenxa engaphambili". Roma 3:25.

Le miphefumlo yakholwa, yabhaptizwa, yavuka yahamba inobomi obutsha, ngokholo loNyana kaThixo ukuba ilandele kumanyathelo aKhe, ibonakalise isimilo saKhe, ize izenze nyulu njengokuba naYe enyulu. Izinto ababezithiyile, ngoku baya zithanda, nezinto ababezithanda, ngoku bazithiyile. Inxila libuyela ezingqondweni, obeziphethe kakubi, ngoku unyulu. AmaKristu awafunanga ihombo yangaphandle: ukuphothwa kwenele, igolide nokunxiba mbejem-
[60] beje koko afuna ihombo yentliziyo enobulali; into elixabiso kuThixo. (Funda u -1 Petros 3:3,4).

Naxa imvuselelo zazinezibheno kuboni: iziqhamo azibonakalanga ngokuya betshona esonweni kodwa ngovuyo bazibona ukuba bakufanele ukubulaleka ngenxa kaKristu. Abantu balubona utshintsho kwizimilo zabo; kwimvuselelo yenkolo kwiminyaka eyadlulayo.

limvuselelo ezininzi zale mihla yangoku, zinomahluko omkhulu. Yinyaniso yona into yokuba baninzi abathi baguqukile, yaye makhulu namanani abantu abangena emabandleni. Zona iziphumo aziyiqinisekisi inkolo yokuba kukho ukukhula kubomi basemoyeni ngenene (ukukhula okufana noku kwamanani). Ukukhanya kubakho nje umzuzwana, kuphinde kucime.

limvuselelo ezithandwa kakhulu zezivuse uchulumanco lokuziva uchukumisekile: zona ke, zanelisa inkanuko yokuthanda izinto ezintsha nezidlamkisayo. Abaguqukayo abalangazeleli nokuphula-

phula inyaniso yeBhayibhile. Ukuba inkonzo ayinanto ivusafudlamko, ayinamtsalane kubo.

Umphefumlo ngamnye oguquka ngokwenene kuThixo uthanda ukuthetha ngobudlelane noThixo kunye nezinto zikanaphakade. Uphi kula mabandla athandwayo anamhla, umoya wokuzinikela kuThixo? Abaguqukayo abahlukani nekratshi nokuthanda ihlabathi. Abanantumekelelo yokuzincama, balandele uYesu onobulali nothobekileyo ngaphezu kokuba babenjalo bengekaguquki. Ubuthixo, phantse bube bumkile kumabandla amaninzi.

### *Abalandeli BakaKristu Benene*

Kuphangalele kunjalo ukuhla kokholo, bakho abalandeli bakaKristu benene kula mabandla. Phambi kokuba zifike iz- [61]
ibetho zokugqibela zikaThixo kulo mhlaba, kuya kubakho phakathi kwabantu bakathixo, uvuselelo lobuthixo bakuqala obungazange bubonwe kususela kwixesha lababapostle. U-Moya kaThixo uya kuthululwa. Abefundisi abaninzi kunye nabantu, baya kuzamkela inyaniso ezinkulu ezilungiselela abantu ukuwuthintela lo msebenzi yaye (uSathana) uyakuthi, phambi kokuba lifike ixesha laloo nto, azame ukuyinqanda ngokuthi aveze unomgogwana. Uya kwenza ukuba ibe ngathi intsikelelo kaThixo igalelwe phezu kwaloo mabandla akwaziyo ukuwabeka phantsi kolawulo Iwakhe. Izihlwele ziya kuvuya zithi, "U-Thixo usebenza ngendlela emangalisayo, ukanti umsebenzi wenziwa ngomnye umoya. Phantsi kokuzimilisa okwenkolo, uSathana uya kuzama ukuyihlwayela impembelelo yakhe kulo lonke elimiweyo lobuKristu. Kobakho uvuyo nochulumanco ukuhlangana kwenyaniso nobuxoki, konke kulungiselwe ukulahlekisa.

Kanti ke, ekukhanyeni kweLizwi likaThixo, akukho nzima ukuqaphela indalo yeentshukumo. Naphina apho abantu batyeshela iLizwi likaThixo, bemke kwinyaniso ecacileyo, inyaniso ewuvavanyayo umphefumlo - efuna umntu azincame, alishiye ihlabathi, apho ke, singaqiniseka ukuba ayithululwanga intsikelelo kaThixo. Ngokomthetho othi, "Nobaqonda ngeziqhamo zabo. "(Mateyu 7:16), kuyacaca ukuba ezi ntshukumo azinguwo umsebenzi woMoya kaThixo.

linyaniso zeLizwi likaThixo zilikhaha ekukhohliseni kukaSathana. Ukutyeshelwa kwezi nyaniso kuvalele ububi obuthe sa ehlabathini. Ukubaluleka komthetho ongcwele kaThixo kulahleke kakhulu ez-
[62] ingqondweni. Ingqiqo ephuthileyo yomthetho ongcwele ikhokhelele kwiziphoso ekuguqukeni nasekungcwalisweni, yawuthoba umgangatho wobungcwele.llele apho ke into yokusweleka koMoya kaThixo kwiimvuselelo zeli xesha lethu.

### *Umthetho wenkululeko*

Abefundisi abaninzi bathi uKristu, ngokufa kwaKhe, wawubhangisa umthetho. Abanye bawubeka njengedyokhwe enzima, nokuba ngokuchasene "nobukhoboka" bomthetho, bona bazisa inkululeko abayixhamla phantsi kweendaba ezilungileyo (kwiGospile).

Abaprofeti nabapostile abawuthabathanga njalo bona umthetho kaThixo. U-Davide wathi, "Ndihamba-hambe endaweni ebanzi ngokuba ndifuna iziyalezo zakho." (iNdumiso 119:45). Umpostile uYakobi uthetha ngemithetho njengomthetho ogqibeleleyo wayo inkululeko. Yakobi 1:25. Umtyhilelwa uvakalisa intsikelelo phezu kwabo "bayenzayo imithetho yakhe, ukuze igunya labo libe semthini wobomi, bangene ngamasango kuwo umzi. "ISityhilelo 22:14.

Ukuba kwakunokwenzeka ukuba umthetho uguqulwe okanye ubekelwe bucala, kwakungayi kubakho sidingo sokuba uKristu afe ukuze abantu basinde kwityala lesono. U- Nyana kaThixo wafika wawukhulisa umyalelo, wawenza wanobungangamsha. "Isaya 42:21. Wathi, "Ningabi ndize kuchitha mthetho" kode kudlula izulu nehlabathi, kungakhange kudlule nalinye iganyana nokuba lisuntswana emthethweni. Ngokubhekisele kuYe, wathi; "Ukwenza okulikholo kuwe, Thixo wam, ndikunanzile, nomyalelo wakho usezibilinini zam, ngaphakathi." Mateyu 5:17; iNdumiso 40:8.

Umthetho waKhe usiisibonakaliso sesimilo saLowo wawumisayo. U-Thixo uluthando, nomthetho waKhe uluthando.
[63] "Uthando luyinzaliseko yomthetho." Uthi umdumisi, "Umyalelo wakho uyinyaniso,... yonke imithetho yakho inobulungisa." U-Pawulos yena uthetha enjenje, "umyalelo wakho ungcwele; nomthetho waKho ungcwele, unobulungisa, ulungile." Roma 13:10; liNdumiso 119:142, 172; Roma 7:12. Umthetho onje umele ukuhlala uhleli njengoMniki wawo.

Ngumsebenzi wenguquko nongcwaliso ukuxolelaniswa kwabantu noThixo ngokubenza ukuba babe mxhelo-mnye nemiyalelo yomtheho waKhe. Ekuqalekeni, umntu wayevumelana ngokugqibeleleyo nomthetho kaThixo. Isono sona samenza wachasela ngokotshaba kuMenzi wakhe. Intliziyo yakhe yangena emfazweni nomthetho kaThixo. "Ngokuba ukunyameka kwenyama kububutshaba kuThixo: kuba umthetho kaThixo kungawululameli kuba kungenako nokuba nako ukwenjenjalo." Roma 8:7. Kodwa, "wenjenje uThixo ukulithanda kwakhe ihlabathi, ude wancama unyana wakhe okuphela kwamzeleyo," ukuze umntu axolelaniswe noThixo, abuyiselwe kubunye noMenzi wakhe. Le nguquko kukuzalwa ngokutsha, ekungekho namnye unako "[ukububona] ubukumkani bukaThixo" ngaphandle kwako. Yohane 3:16, 3.

### *Ukuvuma Ubukho Besono*

Inyathelo lokuqala ekuxolelanisweni noThixo, kukuvuma ubukho besono. "... Isono sikukuchasana nomthetho." "Isono saziwe ngokubakho kaMthetho." 1 Yohane 3:4; Roma 3:20. Ukuze abubone ubutyala bakhe, kufuneka umoni aveze isimilo sakhe kwisipili sikaThixo esibonisa ukugqibelela kwesimilo esilungileyo, simenze abone iziphako kwesakhe.

Isono sityhila isono esisemntwini kodwa asinalo uncedo. Simxelela umoni ukuba isabelo sakhe kukufa. Ziindaba ezilungileyo zikaKristu kuphela ezinokumkhulula ekugwetyweni okanye ekungcolisweni sisono. Kufuneka aguqukele kuThixo, omthetho waKhe [64]
waphulweyo, abe nokholo kuYesu, kumbingelelo waKhe ocamagushelayo. Uthi ke, azuze ukucamagushelwa "kwezono ezibe zenziwe ngenxa engaphambili" (Roma 3:25) abe ngumntwana kaThixo.

### *U-Luther Ubonisa Indlela Yokuzuza Uxolelo Nosindiso*

Ulangazelelo lokuba noxolo noThixo, Iwakhokhelela uMartin Luther ukuba achithele ubomi bakhe ekuhlaleni kwindawo yabucala. Kwakulindeleke ukuba enze owona msebenzi uphantsi apha, angqibe kumakhaya ngamakhaya. Wakunyamezela oku kungcungcuthekiswa, ekholwa ukuba kuyadingeka ngenxa yezono zakhe.

Waphila ubomi obunzima kakhulu, ezama ngokuzila, ukungalali, nokuzibetha, ezama ukuqoba ububi bendalo yakhe. Emva

koko wathi, "Ukuba umntu oyi'monk' angangena ezulwini ngobu 'monk' bakhe, ngokuqinisekileyo, bendiya kuba nalo nam elo lungelo.... Ukuba ibingaqhuba ixeshana ukubheka phambili loo nto, bendiya kukuthwala ukubethwa kwam ndide ndiyokufa." Kuyo yonke imizamo yakhe, umphefulmlo wakhe onemithwalo enzima awuzange ufumane kuphumla. Ekugqibeleni wafika kwindawo apho ancama khona.

Kwathi xa konke kubonakala ngathi kuncamekile, uThixo wamnika umhlobo. U-Staupitz wamvulela iLizwi likaThixo uLuther, wamcela ukuba angakhangeli kwisiqu sakhe kodwa akhangele kuYesu. "Endaweni yokuzingcungcuthekisa ngenxa yezono zakho, zilahlele wena kwiingalo zoMsindisi. Thembela kuye, ebulungiseni bobomi baKhe, kucamagushelo lokufa kwaKhe.... Mthande Lowo wakuthanda kuqala." Amazwi akhe angena nzulu kwingqondo ka-Luther. Wafumana uxolo kumphefumlo okhathazekileyo.

Kamva, livakala ilizwi likaLuther eseqongeni lokushumayela limnika isilumkiso. Wabubeka phambi kwabantu ububi besono,
[65] wabafundisa ukuba akangeke umntu alicuthe ityala lakhe okanye aphephe ukohlwaywa. Kuphela yinguquko kuThixo nokholo kuKristu okunokusindisa umoni. Ubabalo lukaKristu angeke luthengwe; lusisipho samahala. Wabacenga abantu ukuba bangathengi iincwadi zokuxolelwa izono, kodwa, ngokholo mabakhangele kuMsindisi owabethelelwayo. Wachaza amava akhe abuhlungu, wabaqinisekisa abo bamphulaphulayo ukuba uxolo nolonwabo, walufumana ngokukholwa kuYesu.

### *Ukuxolelwa Kuya Sikhulula Na Ekuthobeleni?*

Angaba umoni oxolelwayo ukhululekile na ukuba awaphule umthetho kaThixo? Uthi uPawulos, "Umthetho ngoko siyawuphuthisa na ngalo ukholo? Nakanye, siyawumisa wona umthetho." U-Yohane yena uthi, "Kuba ukumthanda uThixo kuko ukuthi, siyigcine imithetho yakhe; ayinzima ke imithetho yakhe." Ekuzalweni ngokutsha, intliziyo yenziwa ivumelane noThixo, ngokomthetho waKhe. Xa le nguquko yenzekile kumoni, uphumile ekufeni wangena ebomini, uphume elukreqweni wangena ekuthobeleni nasekunyanisekeni. Ubomi obudala buphelile; ubomi obutsha boxolelo, ukholo nothando, buqalile. Ubulungisa bomthetho "buthi buzaliseke

kuthi, thina singahambiyo ngokwenyama; sihambayo ngokoMy-oya." Ulwimi lomphefumlo luya kuthi, "Hayi, ukuwuthanda kwam umyalelo wakho! Imini le ndiyacamngca ngawo." Roma 3:31; 6:2; 1 Yohane 5:3; Roma 8:4; iNdumiso 119:97. [66]

Ngaphandle koMthetho, abantu abanako ukusazi isono baze ke, bangayidingi inguquko. Abayiqondi into yokuba bayalidinga igazi likaYesu elicamagushelayo. Ithemba lokusindiswa lamkelwa ngaphandle kwenguquko ecacileyo yentliziyo okanye ukuhlaziywa kobomi. Intno eninzi yinguquko ehamba nje apha ngaphezulu, izihlwele zingene enkonzweni zingazanga zamanyana noKrisu.

### *Kuyintoni Ukungewaliswa?*

limfundiso eziyimposiso ngokungcwaliswa zikwavela ekutyeshelweni okanye ekwaliweni komthetho ongcwele. Ezi mfundiso zibubuxoki kokufundiswayo, ziyingozi nangeziphumo zokwenziwayo, ziye zithandwe kakhulu.

U-Pawulos uthi, "...oku kukuthanda kukaThixo, ukungcwaliswa kwenu." I-Bhayibhile ikufundisa ngokucacileyo ukuba kuyintoni na ukungcwaliswa nokuba kwenzeka njani na. U-Msindisi wathandazela abafundi baKhe wathi, "Bangcwalise ngayo inyaniso yakho, ilizwe lakho liyinyaniso." U-Pawulos ubuya afundise ukuba amakholwa aya[kungcwaliswa] ngoMoya oyiNgcwele." 1 Tesalonika 4:3; Yohane 17:17; Roma 15:16.

Uyintoni umsebenzi kaMoya oyiNgcwele? Wathi uYesu kubafundi baKhe, "Xa ke athe wafika yena uMoya wenyaniso, uya kunikhokhelela kuyo yonke inyaniso." Umdumisi yena uthi, "Umthetho wakho yinyaniso." Njengokuba umthetho kaThixo ungcwele, unobulungisa, ululngile, isimilo esiqulunqwe ngokuthobela loo mthetho siya kuba ngcwele. U-Kristu ungumzekelo ogqibeleleyo wesimilo esinjalo. Uthi, "Ndayigcina imithetho kabawo." "[Ndenza] izinto ezikholekileyo kuye" abalandeli bakaKristu kufuneka babe [67]
njengaYe - baze ngobabalo lukaThixo, bavumele ukuba kwenziwe izimilo zabo zihambelana nemiyalelo yomthetho waKhe ongcwele. Oku kukungcwaliswa ngokweBhayibhile.

### *Kungokholo Kuphela*

Lo msebenzi ungenziwa kuphela ngokukholwa kuYesu, ngamandla kaMoya kaThixo ohleli ngaphakathi. UmKristu uya kukuva ukuzamazama kwesono aze yena athi chu kwimfazwe yokuchasana naso. Kulapha apho ludingeka khona uncedo lukaKristu. Ubuthathaka bomntu buthi buhlangane namandla angcwele, luze luhlahlambe ukholo luthi, "Makubulelwe ke kuThixo, osinikayo uloyiso olo, ngayo iNkosi yethu uYesu Kristu." 1 Korinte 15:57.

Umsebenzi wokungcwaliswa ungumsebenzi oqhubekayo. Xa ekuguqukeni umoni efumana uxolo noThixo, buyaqala ngelo xesha ubomi bobuKristu. Uza kuthi ngoku "aqhubele kwelokukhula", ekhulela "ebudodeni obupheleleyo, emlinganisweni wobukhulu bokuzala kukaKristu." "Ndiphuthume ngokuxunele umvuzo wobizo Iwaphezulu lukaThixo, kuKristu Yesu." Hebhere 6:1; Efese 4:13; Filiphi 3:14.

Abo banamava olu ngcwaliso IweBhayibhile, babonakala ngokuthobeka. Bazibona ukungabi naxabiso nokungafaneleki xa bezitheliksa nengqibelelo kaThixo. Umprofeti uDaniyeli wayengumzekelo wongcwaliso Iwenene. Endaweni yokuba athi unyulu, ungcwele, lo mprofeti uhloniphekileyo, wazibeka kumgangatho wabona boni kwaSirayeli ngexesha ethethela abantu bakowabo kuThixo. Daniyeli 10:11; 9:15, 18,20; 10:8, 11.

[68] Akungekhe kubekho ukuziphakamisa, nokuzigwagwisa ngokungabi nasono kwabo bahamba esithunzini somnqamlezo. Banento ethi, kwakungenxa yesono sabo ukuze uNyana kaThixo abesentlungwini, ophuke nentliziyo, ize le ngcamango ibenze bazithobe. Abo bahlala kufuphi noYesu, babubonz kakuhle ubuthathaka nokuzaliswa sisono kobuntu, yaye ithemba elinye abanalo lelesiqhamo sokubethelelwa nokuvuka koMsindisi.

Ukungcwaliswa ngoku okuya kubaluleka kwinkolo yehlabathi, ikhatshwa ngumoya wokuziphakamisa nokutyeshelwa kaMthetho kaThixo, bubalwa ngokuthi akuyo nxalenye yeBhayibhile. Abo bamkela le nkolo bafundisa ukuba ukungcwaliswa ngumsebenzi owenzeka ngokukhawuleza, abathi abantu "ngokukholwa kuphela" bafikelele kubungcwele obugqibeleleyo. "Kholwa nje qha," batsho, "intsikelelo yeyakho." Akukho nto yimbi ifunekayo kulowo

ungcwalisiweyo. Kwangelo xesha linye, baya lilandula igunya lomthetho kaThixo. Ingaba phofu, umntu uyakwazi ukuba ngcwele engathanga kuqala avumelane nemiyalelo etyhila indalo yaKhe?"

Ubungqina beLizwi likaThixo buchasene nemfundiso yokholo olungenamisebenzi. Asilulo ukholo olubanga ukwamkelwa lizulu kanti alukwazi ukuvumelana neemeko ethi inceba inikezwe ngazo. Oko kukucinga nje, ukanti akukho lukholo. Funda kuYakobi 2:14-24.

Makungabikho bantu bacinga ukuba bangangabi ngcwele nangona benenkani yokutyeshela nokuba yinto enye uThixo afuna yenziwe. Isono esinye sivala umlomo, ilizwi loMoya ongqinayo zesiwahlula umphefumlo kuThixo. Nangona uYohane egxila kakhulu eluthandweni, akakulibali ukuveza esona similo solu udidi lubanga ukungcwaliswa nangona luhlalele ukwaphula umthetho kaThixo. [69]
"Lowo uthi, Ndimazile abe engayigcini imithetho yakhe, ulixoki, kulowo ayikho inyaniso. Ke othi aligcine ilizwi lakhe, okwenyaniso uthando lukaThixo lugqibelele kulowo." 1 Yohane 2:4,5. Kubonwa ngale nto ke ukuvuma komntu wonke. Ukuba abantu bayawudelela, bawuthabathe njengento engabalulekanga umthetho kaThixo, ukuba bathi bonakalise "noko umnye kule mithetho mincinanana, babafundise abantu ngokunjalo" (Mateyu 5:18,19), siya kwazi ukuba amabango abo awanasiseko.

Ukubanga ukuba umntu akanasono, oko bubungqina bokuba lowo wenza ibango elo, ukude nobungcwele. Akanayo ingqiqo eyiyo yobunyulu obungenamida kunye nobungcwele bukaThixo, ndawonye nobunzulu bobubi nokukhohlakala kwesona. Xa uya usiba mkhulu umsantsa phakathi kwakhe noKristu, kokukhona aya ezibona ukuba ulilungisa ngokuzibona kwakhe.

### *Ukungcwaliswa NgokweBhayibhile*

Ukungcwaliswa kubandakanya isiqu sonke somntu: umoya, umphefumlo, nomzimba. Bona ku-1 Tesalonika 5:23. Kuthiwa amaKristu mawayinikele imizimba yawo, "ibe lidini eliphilileyo, elingcwele, elikholekileyo kuThixo." Roma 12:1. Konke ukwenza okubulala umzimba, okanye amandla engqondo, kumenza umntu angawulungeli umsebenzi woMdali wakhe. Abo bamthandayo uThixo ngentliziyo yabo, baya kuthi ngamaxesha onke, bazame

ukuwenza amandla abo ukuba avumelane nemithetho kaThixo yona ikhulisa isakhono sokwenza intando yaKhe. Abayi kwenza buthathaka okanye bangcolise umnikelo abawuzisa kuBawo osezulwini ngokuthi bayekele ilithe okanye iinkanuko zibalawule.

Konke ukuzanelisa okusisono kuyenza buthuntu okanye buyibulale ingqondo nengqiqo yasemoyeni; lize iLizwi likaThixo lenze umkrwelana nje omncinane ongacacanga entliziyweni.
[70] "Masizihlambululule kuko konke ukudyobheka kwenyama nokomoya, sibufeza ubungcwele, sisoyika uThixo." 2 Korinte 7:1.

Baninzi abazibiza ukuba bangamaKristu babe bekurhuqela phantsi ukufana kwabo noThixo ngokuba ngamadla-kudla, nokusela utywala kunye ngokuthanda iziyolo ezingalunganga. Ngamanye amaxesha nebandla liya bukhuthaza ububi ngokuzama ukwenza imali ethi ingoneli ngokubhekiselele kuKristu. [Ukuthanda ngomlomo kungabonakali ezenzweni.] Ukuba uYesu ebengangena ezinkonzweni namhla, abone indlela ekwenziwa ngayo imigidi yokutya egameni lenkolo, ebengeke abakhuphele ngaphandle na aba bangcolisayo, njengoko wenzayo kubananisi ngemali, xa wayebakhupha etempileni?

"Anazi na, ukuba umzimba wenu uyitempile yoMoya oyiNgcwele ongaphakathi kwenu, eninaye evela kuThixo; nokuba ke aningabenu? Kuba nathengwa ngexabiso. Mzukiseni ke uThixo ngomzimba wenu nangomoya wenu; izinto ezizezikaThixo ezo." 1 Korinte 6:19, 20. Lowo omzimba wakhe uyitempile kaMoya oyiNgcwele akayi kukhobokiswa yimikhwa eyingozi. Amandla akhe ngakaKristu. Izinto zakhe zezeNkosi. Angathini ke ukuchitha kakubi obu butyebi abugcinisiweyo?

Abantu abazibiza njengokuba bangamaKristu, achitha iimfumba zemali ngeziyunguma eziyingozi. U-Thixo ubanjwa inkunzi (oko kukuthi, uyabelwa okanye uyatsotswa) izishumi neminikelo, kuba ngoku, phezu kwesibingelelo senkanuko etshabalalisayo, kunikelwa okungaphezulu lee kunoko kumele ukunceda abahluphekileyo okanye ukuxhasa umsebenzi wokuhambisa ivangeli. Ukuba bonke abazibiza ngoKristu bebengcwalisekile inene, endaweni yokuba inzuzo yamandla abo ichithelwe kwizinto ezingadingekiyo nezibulalayo, ibiya kubuyiselwa kwindyebo kaThixo. AmaKristu ebeya kuba ngumzekelo wobungcathu nokuzibingelela. Ebeya kuthi ke, abe kukukhanya kwehlabathi.

"Inkanuko yenyama, nenkanuko yamehlo, noqhankqalazo lobu bomi" (1 Yohane 2:16) zilawula izihlwele ezikhulu. Sekunjalo, abalandeli bakaKristu bona banobizo olungcwele. "Phumani phakathi kwabo, nizahlule, itsho iNkosi, nento engcolileyo ningayichukumisi." Kwabo ke bavumelanayo nemigangatho ayibekayo uThixo, kubo uthembisa enjenje, "Ndiya kunamkela, ndibe nguyihlo, nina nibe ngoonyana neentombi kum; itsho iNkosi uSomandla." 2 Korinte 6:17,18. [71]

### *Ukuza Ngqo KUTHIXO*

Lonke inyathelo lokuthobela liwusondeza ngakumbi umphefumlo kuqhagamshelano noKhanya IweZwe. Imitha ekhanyayo yeLanga loBulungisa, ikhanyisela abakhonzi bakaThixo; bona ke kufuneka babonakalise okanye badlulise imitha yalo. linkwenkwezi zisixelela ukuba kukhona ukukhanya ezulwini, ezithi nazo zenziwe zikhanye ngako; namaKristu ke ngoko, amele ukubonisa ukuba ukho uThixo etroneni, uThixo osimilo saKhe simelwe kukubongwa silinganiswe okanye siphilwe. Ubungcwele besimilo saKhe buya kubonakala kumangqina aKhe.

Ngenxa kaKristu sinegunya lokungena etroneni yaLowo unamandla angunaphakade. "Lowo, gxebe, ungamconganga owakhe uNyana, wesuka wamnikela ngenxa yethu sonke, angathini ke ukuba angasibabali ngazo zonke ezo zinto, ndawonye naye?" U-Yesu uthi, "Ukuba ke ngoko nina, ningendawo nje, niyakwazi ukubapha abantwana benu izipho ezilungileyo, wobeka phi na ke yena uYihlo osemazulwini, ukugqithisela ukubapha uMoya oyiNgcwele abo bamcelayo?" "Ukuba nithe nacela into ngegama lam, ndoyenza mna." [72]

"Celani, niya kwamkela, ukuze uvuyo Iwenu luzaliseke." Roma 8:32; Luka 11:13; Yohane 14:14; 16:24.

Lilungelo lakhe wonke umntu ukuba aphile ngendlela aya kuyamkela uThixo, ukuze amsikelele. Asiyiyo intando kaBawo wethu osemazulwini ukuba sihlale sihleli phantsi kokugwetywa nasebumnyameni. Asibonakalisi kuzithoba ukujikeleza, sithobe iintloko sineentliziyo ezizaliswe ziingcinga zokuzicingela. Sinokuya kuYesu sihlanjululwe size sime phambi komthetho singenantloni nakuzisola.

NgoYesu, oonyana abawileyo baka-Adam baba “ngoonyana bakaThixo.” “[Aka]nazi ntloni ukubabiza ngokuthi ngabazalwana.” Ubomi bomKristu bumele ukuba bobokholo, uloyiso, novuyo kuThixo. “Uvuyo lukaYehova ligwiba lenu.” “Hlalani nivuya. Thandazani ningayeki. Ezintweni zonke bulelani; kuba oko kukuthanda kukaThixo kuKristu Yesu ngani.” Hebhere 2:11; Nehemiya 8:10; 1 Tesalonika 5:16-18.

Zinjalo iziqhamo zenguquko yeBhayibhile nokungcwaliswa; yaye kungenxa yemiqathango emikhulu yobulungisa ebekwe emthethweni, ethi xa ingahoywa; ezi ziqhamo zingafumaneki. Yiyo le nto bubonakala kancinane ubunzulu bokusebenza koMoya owawuluphawu Iweemvuselelo zamandulo.

Kungokukhangela apho sithi siguqulwe. Kungokuba kutyeshelwa imithetho engcwele; imithetho athe uThixo wavulela umntu ukuba abone ukugqibelela nobungcwele besimilo saKhe ngayo, apho iingqondo zabantu zithe zatsaleleka kwiimfundiso nembono zabanye abantu, kuze kulandele ukuhla kobungcwele ebandleni ke, ngenxa yaloo nto. Kuphela kungokubuyiselwa komthetho kaThixo endaweni yawo, ekunokuthi kubekho imvuselelo yokholo Iwakuqala kunye nobuthixo kubantu abazibiza ngaYe uThixo.

## 7— Isikhuselo Ekuphela Kwaso [73]

Abantu bakaThixo balathiswa kwiziBhalo njengesikhuselo kumandla olahlekiso Iwemimoya yobumnyama. U- Sathana usebenzisa lonke icebo analo ukunqanda ukuba abantu bangalufumani ulwazi IweBhayibhile. Kuyo yonke imvuselelo yomsebenzi kaThixo, uthi asebenze ngokuphinda- phindiweyo. Idabi lokugqibela lokuchasa uKristu nabalandeli baKhe, lilapha phambi kwethu. Unomgogwana oza kubakho uya kusondela kakhulu kwinyaniso kangangokuba umahluko awungeke ubonakale kungengazo iziBhalo kuphela.

Abo bazama ukuthobela yonke imithetho kaThixo baya kuchaswa, bagculelwe. Ukuze babe nokumelana nokulingwa, kuya kufuneka bayazi intando kaThixo njengoko ityhiliwe eLizwini laKhe. Bangamzukisa uThixo kuphela xa besazi kakuhle isimilo saKhe, ulawulo IwaKhe, neenjongo zaKhe baze benze ngokuhambelana nazo. Kuphela ngabo baziqiniseleyo iingqondo zabo ngenyaniso zeBhayibhile, abaya kuma kwidabi elikhulu lokugqibela.

Phambi kokuba abethelelwe emnqamlezweni, uMsindisi wabachazela abafundi baKhe ukuba uza kufa, abuye avuke kwakhona.
Izithunywa zezulu zazikho ukuze ziwabethelele amazwi aKhe ez- [74]
ingqondweni nasezintliziyweni zabo. Ngandlel' ithile, la mazwi asuswa ezingqondweni zabafundi. Ithe yakufika iyure yokulingwa, ukufa kukaYesu kwawatshabalalisa kwathi nya amathemba abo; kwangathi abazange balunyukiswe. Kunjalo ke nakwiziprofeto, ixesha elizayo libekwe phambi kwethu ngokucace kakhulu njengoko lalityhilwa nguKristu kubafundi baKhe. Iinkulungwane ke noko, aziziqondi ezi nyaniso zibalulekileyo ngokungathi azizange zatyhilwa.

Xa uThixo ethumela izilumkiso, ulangazelela ukuba, wonke ulmntu ophiwe ingqondo, asilulamele isigidimi eso. Izigwebo ezoyikekayo ngokubhekisele ekunqulweni kwerhamncwa kunye nomfanekiselo walo, (funda Isityhilelo 14:9-11) zimele ukukwenza

abantu bafunde ukuba luyintoni na uphawu kwerhamncwa nokuba lungaphetshwa njani. Abantu abaninzi abayifuni inyaniso yeBhayibhile, kuba iphazamisana neenkanuko zentliziyo. U-Sathana uyabanelisa ngolahlekiso abaluthandayo.

U-Thixo uya kuba nabo abantu bokuphakamisa iBhayibhile, yona yodwa, njengomgangatho wazo zonke iimfundiso, nesiseko salo lonke uhlaziyo, Imibono yamadoda afunde kakhulu, iziphumo zophando Iwabesayensi, isigqibo ezenziwa kumaqumrhu enkolo, ilizwi lesininzi - akukho nanye kwezi zinto emayisetyenziswe ekuxhaseni okanye ekuchaseni nayiphi na imfundiso yesiBhalo.

Kufuneka sibize ngamandla u"ltsho iNkosi." U- Sathana ukhokhelela abantu ekukhangeleni kubefundisi., kubefundisi bezobuthixo njengeenkokheli zabo, endaweni yokuziphengululela
[75] iziBhalo ngokwabo. Ngokulawula ezi nkokheli, uphembelela izigidi.

Akuba efikile uKristu, abantu abakwiqondo eliphantsi bamva ngovuyo. Ababingeleli abakhulu, namadoda aphambili, bazivalela ngekratshi; babubhebhetha ubungqina bokuba unguMesiya. Abantu babuza bathi, "Yenzeka njani into yokuba abalawuli bethu nabaBhali abafundileyo bangakholwa kuYesu? Abafundi abanjalo babekhokhelela amaYuda ekumaleni nasekumkhanyeleni uYesu, uMsindisi wabo.

### *Ukuphakamisa Igunya Lomntu*

U-Yesu wayenombono wobuprofethi womsebenzi wokuphakamisa igunya lomntu ukuba ahlawulele isazela sakhe, nto leyo ebisisiqalekiso kuzo zonke iinkulungwane. Izilumkiso zaKhe zokuba kungalandelwa iinkokheli ezizimfama, zabhalwa njengesilumkiso necebiso kwiinkulungwane ezaziza kulandela.

I-Bandla laseRoma lilibeke phezu kwabefundisi ilungelo lokutolika iziBhalo. Nangona uHlaziyo Iwazinikela kubo bonke abantu iziBhalo, lo mthetho wenziwa yiRoma usazinqanda izigidi kumabandla amaProtestanti ukuba zingaziphengululi iziBhalo ngokwazo. Zifundiswa ukwamkela imfundiso njengokuba itolikwa libandla. Amawaka angekhe amkele nto, nokuba icace kangakana ni esiBhalweni, ukuba ichasene nesivumo sokholo Iwabo.

Abaninzi balungele ukubeka ubomi babo phezu kwabefundisi. Baziphatha ngokungathi abaziboni iimfundiso zoMsindisi.

Ingaba abefundisi aba abangeke babe nemposiso? Singakuthemba njani ukukhokhela kwabo ngaphandle kokuba siqinisekise kuqala eLizwini likaThixo ukuba bangabathwali-kukhanya.? Ukusweleka kwesibindi sokuziphatha kakuhle, kwenza ukuba abaninzi balandele abanye abantu, ukuze baqhagamshelane nabo ngemposiso. Bayayibona inyaniso yeli xesha eBhayibhileni, bamve uMoya kaThixo ukuba ukho xa ithethwayo kodwa bavumele abefundisi ukuba babakhokhele, bemke ekukhanyeni.

U-Sathana uqamangela izigidi ngokuzidibanisa ngeentanjana zemisonto eyekeyeke yothando kwabo bazintshaba zomnqamlezo kaKristu. Olu qhagamshelwano isenokuba ngabazali, ukuzalwa kunye, umtshato okanye ulonwabo. Imiphefumlo ephantsi kolawulo Iwaba bantu ayikwazi okanye ayinaso isibindi sokuyimela into eyiqonda kakuhle ukuba imele ukuyenza. [76]

Abaninzi babanga ukuthi ayinamsebenzi into umntu ayikholelwayo, ukuba nje ubomi bakhe bulungile. Ubomi ke buxhonxwa lukholo. Ukuba inyaniso iyafumaneka, thina zesiyityeshele, kakuhle kakuhle siya yala, sikhetha ubumnyama endaweni yokukhanya.

Ukungazi asinto yokuzithethelela kwimposiso nesono, xa likho lilininzi ithuba lokuyazi intando kaThixo. Umhambi uye afike esiphambukeni apho zixananaze khona iindlela kukho phofu, nezalatha-ndlela ezibonisa ukuba zisinga phi na iindlela ezo. Ukuba uyazityeshela izikhomba-ndlela ezo, aze athabathe nokuba yeyiphi acinga ukuba ilungile, nokuba unyaniseke kangakanani, kunokwenzeka ukuba azifumane ekwindlela engayi apho ebesiya khona.

### *Umsebenzi Ophambili Nolulekileyo*

Akwanelanga ukuba neenjongo ezilungileyo, oko kukuthi, ukwenza loo nto umntu acinga ukuba ilungile okanye ukwenza loo nto athi umfundisi ilungile. Umntu umele ukuziphengululuielela ngokwakhe iziBhalo. Unomkhomba-ndlela oziveza zonke iimpawu zendlela kuhambo oluya ezulwini: akufuneki ke ngoko, aqashele nantoni na.

Luxanduva lokuqala nolukhulu lomntu wonke onengqondo, ukufunda eziBhalweni ukuba iyintoni na inyaniso, ahambe ekukhanyeni, akhuthaze nabanye abanu ukuba balandele umzekelo wakhe. Kufu-

neka isigqibo sisenze ngokwethu njengokuba siya kuziphendulela phambi kukaThixo.

[77] Amadoda afundileyo anobulumko obukhulu bokuzenzisa, afundisa ukuba iziBhalo zinemfihlelo, intsingiselo yasemoyeni engacacanga kakuhle ngolwimi olusetyenzisiweyo. La madoda angabafundisi bobuxoki. Ulwimi lumele ukucaciswa ngendlela ephandle ebhalwe ngalo, ngaphandle kokuba kusetyenziswe imifuziselo okanye imizekeliso. Ukuba abantu bangayithabatha iBhayibhile njengokuba ifundwa, ubuya kugqitywa umsebenzi wokuzisa kubuhlanti bukaKristu, izigidi zabantu ezibhadula emposisweni ngoku.

Iindawo ezininzi zesiBhalo ezigqithwa nje ngabafundileyo ngokungathi azibalulekanga, zizele yintuthuzelo kwabo bathe bafundiswa kwisikolo sikaKristu. Ukuyiqonda inyaniso yeBhayibhile akuxhomekanga kakhulu kumandla engqondo asetyenziswa ekuphengululeni, ngaphezu kokuba nenjongo ethe ngqo, kunye nolangazelelo Iwenene lobulungisa.

### *Iziphumo Zokutyeshela Umthandazo NeLizwi*

Akufuneki iBhayibhile ifundwe ngaphandle komthandazo. NguMoya oyiNgcwele kuphela onokwenza ukuba sikuve ukubaluleka kwezinto ekulula ukuziqonda, okanye ukuthintela ukuba singazikruni iinyaniso ezinzima. Iingelosi zezulu zilungisa intliziyo ukuba iliqonde iLizwi likaThixo. Siya kutsalwa umdla bubuhle balo, somelezwe ngamadinga alo. kodwa izilingo zibonakale kungena kumelwana nazo kuba lowo ulingwayo akakwazi ukukhumbula kamsinya amadinga kaThixo aqubisana noSathana ngezixhobo zeziB-
[78] halo. Iingelosi zikho zikufuphi kwabo bakulungeleyo ukufundiswa yaye ziya kuba khumbuza iinyaniso ezidingekayo.

"... uya kunifundisa zonke izinto, anikhulmbuze zonke izinto endizithethe kuni." Yohane 14:26. Iimfundiso zikaKristu kufuneka zibe bezigcinwe ngenx' engaphambili engqondweni ukuze uMoya kaThixo asikhumbuze ngexesha lentlekele.

Isiphelo sezihlwele zomhlaba sesiza kumiswa. Wonke umlandele kaKristu umele ukuba abuze ngokuzimisela, "Nkosi, ufuna ukuba ndenze ntoni na?" Izenzo 9:6. Kufuneka ngoku sizingele amava anzulu aphilileyo kwizinto zikaThixo. Asisenalo ithuba

lokudlala. sisekumhlaba olawulwa nguSathana. Musani ukulala, Balindi bakaThixo!

Abaninzi baya zincoma kuba benezinto ezininzi ezimbi abangazenziyo. Akwanelanga ukuba babe yimithi esesidiliyeni sikaThixo. Bamele ukuba bathwale isiqhamo. Kwiincwadi zasezulwini babhalwe njengeekomkomere zomhlaba (okanye eziwe phantsi). Abo ke bathe bashiya inceba kaThixo, balwenza into engeyiyo ubabalo IwaKhe, intliziyo enothando olungapheliyo isahleli icenga.

Ehlotyeni, awuqondakali umahluko phakathi kwemithi ehlala iluhlaza umnyaka wonke neminye imithi; kodwa athi akufika amahlwantsi obusika, le ihlala iluhlaza ingaguquki, ngeli xesha ephela amagqabi kweminye. Makuvuke inkcaso, makubekho ukunganyamezeleki, makuqale intshutshiso, aqale amakholwa angazinikelanga ngokupheleleyo, aphila ubomi bokuhanahanisa, aluyeke ukholo; kanti umKristu wenene uma nkqi, lomelele ukholo Iwakhe, likhanye ngakumbi ithemba lakhe, ngaphezu kwala mihla izinto zazihamba kakuhle.

"...woba njengomthi omiliselwe emanzini, unabise iingcambu zawo phezu komlambo, ungoyiki xa kuthe kweza ubushushu; aqhame amagqabi awo, ungakhathali ngomnyaka wokubalela, ungayeki ukuvelisa iziqhamo." Yeremiya 17:8.

[79] ## 8—Ukukhusela Inyaniso

Umsebenzi wokunqula uThixo wakhelwe phezu kwenyaniso yokuba unguMdali. "Yizani masiqubude, siguqe, sithobe phambi koYehova umenzi wethu." INdumiso 100:3; 95:6.

KwiSityhilelo 14, abantu babizwa ukuba banqule uMdali, bagcine imithetho kaThixo. Omnye wale mithetho ukhomba ngqo kuThixo njengoMdali. "Umhla wesixhenxe uyiSabatha kaYehova uThixo wakho... neento ezikwezo zinto, waphumla ngomhla wesixhenxe, ngenxa yoko uYehova wawusikelela umhla wesabatha, wawungcwalisa." Eksodus 20:10,11. Ethetha ngeSabatha, uYehova uqhubeka athi, "...ingumqondiso... ukuze nazi ukuba ndinguYehova uThixo wenu." Hezekile 20:20. Ukuba iSabatha yayigcinwe kumhlaba wonke, iingcinga nothando lomntu zaziya kukhokhelelwa kuMdali yaye ngekungekho nomntu onqula izithixo, nongakholelwa kuThixo okanye ingqola. Ukugcina iSabatha ngumqondiso wokunyaniseka kuThixo wenene, Kucacile ke, ukuba isigidimi esithi makunqulwe uThixo, kugcinwe imithetho yaKhe, yaye ngaso siya kwenza ubizo ebantwini; ubizo lokuba bagcine iSabatha yomthetho wesine.

[80] ### *Ukubuyiselwa Kwenyaniso*

Uhlaziyo IweSabatha ngemihla yokugqibela, kuthethwe ngako kulsaya: "Utsho uYehova ukuthi, gcinani isiko, nenze ubulungisa, kuba lusondele ukuba luze usindiso Iwam, nobulungisa bam ukuba butyhileke. Hayi, uyolo lomntu okwenzayo oku, nonyana womntu obambelela kuko oku, ogcina isabatha ukuba angayihlambeli, ogcina isandla sakhe ukuba singenzi nanye into embi...Ke oonyana bolunye uhlanga, abanamathele kuYehova, ukuze balungiselele kuye, balithande igama likaYehova, ukuba babe ngabakhonzi kuye, bonke abayigcinayo isabatha bangayihlambeli, ababambelela emnqophisweni wam, ndobazisa entabeni yam engcwele, ndibavuyise endtwini yam yokuthandaza." Isaya 56:1, 2, 6, 7.

La mazwi asebenza ngale mihla yobuKristu, ngokutsho komxholo (wendima 8). Apha kutyhilwa ukungena kwanokuhlanganiswa kweentlanga yivangeli, xa abakhonzi baKhe beshumayela iindaba ezilungileyo kuzo zonke iintlanga.

U-Yehova ukhupha umyalelo; "Bopha isingqino, tywina uqinise isiyalo kubafundi bam." Isaya 8:16. Itywina likaThixo lifunyanwa kumthetho wesine. Lo, wona wodwa kule ilishumi, uveza igama, negama lesikhundla soMnini-mthetho.

Ukuguqulwa kweSabatha ligunya lobupopi, kwasusa itywina emthethweni. Abafundi bakaYesu kuthiwa mabalibuyisele ngokuphakamisa iSabatha njengesikhumbuzo soMdali nomqondiso wegunya laKhe.

AmaProtestanti abeka into yokuba ukuvuka kukaKristu nge-Cawe kwayenza iCawe ibe yiSabatha yobuKristu. Ayikho intlonipho okanye uzuko olwabekwa kolo suku nguKristu okanye abafundi baKhe. Ukugcinwa kweCawe kuphuma "Kwimfihlelo yokuchasana nomthetho" eyayise iqalile ukusebenza ngemihla kaPawulos. Siza-
thu sini esinokunikwa ngokuguqulwa kweSabatha, nto leyo engavun- [81]
ywanga nayiBhayibhile? [82]

AmaProtestanti aya kuvuma "ukuthi cwaka ngokupheleleyo kweTestamente eNtsha ngokubhekisele kumthetho weSabatha (le iyiCawe, umhla wokuqala weveki) okanye kwimigaqo yokugcinwa kwayo. "Ukuza kuthi ga kwixesha lokufa kukaKristu, akukho nguqulelo yakha yenziwa kolu suku," yaye "ngokubonisa kwengxelo, abapostile abazange bakha banika umyalelo othe ngqo wokuyekwa kweSabatha yomhla wesixhenxe, ukuze igcinwe ngomhla wokuqala weveki."

AbaseRoma Katolika bayavuma ukuba uguqulo IweSabatha Iwenziwe libandla labo, batsho besithi, ngokugcina iCawe, amaProtestanti ahlonipha igunya lawo, maRoma. Ikho intetho ethi, "Ngexesha lomthetho omdala, uMgqibelo wawuyimini eyangcwaliswayo; kodwa iBandla, ngokuyalelwa nguYesu, likhokhelwa nguMoya kaThixo, lamisa iCawa endaweni yomgqibelo; kungoko ke ngoku singcwalisa olokuqala, i-Cawe emele iMini yeNkosi.

Umyalelo unikiwe; "Danduluka uphimisele, ungathinteleki; phakamisa izwi lakho njengesigodlo, ubaxelele abantu bam ukreqo
Iwabo"; athi uYehova kubo, "abantu bam", kufuneka bengxolisiwe [83]
ngenxa yokreqo Iwabo, udidi Iwabantu oluzicingela ukuba luwu-

lungele umsebenzi kaThixo. Esi sisigidimi sokungxolisa esivela kuMphenguluzi weeNtliziyo, sibabonisa ukuba bangayinyatheleli phantsi imiyalelo engcwele. Isaya 58:1,2.

Umprofeti uwolatha ngokuphandle umyalelo oshiyiweyo: "... ivuse iziseko zezizukulwana ngezizukulwana; bathi ukumbiza nguMvingci-wamathuba, nguMbuyisi-womendo-wokuhlala. Ukuba uthe walubuyisa unyawo Iwakho kwiSabatha, ukuba ungenzi okunanzileyo ngomhla wam ongcwele - wathi ukuyibiza isabatha isisonwabiso, ingcwele kuYehova; wathi inozuko, wayizukisa. ke ngokungenzi iindlela zakho, ngokungafumani okunanzileyo, uthethe iintetho ezingeni; uya kwandula ukuziyolisa ngoYehova." Isaya 58:12-14.

Ithuba (okanye isikroba) senziwa emthethweni kaThixo mhla iSabatha yaguqulwa ligunya laseRoma. Lifikile ke ngoku ixesha lokuba sivalwe isikroba eso.

I-Sabatha yagcinwa ngu-Adam engenasono eEden, waphinda wayigcina selewile kodwa eguqukile, ngexesha lokugxothwa kwakhe kumzi wakhe. Yagcinwa ngabo bonke oobawomkhulu kususela ku-Abheli; kuse kuNowa, ku-Abraham, noYakobi. Xa waye khulula amaSirayeli, uYehova wawubhengeza umthetho wakhe kwinginginya yabantu.

### *I-Sabatha Yenene Yagcinwa Okoko*

Ukususela ngaloo mhla, ukuza kufika ngoku, iSabatha ihleli igcinwa nangona "umntu wesono" waya waphumelela ukuyinyathelela phantsi kwenyawo zakhe imini kaThixo engcwele naxa kwiindawo ezifihlakeleyo, kukho imiphefumlo ethembekileyo eyayiyihlonipha. Kususela kuHlaziyo, bakho kuzo zonke izizukulwana ababeyigcina.

Ezi nyaniso zihlangene neendaba ezilungileyo ziya kulahlula
[84] ibandla likaKristu ngexesha lokubonakala kwaKhe. "Naba abayigcinayo imithetho kaThixo, nokukholwa kuYesu." Isityhilelo 14:12.

Abo bathi bakufumana ukukhanya emnqubeni nangomthetho kaThixo, bazaliswa luvuyo xa bebona ukuhambelana kwenyaniso; baze balangazelela ukuba ukukhanya oko kugqithiselwe kuwo wonke amaKristu. Noko ke, inyaniso ezichasene nehlabathi,

azamkeleki kwabaninzi, (kanye aba) bazibiza ngokuba balandela uKristu.

Njengokuba amabango eSabatha etyhilwa, abaninzi bathi, “Sisoloko sagcina iCawe, oobawo bayigcina, maninzi namadoda alungileyo ada afa eyigcina. Ukugcina iSabatha kuya kusisusa ekusebenzisaneni nehlabathi: kuba yintoni enokwenziwa liqaqobana labantu abagcina umhla wesixhenxe kwihlabathi lonke eligcina iCawe?” Ngeengxoxo ezikwanjalo, amaYuda akuthethelela ukungamamkeli kwawo uKristu. Abobupopi baxoxa kwangolo hlobo ngexesha likaMartin Luther, besithi: maninzi amaKristu enene afele kwinkolo yeKatolika; ngoko ke, loo nkolo yayanele. Ukuzathuza ngolo hlobo kuya kuhamba kube ngumqobo ekukhuleni kokholo.

Abaninzi babeka into yokuba ukugcina iCawe sisithethe sebandla seminyaka. Le ngxoxo ihamba ithi, iSabatha nokugcinwa kwayo yinto yakudala, indala nakunehlabathi; yasekwa nguNyangelemihla.

Njengokuba bungekho ubungqina beBhayibhile, abaninzi baxoxa bathi, “Kutheni le nto amadoda ethu amakhulu engayiqondi nje le nto yeSabatha? Bambalwa abantu abakholwa ngolu hlobo Iwenu. Yenzeka njani into yokuba nina nibe niyalungisa baze bonke abanye abantu baphosise kodwa befundile”

Ukubonisa ukuba loo mabango aya phosisa, kufuneka ukuba kucatshulwe iziBhalo, kuboniswe indlela iNkosi eye yabaphatha ngayo abantu baYo kuzo zonke iinkulungwane. Isizathu sokuba iNkosi [85] ingasoloko inyula abantu abafunde kakhulu nabanamagama ukuba bakhokhele uHlaziyo-nkolo, kungokuba kulula kubo ukuthembela kwizikhokhelo zabo esezicwangcisiwe neenkqubo zobuthixo abazilandelayo, bangasiboni isidingo sokufundiswa ngoThixo. Abantu abangafundanga kuyaphi, baziwa njengabantu abayibabazayo inyaniso, hayi kuba bengafundanga kodwa kuba abazaliswanga kukuzithemba okwenza ukuba bangabi nakufundiswa nguThixo. Ukuzithoba nokuthobela kwabo, kubenza bakhulu.

### *Ukholo Nesibindi*

Yayingeyiyo intando kaThixo ukuba uSirayeli abhadule entlango amashumi amane eminyaka. Wayelangazelela ukubakhokhelela ngqo eKanana ukuze abakhe khona apho, babe luhlanga olungcwele,

abantu abonwabileyo. Noko kunjalo, “babengenakungena ngenxa yokungakholwa.” Hebhere 3:19. Ngokukwanjalo, yayingeyiyo intando kaThixo ukuba ukubuya kukaKristu kulibale kangaka, abantu baKhe bahlale iminyaka emininzi kangaka kweli hlabathi lesono nobuhlungu.

Ukungakholwa kubahlukanisile noThixo. Ngenxa yenceba anayo kwihlabathi, uYesu ukulibazisile ukubuya kwaKhe, ukuze aboni bakwazi ukuva izilumkiso baze bafumane ukhuseleko phambi kokuba ingqumbo kaThixo ithululwe.

Ngoku, njengakwimihla yamandulo, ukushunyayelwa kwenyaniso kuza kuqhwitha inkcaso. Abaninzi abanobubi baza kuhlasela isimilo
[86] neenjongo zabo bamela inyaniso engathandwa kakhulu. U-Eliya kwathiwa nguye ohlupha uSirayeli, kwathiwa uYeremiya ngumngcatshi, uPawulos yena kwathiwa ungcolisa itempile. Ukususela ngaloo mihla ukuza kuthi ga ngoku, abo banga bangathobela inyaniso, basingelwa phantsi njengabalahlekisi, abakreqi okanye abeza neyantlukwano okanye abaqhekezi bobunye obukhoyo.

Uvumo lokholo olwenziwa ngabangcwele namafela-nkolo: loo mizekelo yobungcwele nokumela inyaniso ivuselela isibindi kwabo babizwayo ngoku ukuba beme, babe ngamangqina kaThixo. Umkhonzi kaThixo ngeli xesha unikwa umyalelo; “Danduluka uphimisele, ungathinteleki, phakamisa izwi lakho njengesigodlo, ubaxelele abantu bam ukreqo Iwabo, uyixelele indlu kaYakobi izono zayo.” “ndikwenze waba ngumboneleli kwindlu kaSirayeli, woliva emlonyeni wam izwi, ubavuselele ngokuphuma kum.” Isaya 58:1; Hezekile 33:7.

Isithintelo esikhulu ekwamkelweni kwenyaniso, sesokuba ixakekisa kakhulu, izise nokugculelwa okanye ukugxekwa. Kuphela kwento ethethwayo ngenyaniso abangakwaziyo ukuyiphikisa abachasi bayo. Ke bona abalandeli benene bakaKristu abalindeli ukuba inyaniso ide ithandeke. Bamkela umnqamlezo, baze bathi nompostile uPawulosi, bathabathe ngokuba “ubukhaphukhaphu bembandezelo yethu eyeyomzuzwana busisebenzela ngokuncamise kwaphela ubuqaqawuli obukhulukazi obungunaphakade,” bekunye nomnye wakudala, “bekubalele ukungcikivwa kukaKristu, kububutyebi obungaphezu kobutyebi baseYiphutha.” 2 Korinte 4:17; Hebhere 11:26.

Kufuneka sikukhethe okulungileyo ngenxa yokuba kulungile, siziyekele kuThixo iziphumo. Ihlabathi lizuze okukhulu, imvuselelo nohlaziyo kubantu abanomthetho, ukholo nesibindi. Ngabantu abanjalo ke, ekufuneka baqhubele phambili umsebenzi wohlaziyo, ngeli xesha langoku.

[87] 

## 9—Ithemba Lenene

Idinga lokubuya kukaYesu kwesibini, ukuza kugqibezela umsebenzi omkhulu wokusindisa, ngowona mxholo ubaluleke kakhulu kwiziBhalo eziNgcwele. Ukususela e-Eden, abantwana bokholo bahlala belindele ukufika kwaLowo weDinga; ukuba ababuyisele kwiParadesi eyalahlekayo.

U-Enoki, owesixhenxe ukuhla ukusuka kwabo babehlala e-Eden, owahamba noThixo iinkulungwane ezintathu, wathi, "Yabonani, yeza iNkosi namawakawaka abangcwele bayo ukuba igwebe bonke." Juda 14,15. U-Yobhi, ngobusuku bembandezelo yakhe, wathi, "Ke mna Ndiyazi ukuba umhlawuleli wam uhleli; uya kusuka eme phezu kothuli lomhlaba. ... ndiya kumbona uThixo, endiya kuzibonela ngokwam; amehlo am ambone, ingabi wumbi." Yobhi 19:25-27. limbongi nabaprofeti beBhayibhile bagxile ekubuyeni kukaKristu ngamazwi akhanya ngokomlilo. "Liya kuvuya izulu, ligcobe ihlabathi... phambi koYehova, ngokuba esiza; ngokuba esiza kugweba ihlabaathi. Uya kuligweba elimiweyo, ngobulungisa, nezizwe ngokunyanisa kwakhe." iNdumiso 96:11-13.

Wathi yena ulsaya, "Kuya kuthiwa ngalo mini, yabona lo
[88] nguThixo wethu; besithembele kuye, ukuba asisindise; nguYehova lo besithembele kuye; masigcobe, sivuye ngosindiso Iwakhe." Isaya 25:9.

U-Msindisi wabathuthuzela abafundi baKhe ngengqinisekiso yokuba uya kubuya kwakhona: "Endlwini kabawo zininzi iindawo zokuhlala.... Ndiyemka, ndiya kunilungiselela iindawo; ukuba ke ndimkile ... ndiya kubuya ndize, ndinamkelele kum ngokwam." "Xa ke athe wafika uNyana womntu esebuqaqawulini bakhe, enazo zonke izithunywa ezingcwele, ngelo xa uya kuhlala phezu kwetrone yobuqaqawuli bakhe; zihlanganiselwe phambi kwakhe zonke iintlanga." Yohane 14:23; Mateyu 24:31, 32.

Iingelosi zaliphinda kubafundi idinga lokubuya kwaKhe: "kwayena lo Yesu unyusiweyo kuni, wasiwa emazulwini, uya kuza ngolu hlobo nimbone esiya ngalo emazulwini." Izenzo 1:11.

U-Pawulos ungqina athi: "ngokuba iNkosi ngokwayo iya kuhla emazulwini inendanduluko, inelizwi lesiphatha-zithunywa, inexilongo likaThixo." 1 Tesalonika 4:16. Umprofei wasePatimo yena wathi, "Yabonani uza namafu; aye aya kumbona amehlo onke." IsiTyhilelo 11:15. "I-Nkosi uYehova [iya] kuntshulisa ubulungisa nendumiso phambi kweentlanga zonke" Isaya 61:11. Ubukumkani boxolo bukaMesiya buya kumiselwa: "Ngokuba uYehova uyithuthuzele iZiyon, uwathuthuzele onke amanxuwa ayo, wayenza intlango yayo yanjenge-Eden, nenkqantosi yayo yanjegomyezo kaYehova." Isaya 51:3.

Ukubuya kweNkosi kube kulithemba labalandeli baYo benene kuzo zonke izizukulwana. Phakathi kokuthwala nzima nokutshutshiswa, [i]mbonakalo yobuqaqawuli boThixo omkhulu, uMsindisi wethu uYesu Kristu," yahlala "ilithemba elinoyolo." Tito 2:13. U-Pawulos walatha kuvuko oluza kwenzeka ekufikeni koMsindisi, xa abafele kuKristu baya kuvuka, ukuze bathi kunye nabaphilayo, baxwilwe, bahlangane neNkosi esibhakabhakeni. Uthi ke, "size
ngokunjalo sihlale sihleli, sindawonye neNkosi. Ngoko ke thuthuze- [89]
lanani ngala mazwi." 1 Tesalokinika 4:17, 18.

E-Patimo, Umfundi othandekayo weva isithembiso, "Ewe, ndiyeza kamsinya," yaza impendulo yakhe yangumthandazo webandla, "Ewe, yiza, Nkosi Yesu" IsiTyhilelo 22:20.

Ukususela emhadini, kuye emlilweni, nasekuxhonyweni, apho abangcwele namafela-nkolo bathi bayingqinela inyaniso, kuvakale kuzo zonke izizukulwana, iintetho zokholo Iwabo kunye nethemba. "Beqinisekiswe kukuvuka kwaKhe nokwabo xa efika; ngenxa yale nto ke, omnye umKristu uthi, "bakudela ukufa, bafumaneka bengaphezu kwako." Ama-Waldensi ayekwa nolu kholo. U-Wycliffe, uLuther, uCalvin, uKnox, uRidley, noBaxter, bonke, ngokholo babekhangele ekubuyeni kweNkosi. Lalinjalo ithemba lebandla labaposile, ibandla lasentlango nebandla labaHlaziyi-nkolo.

Isiprofeto asixeli ngendlela kunye nenjongo yokuza kukaKristu kwesibini kuphela, kodwa sikwanika neempawu abayakuthi bazi ngazo abantu ukuba loo mini isondele. "Kuya kubakho imiqondiso elangeni nasenyangeni nasezinkwenkwezini." Luka 21:25. "... liya kusuka ilanga lenziwe mnyama, ithi nenyanga ifiphale; zithi
neenkwenkwezi zezulu zivuthuluke, athi namandla asemazulwini [90]
azanyazanyiswe. Baya kumbona ngelo xesha uNyana womntu es-

iza esemafini, enamandla amakhulu nobuqaqawuli.” Marko 13:24-26. Umtyhilelwa uzichaza iimpawu (okanye imiqondiso) yokuqala ekhokhelela ekubuyeni kwesibini kukaYesu ngolu hlobo: “Kobakho unyikimo lomhlaba olukhulu, ilanga libe mnyama, njengengubo erhwexayo yoboya; inyanga ibe njengegazi.” IsiTyhilelo 6:12.

U-Msindisi wayixela imeko eya kubakho yokuhlehla enkolweni kanye phambi kokuba abuye okwesibini. Kwabo baya kuba besaphila ngeli xesha, isilumkiso sithi, “Zilumkeleni ke, hleze zisindwe iintliziyo zenu, “Phaphamani ngoko, amaxesha onke nikhunga, ukuze kuthiwe nikufanele ukuzisaba zonke ezi zinto ziza kuhla, nokumiswa koNyana womntu.” Luka 21:34, 36.

### *Ukubizelwa Ukulungisa*

Ukulungiselela loo mini inkulu, iLizwi likaThixo libize abantu baKhe ukuba bafune ubuso baKhe ngenguquko.: imini kaYehova [iyeza], kuba isondele,” “ngcwalisani uzilo, memani ingqungquhela. Hlanganisani abantu, ngcwalisani ibandla, buthani amadoda amakhulu, hlanganisani iintsapho:... Mabalile ababingeleli, ababingeleli bakaYehova, phakathi kweveranda nesibingelelo.” “Buyelani kum ngentliziyo yenu yonke, nangokuzila, nangokulila, nangokumbambazela: kukrazule iintliziyo zenu, nibuyele kuYehova uThixo wenu: kuba unobabalo nemfesane, yena uzeka kade umsindo, unenceba enkulu.” Yoweli 2:1,15-17,12,13.

Ukulungisa abantu ukuba beme ngemini kaThixo, ngumsebenzi
[91] omkhulu wohlaziyo ekufuneka ugqityiwe. Ngenceba yaKhe, uza kuthumela isigidimi sokuvusa abo bazibiza ngaYe, bakhokhelelwe ekubeni bakulungele ukubuya kweNkosi.

Esi silumkiso siya phindwa kwisiTyhilelo 14. Apha kukho isigidimi esintlantlu-ntathu esivezwe sishunyayelwa ziziqu zasezulwini, ze silandelwe kukubuya koNyana woMntu azo “kuvuna umhlaba.” Umprofeti wabona “isithunywa sezulu, siphaphazela esazulwini samazulu, sineendaba ezilungileyo ezingunaphakade, ukuba sizishumayele kwabo bemiyo phezu komhlaba, nakwiintlanga zonke, nezizwe, neelwimi, nabantu; sisithi ngezwi elikhulu, Moyikeni uThixo nimzukise; ngokuba lifakele ixa lokugweba kwakhe; nimnqule lowo wenza izulu, nomhlaba, nolwandle, nemithombo yamanzi.” IsiTyhilelo 14:6, 7.

Esi sigidimi siyinxalenye "yeendba ezilungileyo ezingunaphakade." Umsebenzi wokushumayela, unikelwe ebantwini. Izithunywa ezingcwele ziyakhokhela, kodwa kona ukushumayela okanye ukuvakalisa iindaba ezilungileyo kwenziwa ngabakhonzi bakaKristu emhlabeni.

### *Ingozi Yokuxhathisa Kubizo Lwegospile*

Ukutshatyalaliswa kweJerusalem sisilulmkiso esoyikekayo kubo bonke abaxhathisayo kucengo Iwenceba olungcwele. Isiprofeto soMsindisi esibhekisele kwizigwebo phezu kweJerusalem ziya kuphinda kwakhona zizaliseke. Kwintlekele yesixeko esinyuliweyo, sibona intshabalalo yehlabathi elingayamkelanga inceba kaThixo laza lanyathelela phantsi nomthetho waKhe. Zimnyama iingxelo ezibonwa ngamehlo, zokuphathwa kakubi kwabantu. Zibe zibi kakhulu neziqhamo zokukhanyela igunya lezulu. Kanti ke owona mbono umnyama kakhulu, uzotywe kwizityhilelo zexesha elizayo. Xa uMoya kaThixo obambezeleyo, ethe wasuswa, ungabi sabanqanda abo bafuna ukuvuka indulumbane, kunye nomsindo onobusathana, [92]
ihlabathi liya kubona iziqhamo zolawulo lukaSathana, ngendlela engazange yabonwa emhlabeni.

Ngaloo mini, njengamhla kwatshatyalaliswa iJerusalem, abantu bakaThixo baya kuhlangulwa. Bona: Isaya 4:3; Mateyu 24:30, 31. U-Kristu uya kuza okwesibini, azokuthabatha abantu baKhe abathembekileyo. "... zimbambazele ngelo xesha zonke izizwe zomhlaba, zimbone uNyana womntu esiza phezu kwamafu ezulu, enamandla, nobuqaqawuli obukhulu.

Wozithuma izithunywa zakhe zasemazulwini, zinexilongo elisandi sikhulu, zihlanganisele ndawonye abanyulwa bakhe, baphume kumacala omane omoya, kuthabathela esiphelweni sezulu, kude kuse kwezinye isiphelo salo." Mateyu 24:30, 31.

Abantu mabalumke, hleze bawatyeshele amazwi kaKristu. Njengokuba walumkisa abafundi baKhe ngokutshatyalaliswa kweJerusalem khon' ukuze bakwazi ukusinda, wenjenjalo ukulumkisa ihlabathi ngemini yentshabalalo yokugqibela. Bonke abanqwenayo okanye abanako, mabawubaleke umsindo ozayo. "Kuya kubakho imiqondiso elangeni nasenyangeni nasezinkwenkwezini, nasemhlabeni, kubekho ukucinezeleka kweentlanga." Luka 21:25. Funda:

Mateyu 24:29; Marko 13:24-26; IsiTyhilelo 6:12-17. "Lindani ngoko", ngamazwi kaKristu okulumkisa lawo. Marko 13:35. Abo basithobelayo isilumkiso abasayi kushiywa ebumnyameni.

Ihlabathi alikulungelanga ukusithobela isigidimi seli xesha ukudlula ukuba ayennjalo amaYuda ukwamkela isilumkiso esasinge-Jerusalem. Xa ke lithe lafika ixesha lokuba ifike, imini kaThixo, iya
[93] kufika ngequbuliso kwabangahloneli Thixo. Ubomi buya kuhamba indlela yabo eqhelekileyo; abantu boba bethe bhakada eziyolweni, emashishinini, ekwenzeni imali; iinkokheli zenkolo zoba zincoma inkqubela yehlabathi, abantu boba bekobunzulu ubuthongo, becinga ukuba bakhuselekile - ngelo xesha, njengesela eliba kwindlu engalindwanga ezinzulwini zobusuku, ngequbuliso, yoba fikela intshabalalo abo bangakhathaliyo, nabangahloneli Thixo, "baye bengayi kukha basinde." Bona ku: 1 Tesalonika 5:2-5.

### *Ukugcina A bantu Phantsi KukaSathana*

Ngeemposiso ezinkulu ezimbini - umphefumlo ongenakufa kunye nobungcdwele beCawe - uSathana uya kubagcina abantu phantsi kolahlekiso Iwakhe. Ngeli xesha le yomphefumlo ibeka isiseko kuNqulo-mimoya, le yesibini iqamangela ityathanga lovelwano neRoma ngonqulo-mimoya, uSathana uvela engumthandi wohlanga, ephilisa izifo, ebeka indlela entsha yokholo, kwangelo xesha linye, ekhokhelela izihlwele entshabalalweni. Ukungabi nabungcathu kuyikhupha endleleni ingqondo yokucinga; ukuziphatha kakubi nokuphalaza igazi kuye kulandele. Imfazwe ivusa udlamko olubi emphefumlweni, ize itshayelele kunaphakade, amaxhoba ayo akekelele ebubini nasegazini. -yinjongo kaSathana ukubajika abantu ukuba bangalungiseleli ukuma ngemini kaThixo.

U-Sathana wazifunda zonke iimfihlelo zendalo, ngoko ke usebenzisa zonke iimpawu zayo, afikelele apho uThixo amvumele ukuba afikelele khona. NguThixo okhusela izidalwa zaKhe kumtsha-
[94] balalisi. Lonke ilizwe lobuKristu libonakalise ukuwudela umthetho kaThixo; ngenxa yoko, iNkosi iya kwenza loo nto ibithe iya kuyenza - ukususa ukhuselo IwaYo kwabo bavukela umthetho waYo baze banyanzele nabanye ukuba benze njalo. U-Sathana ubalawula bonke abo bangagcinwanga nguThixo. Uya kubenzela imfesane abanye babo ukuze kuqhubele phambili amacebo akhe; aze abanye

abaphathele inkathazo, ukuze abantu bakholelwe ukuba nguThixo obatshutshisayo.

Ezimilisela ngokogqirha omkhulu onokuphilisa zonke izifo zabo, uSathana uya kuzisa izifo neentlekele zide izixeko ezikhulu ezixineneyo, zivuthuluke, ziwe. U-Sathana uwasebenzisa kakhulu amandla akhe, nto leyo ibonakala ezingozini zaselwandle nasemhlabeni, kwimililo emininzi, kwiinkqwithelo nezichotho, imimoya ebhudlayo, izikhukhula, iitsunami, iinyikima nezinye iintlekele ezininzi. U-Sathana usebenzisa amandla akhe. Utshayela kuphele izivuno ezivuthwayo, kuze kugqube indlala, kulandele uxinzeleko. Uzalisa umoya ngezifo ezibulalayo kuze kutshabalale amawaka.

Kuthi xa kunjalo, asuke umtyholi omkhulu abaqweqwedise abantu ukuba, ngazo zonke iinkathazo zabo, batyhole abo, bathi ngokuthobela kwabo imithetho kaThixo, bahlale besisigculelo kakade. Kuya kuthiwa abantu bacaphukisa uThixo ngokungahloniphi okanye xa besaphula iCawe, kungoko esi sono [95]
sisizisa iintlekele ezingayi kuphela kude kunyanzeliswe ukugcinwa kweCawe. "Abo bachitha ukuhlonitshwa kweCawe, **bathintela ukubuyiselwa kothando olungcwele nempumelelo. Kuya kuba kuphindwa isityholo sakudala esabekwa kumkhonzi kaThixo**. "Kwathi u-Ahabhi akumbona u-Eliya, wathi uAhabhi kuye, ... uwahlisele intlekele amaSirayeli?" 1 Kumkani 18:17.

Abo bahlonipha iSabatha yeBhayibhile, baya kuthatyathwe njengentshaba zomthetho nocwangco, nokuba basingela phantsi imigangatho yokuziphatha ekuhlaleni, bengunobangela wovukelo nokuphalala, baze babange ukuba uThixo athulule izigwebo emhlabeni. Baya kutyholwa njengabachasi bakarhulumente. Abefundisi abawakhanyelayo amabango omthetho ongcwele baya kunkqangaza kumaqonga abo, ukubaluleka kokululanyelwa kwamagunya alawulayo. Abagcini bomthetho baya kugwetywa kwizindlu zowisomthethho nakwiinkundla zobulungisa. Intetho yabo iya kutolikwa ngolunye uhlobo, inikwe ntsingiselo yimbi; zithi neenjongo zabo zibonakaliswe zimbi kakhulu.

Izikhulu zebandla nezoburhulumene ziya kumanyana ekunyanzeliseni ukuba kuhlonitshwe iCawe. Inkululeko yesazela eyafunyanwa ngexabiso elikhulu ayisayi kuxatyiswa. Koku kungqubana kukhulu kuzayo, siya kubona kusenzeka okufana namazwi omprofethi, athi, "Yamqumbela umfazi inamba, yemka yaya kulwa

nabaseleyo bembewu yakhe, abo bayigcinayo imithetho kaThixo, abanobungqina bukaYesu Kristu." IsiTyhilelo 12:17.

Abathunywa bakaThixo, ubuso babo bubengezela kukuzinikela okungcwele, baya kukhawuleza besiya ngapha nangapha, bekhwaza isigidimi esiphuma ezulwini. Baya kwenza imimangaliso, baphilise nabafayo. NoSathana uya kusebenza ngemimangaliso yobuxoki,
[96] ade athobe nomlilo ezulwini. IsiTyhilelo 13:13. Abemi bomhlaba kuya kunyanzeleka ukuba bacace ukuba bemi phina kanye.

Isigidimi asiyi kuhanjiswa kakhulu yingxoxo, ngaphezu kokuziyekela kwabantu okunzulu ekusebenzeni kukaMoya kaThixo. lingxoxo okanye iimpikiswano kade zikho, iincwadi ezipapashwayo ziyivulele impembelelo, ukanti baninzi abathintelwayo ukuba bangayamkeli okanye bangayiqondi ngokupheleleyo inyaniso. Ngoku inyaniso ibonakala ngokuthe gca. Amaqhina eentsapho, ubudlelwane ebandleni, zizinto ezingenawo ngoku amandla okunqanda abantwana abanyanisekileyo bakaThixo. Zikho zinjalo izithunywa ezimanyeneyo ukuchasa inyaniso, likhulu inani labo basuka beme ngakwicala leNkosi.

Abo bahlonipha umthetho kaThixo, baya kuthathwa njengokuba ngabo ababanga imbambano enkulu nokuphalala kwegazi okuzalise umhlaba ngobubi. Amandla [kaThixo] asebenza esi silumkiso sokugqibela, avuse ingqumbo kwabangendawo, uSathana yena uvumbulula umoya wentiyo nentshutshiso ngakwabo basamkeleyo isigidimi.

### *UKholo Olunyamezelayo*

Ixesha eliphambi kwethu loxinzelelo nokudandatheka komphefumlo, liya kufuna ukholo olunako ukunyamezela ukudinwa, indlala, ukholo olungayi kutyhafa nokuba luvavanywe kangakanani na. Uloyiso lukaYakobi lusisibonakaliso samandla omthandazo ozingisayo. Bonke abaya kuwazuza amadinga kaThixo njengoko wenzayo (uYakobi) baya kuphumelela njengokuba naye waphumelelayo. Ukubambana noThixo - bambalwa kakhulu ke abayaziyo loo nto! Xa amaza otyhafiso entlitha lowo ucela ngokuzithoba, babambalwa abathi ngokholo, babambelele kumadinga kaThixo.

Imibono eyoyikekayo yezidalwa zale mimoya, iya kubonakala
[97] emazulwini izimpawu zamandla eedemoni ezisebenza imimangal-

iso. Imimoya yeedemoni iya kuphuma iye "kookumkani bomhlaba" nakulo lonke ihlabathi, ibacenge, bubanyanzela, ukuba bamanyane noSathana kwidabi lakhe lokugqibela lokuchasana noburhulumente basezulwini. Kuya kubakho abantu abathi banguKristu ngokwaKhe. Baya kwenza imimangaliso yokuphilisa batsho nokuthi banezityhilelo ezivela ezulwini ezichasene neziBhalo.

### *Esona siganeko Sikhulu Sokugqibela*

Esona siganeko sikhulu sokugqibela kulo mdlalo wolahlekiso kuxa uSathana eya kuzenza uKristu. Kudala ibandla likhangele ekufikeni koMsindisi njengokufezekiswa kwamathemba alo. Ngoku umkhohlisi omkhulu uza kwenza ngahi uKristu ufikile. U- Sathana uza kuzibonakalisa njengokukhanya okukhulu okubengezela, buphandla, ukukhanya okufana noko kuchazwa ngoNyanka kaThixo kwisiTyhilelo 1:13-15.

Ubuqaqawuli oburhangqileyo abudlulwa nto yaka yalanywa liliso lenyama. Umkhwazo woloyiso uvakala usithi "U-Kristu ufikile!" Abantu baya thoba, bawe phambi kwakhe. Uphakamisa izandla ukuba abasikelele. Ilizwi lakhe lizolile yaye limnandi. Ngezandi ezinovelwano, uthetha ezinye zeenyaniso zasezulwini ezazithethwe nguMsindisi. Uphilisa izifo, aze ekwesi simo sokuzimilisa njengoKristu, enze ibango lokuba uyiguqule iSabatha yaya kwiCawe. Uthi bonke abagcina ngcwele umhla wesixhenxe banyelisa igama lakhe. Olu lolona lulahlekiso lukhulu, lugqitha lonke olwaka [98]
Iwakho. Izihlwele ngezihlwele ziya kulwamkela olu lahlekiso, zisithi, "Lo ungamandla kaThixo amakhulu." IZenzo 8:10.

### *Abantu BakaThixo Abalahlekiswa*

Abantu bakaThixo abasayi kulahlekiswa. limfundiso zikakristu wobuxoki zinxamnye neziBhalo. Intsikelelo yakhe yenziwa phezu kwabantu abanqula irhamncwa nomfanekiselo walo, udidi, iBhayibhile ethe, kuya kugalelwa phezu kwalo indebe engaphithikezwanga yengqumbo kaThixo.

Ngaphezu koko, uSathana akavunyelwanga ukuba enze unomgogwana wendlela okanye wohlobo aza kufika ngalo uKristu. U-Msindisi ubalumkisile abantu baKhe ngolahlekiso ngalo mbandela. "... kuya kuvela abantu ababuxoki, nanaprofethi ababuxoki, benze

imiqondiso emikhulu nezimanga, ngokokude bathi, ukuba bekunokwenzeka, balahlekise nabanyuliweyo.... Ukuba ngoko bathi kuni, nanko entlango, musani ukuphuma niye. Nokuba bathi, nanko emagumbini, musani ukukholwa. Kuba njengokuba umbane uthi uphume empumalanga, ubonakale kude kuse entshonalanga, kuya kuba njalo nokufika koNyana woMntu.” Mateyu 24:24-27. Funda nezi ndawo: Mateyu 25:31; IsiTyhilelo 1:7; 1 Tesalonika 4:16, 17. Oku ukuza, ayikho indlela yokukulingaswa. Buya kubonakala kwihlabathi lonke.

Kuphela, ngabafundi beBhayibhile abakhutheleyo, abathe bakwamkela ukuthanda inyaniso, abaya kukhuseleka kolu lahlekiso lunamandla oluya kuthimba ihlabathi lonke. Ngenxa yobungqina beBhayibhile, aba baya kumazi umlahlekisi, naxa eya kuba ezifihlile, wazenza mntu wumbi. Ingaba abantu bakaThixo ngeli xesha bame, beqinile phezu kwesiseko esiliLizwi laKhe kangangokuba abayi kukholelwa zezo zinto bazibonayo ? Ingaba baya kuthi ngelo xesha libi, babambelele eBhayibhileni, kude kufike isiphelo?

## 10— Ukuhlangulwa Okukhulu [99]

Xa kuthe kwasuswa ukukhuselwa yimithetho yabantu kwabo babamba umthetho kaThixo, kuya kuthi, ngaxesha linye kumazwe ngamazwe, kuvuke intshukumo yokubatshabalalisa. Kuya kuthi ngokusondela kwexesha elimisiweyo emthethweni, abantu bacele ukuba ngobusuku obunye kuthi cwaka, liphele ilizwi "labavukeli nabakhalimeli" babo.

Abantu bakaThixo - abanye beseziseieni, abanye emahiathini nasezintabeni - bacela ukuba izulu lingenelele. Amadoda axhobileyo, eqhutywa ziingelosi ezikhohlakeleyo, alungiselela umsebenzi wokufa. Kuthi ngoku, ngeyure esencotsheni yentshutshiso, noThixo angenelele: niya kuba nengoma enjengeyobusuku bokungcwaliswa komtheneleko, novuyo Iwentliziyo njengabahamba...ukuya entabeni kaYehova, eliweni likaSirayeli. Uya kulivakalisa uYehova izwi lakhe elinendili, akubonakalise ukuhla kwengalo yakhe kunokujala ngumsindo, nokulenya komlilo otshisayo, nokuphalazeka kwelifu nesiphango, namatye esichotho. "Isaya 30:29, 30.

Izihlwele zamadoda akhohlakeleyo zingxamele ukuqwenga ixhoba lazo, kodwa kuthi ngoko, kuvele ubumnyama obungqingqwa, [100] bugqitha nobona busuku bumnyama, buwugubungele umhlaba. Kwakhona kuvela umnyama uthi tshitshilili emazulwini yaye ubukeka ngathi urhangqa iqela ngalinye elithandazayo. Le mikhosi inomsindo ithi xhungu. Itsho ilibale ngaba bantu ibaleqayo. Iqwalasela umfuziselo womnqophiso kaThixo, inge ingakhuselwa ekubengezeleni kwawo.

Abantu bakaThixo beva izwi lisithi, "khangelani phezulu!" NjengoStefano ifela-nkolo lokuqala elingumKristu, bakhangela phezulu, babone ubuqaqawuli bukaThixo kunye noNyana woMntu phezu kwetrone yaKhe. (Funda IZenzo 7:55,56). Babona iimpawu zokuhlaziswa kwaKhe, baze bave isicelo esithi, "Ndithanda ukuba nabo abo undinike bona, babe nam, apho ndikhona mna, "Yohane 17:24. Kuvakala izwi lisithi, "Beza bengcwele, bengenabungozi, bengenabala! Baligcinile ilizwi lomonde wam".

### *Kufika Ukuhlangulwa*

Ezinzulwini zobusuku uThixo ubonakalisa amandla okusindisa abantu baKhe. Ilanga livela likhanye ngokwasemini emaqanda. Kulandla imiqondiso nezimanga. Abangendawo bawukhangela lo mbono ngoloyiko, ukanti amalungisa abona iimmpawu zokuhlangulwa kwawo. Kuthi phakathi kwamazulu alwayo, kubonakale indawana ekuphuma kuyo ubuqaqawuli obungenakuchazwa apho kuphuma khona ilizwi likaThixo, livakala ngokwamanzi amaninzi, lisithi "Kwenzekile!" IsiTyhilelo 16:17.

Elo lizwi lishukumisa amazulu nomhlaba. Kukho inyikima enkulu "ekungazanga kubekho lunjalo unyikimo ukuba lukhulu, kuseloko kwabakhoyo abantu emhlabeni." IsiTyhilelo 16:18. Amawa aqhekekileyo athi saa kuyo yonke indawo. Ulwandle lulatyuza ngomkhulu umsindo. Kuvakala isandi somoya omkhulu ngathi lilizwi leedemoni. Umhlaba uya qhekeka. Iziseko zawo ngathi ziyasuka. Izixeko ezingaselwandle ebesezifana neSodom
[101] zigutyungelwa ngamanzi alwayo. "I-Bhabheli enkulu yakhunjulwa emehlweni kaThixo ukuba inikwe indebe yewayini yomsindo wengqumbo yaKhe." IsTyhilelo 16:19. Amatye amakhulu esichotho enza umsebenzi wawo wokutshabalalisa. Izixeko ezikhulu zamabhongo ziwiswe phantsi. Amabhotwe amahle apho abantu bachitha khona bonke ubutyebi babo, atshabalala bejongile. Iindonga zezisele ziyaqhekeka, zivuleke, bekhululeka baphume abantu bakaThixo.

Amangcwaba ayavuleka, kukuvuka abaninzi kwabaleleyo, eluthulini lomhlaba, aba baye ebomini obungunaphakade, nabo baya kwingcikivo nakwinyumnyezi elingunaphakade." Nabo bamhlabayo; abo babegculele uKristu esezintlungwini zokufa, nabachasi abandlongondlongo benyaniso yaKhe, baya vuswa ukuze babone uzuko olubekwa phezu kwabo balulamelayo nabathobelayo. Daniyeli 12:2; IsiTyhilelo 1:7.

Imibane eyoyikekayo igquma umhlaba ngengubo yomlilo. Ngasentla zindudumo, amazwi angaqhelekanga nawoyikekayo, axela ukuba ifikile intshabalalo yabangendawo. Abo babezigwagwisa bedelela, bebakhohlakalele abantu abagcina imithetho kaThixo, ngoku baya duda kukoyika. Iidemoni ziyangcangcazela ngelixa abantu bekhalela inceba.

### *Imini Yenkosi*

UmprofetHi u-lsaya wathi, "Ngaloo mini umntu uya kuziphosa ezintukwini nasemalulwaneni izithixo zakhe ezingeni zesilivere, nezithixo zakhe ezingeni zegolide, abamenzelayo ukuze aqubude kuzo, ukuze angene ezimfanteni zamawa nasemiqhokrweni yeengxondorha, ngenxa yokoyika uYehova, nangenxa yozuko lobungangamsha baKhe, ekuphakameni kwakhe ukuba angcangcazelise ilizwe." Isaya 2:20, 21.

Abo bancama konke ngenxa kaKristu, ngeli xesha, bakhuselekile. Bathi bejongene nokufa, balibonisa ihlabathi ukukholelwa kwabo luLowo wafa ngenxa yabo. Ubuso babo obusebumgqubagqubane, buthe woxo kukutyhafa nokudinwa, buthi [102]
phaka kuba bemangalisiwe. Baphakamisa amazwi ngoloyiso bevuma besithi, "UThixo ulihlathi, uligwiba kuthi, ezimbandezelweni ufumaneka eluncedo kunene. Ngenxa yoko asoyiki, ekuphendukeni kwehlabathi, ekudilikeni kweentaba esazulwini solwandle. Makagqume alephuze amanzi alo; iinlaba zinyikime ngokukratsha kwalo." Indumiso 46:1-3.

Ngeli xesha la mazwi okuthemba uThixo ongcwele enyuka esiya kuYe, ubuqaqawuli besixeko sasezulwini buthi gqi, buphuma kwisango elivuliweyo. Ngelo xesha kanye, kubonakala isandla esibhakabhakeni, siphethe amacwecwe amabini amatye - La mthetho ungcwele wawunikelwe eSinayi, uvezwa njengesiseko sogwebo. Amagama awo acace kakhulu ukuba nabani abe nokuwafunda. Inkumbulo iyavuseleka. Ubumnyama benkolo nokreqo zithi shwaka kuyo yonke ingqondo.

Kunzima ukuchaza ukoyika nokothuka kwabo bawunyathela ngenyawo umthetho kaThixo. Bayityhalela bucala imithetho kaThixo, bafuna ukreqo khon'ukuze bathandwe, banconywe lihlabathi. Ngoku bagwetywa ngulo mtheto bebewujongele phantsi, bawuchasa. Baya bona ngoku ukuba abanatyholo lakusithela. lintshaba zomthetho kaThixo zinombono omtsha ngenyaniso nento emayenziwe. Ziyibona sekusemva kakhulu into yokuba iSabatha ilitywina likaThixo ophilileyo. Zisibone sekumva kakhulu isiseko sentlabathi ezakhele phezu kwaso. Zibe zisilwa noThixo, abafundisi bezenkolo bekhokhelela imiphefumlo emininzi entshabalalweni: besithi bona babakhokhelela eParadesi. Hayi ukuba lukhulu koxanduva

Iwamadoda akwizikhundla zobungcwele, hayi ububi beziqhamo zokunganyaniseki kwabo.

### *Ukumkani Wookumkani Uyabuya*

Ilizwi likaThixo livakala likhankanya umhla neyure uYesu ayakufika ngayo. U-Sirayeli kaThixo uyema aphulaphule,
[103] imbonakalo yabo, iya khanya ngenxa yobuqaqawuli baKhe. Kwa ngoko, kuvela ilifu elincinane elimnyama. Lilifu elizungeze uMsindisi. Ngokuzola okunesithozela abantu bakaThixo bondela kweli lifu njengokuba lisiya lisondela kufuphi, lide libe lilifu elikhulu, ngaphantsi kwalo bubuqaqawuli obufana nomlilo odlayo, kanti ngaphezulu kwabo kukho umnyama womnqophiso. U-Yesu, engasenguye "oqhelene nesifo", uyeza eligorha eloyisileyo. Izithunywa ezingcwele, umkhosi omkhulu ongenakubalwa, zilungiselela kuYe, zizigidi ngezigidi. Onke amehlo ayalibona iTshawe lobomi. Isithsaba sozuko siphezu kwentloko yaKhe. Imbonakalo yaKhe ikhanya ngaphezu kwelanga lasemini emaqamnda "Engutyeni yakhe nasethangeni laKhe waye negama libhaliwe kwathiwa, "UKumkani kakumkani, UNkosi kankosi." IsiTyhilelo 19:16.

U-Kumkani kakumkani, uyehla phezu kwelifu, embathiswe umlilo ovuthayo. Umhlaba uya ngcangcazela phambi kwakhe," Uyeza uThixo wethu, akayi kuti cwaka. Kudla umlilo phambi kwakhe, ngenxa zonke kuye sisaqhwithi esikhulu. Ubiza izulu phezulu, nehlabathi, ukuba agwebe phakathi kwabantu bakhe." iNdumiso 50:3,4.

"Bathi ookumkani bomhlaba, namanene nezityebi, nabathetheliwaka, nabanamandla, namakhoboka onke, nabakhululekileyo bonke, bazifihla emqolombeni nasemaweni eentaba. Bathi kwiintaba nakumawa, Siweleni, nisifihle ebusweni balowo uhleli phezu kwetrone, nasengqumbeni yeMvana; ngokuba ufikile umhla
[104] omkhulu wengqumbo yayo; ngubani na onako ukuma?" IsiTyhilelo 6:15-17. Iziqhelo ezigculelayo ziphelile, imilebe exokayo ithe cwaka. Akukho nto ivakalayo ngaphandle kwelizwi lomthandazo nesandi sesikhalo. Abangendawo bathandazela ukuba bangcwatywe ngaphantsi, ngamawa endaweni yokuhlangana naYe abamdelayo. Ela lizwi lingena ligqobhoze kwindlebe zabafileyo, bayalazi. Bekufuthi kangaphi ukucenga kwalo libabiza ukuba baguquke. Sekukan-

gaphi beliva ngezicengo zomhlobo, zomzalwana noMsindisi. Eli lizwi livusa iinkumbulo zezilumkiso ezajongelwa phantsi nezimemo ezaliwayo.

Kukho nabo babegculela uYesu ekuhlazisweni kwaKhe. Wathi ke uYesu, emveni koku niya kumbona uNyana woMntu, ehleli ngasekunene kwamandla, esiza esemafini ezulu." Mateyu 26:64. Bayambona ngoku esebuqaqawulini baKhe; baseza kumbona ehleli ngasekunene kwamandla. Nanko uHerode oziphakamisileyo owanyevulela isikhahlelo sakhe sobukhosi. Nanga amadoda awabeka isitshaba sameva ebunzini laKhe, abeka esandleni saKhe intonga engumfanekiso wokuhlekisa - abo bagoba kuYe benyelisa, behlekisa, belitshicela iTshawe lobomi. Ngoku, banga bangabaleka phambi kwakhe. Abo babebethelela izikhonkwane ezandleni nasezinyaweni zaKhe, babona loo manxeba, boyike, bazisole.

Ababingeleli nabaphathi bazikhumbula ngokucacileyo iziganeko zeKhalvari, indlela ababehlunguzela ngayo iintloko ngokovuyo lobuSathana, bekhwaza besithi, "Abanye wabasindisa, yena ngokwakhe akanakuzisindisa." Mateyu 27:42. Ngaphezu koko kukhwaza kuthi, "Mbethelele emnqamlezweni, mbethelele emnqamlezweni!" okwakuvakala kuyo yonke iJerusalem, kunyuka isikhalo sokungabi nakuzinceda," UnguNyana kaThixo! "Bafuna ukubaleka, bemke phambi kukaKumkani weekumkani.

Kubomi babo bonke abayalayo inyaniso kukho amathuba esithi [105]
isazela sivuseleleke, xa umphefumlo uthwaxwa kukuzisola. Ziyintoni zona ezo zinto xa zithelekiswa nobuhlungu baloo mini! Phakathi kokoyika kwabo, kuvakala amazwi abangcwele bekhwaza besithi, "Yabona, lo nguThixo wethu, besithembele kuYe, ukuba asisindise." Isaya 25:9.

### *Uvuko Lwabantu BakaThixo*

Ilizwi lonyana kaThixo livusa abangcwele abaleleyo. Kuwo wonke umhlaba, abafileyo baya kuliva izwi baze abo balivileyo baphile; umkhosi omkhulu wazo zonke izizwe, intlanga, ilwimi nabantu. Baphuma kwindlu yentolongo yokufa bembathiswe ngozuko lokungafi, bekhala besithi, "Luphi na kufa ulwamvila Iwakho? Luphina, Hadesi, uloyiso Iwakho?" 1 Korinte 15:55.

Bonke baphuma emangcwabeni bengangoko babengako ukungena kwabo kuwo. Bavuka ke kodwa benokuhlaziyeka nodlamko lobutsha bukanaphakade. U-Kristu uza kubuyisela oko kulahlekileyo. Uya kuyiguqula le mizimba yethu mibi, ayenze ifane nowakhe wozuko. Le mo ifayo neyonakalayo, eyayingcniswe sisono, yenziwa igqibelele, ibe mihle imizimba yethu, ingabi nakufa. Iziphako nokonakala konke kushiywa engcwabeni. Abasindisiweyo baya kukhula, bafikelele kumgangatho wohlanga ngexesha Iwalunozuko ekuqalekeni, iimpawu zokugqibela zesiqalekiso sesono ebezisafumaneka, zisusiwe. Abathembekileyo bakaKristu baya kutyhila ngokutsha umfanekiselo ogqibeleleyo weNkosi yabo ngengqondo, ngomphefumlo nangomzimba.

Abasaphilayo abangamalungisa baya kuguqulwa "Ngomzuzu, ngephanyazo, ngelizwi likaThixo, benziwa bangabi nakufa
[106] ukuze, bekunye nabangcwele abavusiweyo, baxwilelwe phezulu, bahlangane neNkosi esibhakabhakeni. Iingelosi zithi "Zihlanganisele ndawonye abanyulwa bakhe, baphume kumacala omane omoya, kuthabathela esiphelweni sezulu, kude kuse kwesinye isiphelo salo." Mateyu 24:31. Abantwana abancinane basiwa kwingalo zoonina. Izihlobo ezahlulwa kudala kukufa ziyahlanganiswa ukuba zingasayi kuze zahlukane, ukuze bonke banyuke kunye ukuya kwisixeko sikaThixo.

### *UKungena Kwisixeko Esingcwele*

Zonke izihlwele zabasindisiweyo ezingenakubalwa, amehlo azo ziwamilisela kuYesu lo "ibinje ukonakala imbonakalo yakhe ide ingabi yeyomntu, nesithomo saKhe ukuda singabi sesoonyana baka-Adam". Isaya 52:14. U-Yesu ubeka izithsaba zozuko phezu kweentloko zaboyisileyo. Wonke ubani unesithsaba esinegama lakhe (IsiTyhilelo 2:17) kuye nombalo othi, "Uzuko malube kuThixo!" Kwisandla ngasinye kuye kwabekwa isundu loloyiso nohadi olukhanyayo. Emva koko, ingelosi enika imiyalelo iye yaqalisa ukukhalisa zaza zonke izandla zazichukumisa iihadi ngobuchule obukhulu kwatsho uncuthu olunocwambu Iwengoma. Atsho namazwi evakalisa umbulelo, "Kulowo wasithandayo, wasikhulula ezonweni zethu ngelilelakhe igazi, wasenza ookumkani nababin-

geleli kuye uThixo, uYise: kuye makubekho uzuko, namandla, kuse emaphakadeni asemaphakadeni. Amen. IsiTyhilelo 1:5, 6.

Phambi kwesihlwele esisindisiweyo kukho isiXeko esiNgcwele,
uYesu uvula amasango, zaza izizwe ezagcina inyaniso, zangena
phakathi. Kuvakela izwi lake, "Yizani, nina nisikelelweyo nguBawo,
nibudle ilifa ubukumkani obalungiselelwa nina, kwasekusekweni
kwehlabathi." Mateyu 25:34. U-Kristu unikela kuyise abathengwa
begazi laKhe, esithi, "Yabona, mna nabantwana andinike bona
uThixo". Owandinika bona ndibagcinile." Hebhere 2:13; Yohane
17:12. Hay' ke, intlokoma yaloo yure, xa uYise ephosa iliso laKhe [107]
phezu kweso sihlwele sabasindisiweyo abone umfanekiselo waKhe,
ububi besono bususiwe, Ubuntu bubuye bahambelana nobungcwele!

Uvuyo loMsindisi, lusekuboneni ubukumkani bozuko: imiphefumlo esindiswe ngeentlungu zakhe nokuhlaziswa kwaKhe. Abasindisiweyo baya kwabelana naYe ngoluvo Iwabo babazuza ngemithandazo, nokusebenza nzima, nangombingelelo wothando. Ulonwabo luya kuzizalisa iintliziyo zabo xa bebona ukuba omnye wazuza abanye nabo abo bazuza abanye.

## *OoAdam Ababini Baya Hlangana*

Kuthi xa abahlangulweyo besamkelwa esixekweni sikaThixo, kuvakale ingxolo yovuyo loloyiso kuba kuza kuhlangana ooAdam ababini. U-Nyana kaThixo uza kwamkela ubawo wohlanga Iwethu - lowo wayemdalile waza wona, ekuthe ngenxa yesono sakhe kwakho iimpawu zokubethelelwa komzimba woMsindidi. Uthi uAdam akubona iimpawu zezikhonkwane, ngokuthoba, azilahle ezinyaweni zikaYesu. U-Msindisi uya mphakamisa abe semcela ukuba akhangele kwakhona ikhaya le-Eden awagxothwa kulo ithuba elide kangaka.

U-Adam wazaliswa yintlungu. Lonke igqabi elifayo, lonke ixhoba lombingelelo, lonke ibala kubunyulu bomntu, lalisisikhumbuzo sesono. Yayimbi kakhulu intlungu yokuzisola kwakhe xa ebekwa izigxeko njengowenza ukuba kubekho isono. Waguquka kwisono sakhe ngokuthembeka, wafa enethemba lovuko. Ngoku ngenxa yocamagushelo, uAdam ubuyiselwe kwimo yakhe.

Ethwelwe ngovuyo, ubona imithi eyakha yalulonwabo kuye, eziqhamo zayo wayezitya ngaloo mihla yayingenasono.

Ubona izidiliya ezazisetyenzwa zizandla zakhe, neentyhatyambo awayethanda ukuzigcina. Ngokwenene, le yi-Eden ebuyisiweyo.

[108] U-Msindisi umkhokhelela kumthi wobomi athi makatye kuwo. Ubona isihlwele sosapho Iwakhe olusindisiweyo. Usuka asilahle ezinyaweni zikaYesu isitshaba sakhe, amwole uMsindisi. Emva koko, uchukumisa uhadi, utsho lihlokome izulu yingoma yoloyiso: "Ifanele, ifanele, Imvana eyaxhelwayo! (lsiTyhil;elo 5:12). Usapho luka — Adam nalo luziphosa ezinyaweni zoMsindisi izitshaba, zithoba, zidumisa. lingelosi zalila ukuwa kuka-Adam, zavuya uYesu akulivula ingcwaba labo baya kukholwa kwigama laKhe. Ngoku ziwubona ugqityiwe umsebenzi wokusindisa nazo zihlanganisa amazwi ekudumiseni.

Phezu kolwandle olungathi "luphithikezwe nomlilo", sihlangene apho isihlwele, abo bavela beloyisile irhamncwa, nomfanekiso walo, nophawu Iwalo, nenani legama lalo." 1-144 000 labasindisiweyo ebantwini livuma ingoma kaMoses" "nengoma yeMvana." IsiTyhilelo 15:2, 3. Akakho onokuyifunda loo ngoma ngaphandle kwe-144 000 kuba yingoma yamava ekungekho limbi iqela elikhe lawafumana." Aba ngabo bayilandelayo iMvana apho isukuba isiya khona." Aba benziwa kumila kumbi. "bephuma ebantwini, bazintlahlela kuye uThixo nakuyo iMvana," IsiTyhilelo 14:4. Badlula kwixesha lenkathazo elingazange libekho elinjalo suseloko kwabakho uhlanga; bathwala ubunzima bexesha lenkathazo kaYakobi; bema bengenamthetheleli ngexesha uThixo ethulula izibetho zokugqibela. "Bazihlamba iingubo zabo ezinde, bazenza mhlophe egazini leMvana". "Emlonyeni wabo akufunyanwanga nkohliso, kuba bengenakubekwa bala! Phambi koThixo." "abayi kuba salamba, abayi kuba sanxanwa, aliyi kubawela nelanga, nabunye ubushushu, ngokuba iMvana esesazulwini setrone iya kubalusa, ibakhokhelele emithonjeni ephilileyo yamanzi, waye uThixo eya kuzisula zonke iinyembezi emehlweni abo. IsiTyhilelo 7:14; 14:5; 7:16, 17.

### *Abasindisiweyo Eluzukweni*

[109] Kuwo onke amaphakade, abanyuliweyo boMsindisi bebehamba kwiindlela ezimxinwa. Bahlanjululwa ngemihla yengcikivo. Ngenxa kaYesu, banyamezela ukuthiywa, ukutyholwa, ukuzoyisa, nezidaniso ezikrakra. Babufunda ububi besono, ubutyala baso,

intlungu yaso; basijonga basithiya. Ingcamango yombingelelo ongunaphakade owenzelwa ukusinyanga ngoku izalisa iintliziyo ngombulelo. Bathanda kakhulu kuba baxolelwe kakhulu. (Bona kuLuka 7:47) Baba nenxaxheba ekubulalekeni kukaKristu, ngoku balungele ukuba nenxhaxheba eluzukweni Iwakhe.

Iindla-mafa zikaThixo ziphuma ematyotyombeni, emingxunyeni, emihadini, ekuxhonyweni, ezintabeni, kwiintlango nasemiqolombeni. Zazilahliwe, zingcikivwa, zingcungcuthekiswa." "Izigidi zabantu zaya kungena engcwabeni zihlazisiwe kuba zazisala ukuvumelana noSathana. Kungoku nje azisatshutshiswa, azibalekanga zathi saa, yaye azicinezelwanga. Kususela ngoku, ziya kuma zambethe iimpahla zamaxabiso ezingazange zanxitywa zizikhulu zasemhlabeni, zithweswe izithsaba ezihle ukudlula ezaka zabekwa phezu kweentloko zokumkani bomhlaba. Ukumkani wozuko uzisule iinyembezi ebusweni babo. Batsho ngengoma yokudumisa, ecacileyo, emyoli nenesingqi esidibeneyo. Le ngoma ihlokoma kuzo zonke iingontsi zezulu; "Usindiso kuye uThixo wethu, lowo uhleli phezu kwetrone, nakuyo iMvana". Baphendule bonke, "Amen, ukubongwa, nozuko, nobulumko, nombulelo, nembeko, namandla, nokomelela, makube kuye uThixo wethu, kuse emaphakadeni asemaphakadeni". Isityhilelo 7:10, 12.

Kobu bomi, singaqalisa nje kancinane ukuwuqonda umxholo omangalisayo wokusindiswa. Ngengqondo yethu ephelelwayo okanye enemida, singaqaphela ngokuzimisela ukuhlangana emnqamlezweni kosizi kwanozuko, kobomi nokufa, kobulungisa nenceba; kanti sithi, sesizame ukuzitwabulula iingqondo zethu, [110]
sisilele ukukubamba ukubaluleka koku kuhlangana. Ubude nobubanzi, ubunzulu nokuphakama kothando olusindisayo, zibonakala mfiliba kuthi. Icebo losindiso alisayi kuze laziwe ngokupheleleyo, naxa abasindisiweyo bebona njengokuba bebonwa okanye besazi njengokuba besaziwa; kodwa kuya kumana kuvela inyaniso ezintsha kunaphakade kwingqondo eziya kumangaliswa, zizaliswe naluvuyo. Nangona usizi neentlungu, nezilingo zomhlaba ziya kuba ziphelile nembangi yazo isusiwe, abantu bakaThixo baya kuhlala benenkumbulo ecacileyo engqondweni yabo yexabiso lokusindiswa kwabo.

Umnqamlezo uya kuba yingoma yabasindisiweyo kunaphakade wonke. KuKristu ozukisiweyo bona baya kubona uKristu obethelel-

weyo. Ayisayi kulityalwa into yokuba ingangalala yezulu yazithoba ukuze iphakamise umntu owile, nokuba yathwala ityala nehlazo lesono kunye nokufihla ubuso kukaYise yada intlekele yelizwe elilahlekileyo yaphula intsliziyo yaKhe yatyumza nobomi bakhe. U-Menzi, wamazwe onke, ngenxa yokuthanda umntu, ubeka bucala uzuko IwaKhe - nto leyo iya kuhlala ichulumancisa izulu nomhlaba. Njengokuba zonke iintlanga zabasindisiweyo zikhangela uMsindisi, zisazi kakuhle ukuba ubukumkani baKhe abusayi kuze buphele, zisuka zidanduluke ngengoma zithi, "ifanele ukudunyiswa iMvana eyaxhelwayo, yasihlangula ukuze sibe ngabakaThixo ngegazi laYo elinexabiso."

Imfihlelo yomnqamlezo ichaza zonke ezinye iimfihlelo. Kuyacaca ukuba uThixo onobulumko bonke; akukho cebo wayenokulenza lokusisisindisa ngaphandle kokuncama uNyana waKhe. Imbuyekezo yalo mbingelelo, luvuyo lokugcwalisa umhlaba ngabantu abasindisiweyo, bengcwele, bonwabile, bengenakufa. Linjalo ke ixabiso lomphefumlo into eyenza uYise noBawo ukuba aneliseke lixabiso alihlawuleyo uYesu. NoKristu ngokwaKhe, xa ebona iziqhamo zombingelelo waKhe omkhulu, uyaneliseka.

# 11—Uloyiso Lothando [111]

Ekupheleni kweminyaka e-1000, uKristu ubuyela emhlabeni ekhatshwa ngabasindisiweyo kunye nomkhosi wezithunywa zezulu. Ubiza abafileyo ukuba bavuke ukuze bafumane intshabalalo esisiphelo sabo. Bayavuka, bengenakubalwa njengentlabathi yaselwandle, beneempawu zezifo nokufa. Umahluko omkhulu kangako kwabo babevuke kuvuko lokuqala.

Onke amehlo akhangela ukuba abone uzuko loNyana kaThixo. Iingelosi ezikhohlakeleyo zonke ziduma ngazwinye zisithi, “Makabongwe lowo uzayo egameni leNkosi!” Mateyu 23:39. La mazwi awaphumi eluthandweni. Atyhalwa ngamandla enyaniso ukuba aphume kuloo milebe ingathandiyo. Njengoko abakhohlakeleyo bephuma emangcwabeni, baphuma kuwo bese nobo butshaba ngakuKristu, bese nawo naloo moya wovukelo. Abazokufumana nceba yimbi ukuba balungise ubomi babo obadlulayo.

Uthi umprofethi, “Ziya kuma iinyawo zakhe ngaloo mini phezu kwentaba yeminquma,... icandeke iNtaba yeminquma phakathi” Zekariya 14:4. U-Kristu nabantu baKhe neengelosi zaKhe, bangene kuwo umzi ongcwele - iJerusalem eNtsha

Naxa liya kuba linqunyulwe iimpiko kumsebenzi wokulahlek- [112]
isa itshawe lobubi liya kuxhwaleka, linxunguphale lizive lilahliwe kodwa, kwaba bantu bakhohlakeleyo bavusiweyo, libona izihlwele ezikwicala lalo, atsho avuseleleke amathemba. Ligqibe ekubeni lingayiyeki le mfazwe inkulu. Liya kuqokelela bonke abalahliweyo phantsi kwebhanile yalo. Ngokungamamkeli uKristu, aba bamkele ulawulo Iwenkokheli engumvukeli, belungele ukuya apho ibathuma khona. Eli tshawe, lisenza la nto yokuqala yokuzifihla ukuba linguSathana. Libanga ukuba lilo elingumnini womhlaba osemthethweni ntonje ilifa lalo lihluthiwe kulo. Lizibeka njengomkhululi, liqinisekisa abalandeli abalahlekileyo ukuba ngamandla alo abakhuphe emangcwabeni. U-Sathana womeleza ababuthathaka, abafake amandla akhe bonke ukuze abakhokhele ukuba bawuthabathele kubo umzi kaThixo. Ubabonisa ubuninzi babo (abo baphuma

emangcwabeni) abe selebaxelela ukuba njengenkokheli, uza kuba khokhela; abuthabathele kuye "ubukumkani bakhe kunye netrone yakhe".

Kwesi sihlwele kwakukho uhlanga olwaluphila phambi
[113] koNogumbe, amadoda amade ngesithomo, izigebenga engqondweni, amadoda anemisebenzi yawo yenza ukuba buhlonitshwe ubuchopho bawo, kodwa inkohlakalo yawo nobubi bokucamngca kwawo enza ukuba uThixo awacime kwindalo yakhe. Kukho ookumkani neenjengele ezingazange zoyiswa mfazwe. Ekufeni kwawo awazange aguqulwe. Bathi xa bephuma engcwabeni, bavuselelwa kwa lolo langazelelo lokoyisa abo bafa beboyisa.

### *Ukuhlasela U-Thixo Okokuqgibela*

U-Sathana uhlanganisa iintloko namadoda akhe amakhulu. Bayavumelana ukuba lo mkhosi ungaphakathi esixekweni mncinane xa uthelekiswa nowabo ngoko bangawoyisa. Amachule okwenza izixhobo zemfazwe aqalisa umsebenzi wawo. Iinkokheli zemikhosi ziqalisa ukuqokelela amadoda okulwa ngamaqela namahlelo.

Ekugqibeleni, kuphuma umyalelo wokuba kubhekwe phambili, isihlwele esingenakubalwa siya hamba; loo mkhosi uhlangeneyo ongaphezu kwayo yonke imikhosi eyaka yakho. Lo mqodi ukhokhelwa nguSathana, ookumkani namagorha emfazwe ekuloo mkhosi. Ngobuchule obukhulu basemkhosini, izintlu zonke zithe chu kuloo mhlaba udlaka-dlaka, zisingisa kumzi kaThixo. Ngomyalelo kaYesu, ayavalwa masango eJerusalem eNtsha, imikhosi kaSathana izilungiselela ukuhlasela.

Ngeli xesha uyavela uKristu ukuba abonwe zintshaba zaKhe. Phakathi esixekweni kwindawo esencotsheni, phezu kwesiseko segolide ecikizekileyo, kumi itrone. Kwitrone leyo kuhleli uNyana kaThixo, erhangqwe ngamalungu obukumkani baKhe, macala onke. U-Nyana kaThixo, ugubungelwe bubuqaqawuli bukaYise. Ukubengezela kobukho baKhe kuphuma kuye ngaphaya kwamasango, buzalise umhlaba ngokukhanya kwako.

[114] Kufutshane kakhulu apha etroneni, ngabantu ababeshushu ekusebenzeleni uSathana, kodwa bakhutshwa emlilweni njengezikhuni ezivuthayo baza balandela uMsindisi ngokuzinikela okukhulu. Bakho nabo bathi phakathi kobuxoki nokungakholwa; bavuma

ukuba isimilo sabo masenziwe sigqibelele, bawuhlonela umthetho kaThixo ngexesha ihlabathi lisithi awunto, kukho nezigidi zezizukulwana ezininzi ezabulawelwa inkolo yazo. Kwelinye icala kukho "isihlwele esikhulu, ebekungekho namnye unako ukusibala, siphuma kuzo zonke iintlanga, nezizwe nabantu, neelwimi,... sithiwe wambu ngeengubo ezinde ezimhlophe, sinamasundu ezandleni zaso. " IsiTyhilelo 7:9. Imfazwe yabo iphelile, boyisile. Isebe lesundu limele uloyiso, ingubo emhlophe iluphawu lobulungisa bukaKristu obubobabo ngoku.

Kuso sonke esi sihlwele, abakho abalubalela kubo usindiso ngokuthi kungemisebenzi yabo yobulungisa. Akukho nto ithethwayo ngokubulaleka kwabo; eyona nto kuthethwa ngayo, yindumiso ethi, "Usindiso kuThixo wethu nakuyo iMvana".

### *Abavukeli Banikwa Isigwebo*

Phambi kwengqungquthela yabemi bonke bomhlaba nezulu, kuthweswa isithsaba, uNyana kaThixo. Ngoku, ethiwe jize ngegunya elikhulu namandla, ukumkani wookumkani, uwisa isigwebo phezu kwabavukeli abawaphulayo umthetho kaThixo, babacinezela nabantu baKhe. "Ndabona itrone emhlophe enkulu, nalowo uhleli phezu kwayo, owathi umhlaba nezulu wasabi ebusweni baKhe, azafunyanelwa ndawo ezo zinto. Ndababona abafileyo, abancinane nabakhulu, bemi phambi koThixo.

Zavulwa iincwadi, kwavulwa nenye incwadi, eyeyobomi; bangcwatywa abafileyo ngokubhaliweyo ezincwadini ezo, ngokwemisebenzi yabo." IsiTyhilelo 20:12, 12.

Lithi iliso likaYesu lakujonga kwabakhohlakeleyo, batsho [115]
bakhumbule sonke isono abaka basenza. Bathi babone apho zaphambuka khona iinyawo zabo kwindlela yobungcwele. Kuninzi okufika kubo kungathi kubhalwe ngamagama omlilo kuquka izilingo ezinomtsalane. Abantu abazikhuthaza ngokuthanda ukutya isono, abathunywa bakaThixo abajongelwe phantsi ngaba bantu, izilumkiso ezingazange zinanzwe, ubuninzi benceba obungazange buhoyeke ngenxa yeenkani kunye nentliziyo engafuni nguquko.

Ngaphezu kwetrone kuvezwa umnqamlezo. Njengomboniso oveza ingcombolo yonke, kutyhilwa imiboniso yokuwa kuka-Adam nawo wonke amanyathelo ecebo losindiso ngokulandelelana kwawo.

U-Msindisi owazalwa kwiindawo eziphantsi; ubomi baKhe obulula; ukubhaptizwa kwaKhe eYordane; ukuzila ukutya nokulingwa entlango; ulungiselelo IwaKhe lutyhilela abantu iintsikelelo zezulu; imihla eyayizaliswe yimisebenzi yenceba, ubusuku bomthandazo ezintabeni namayelenqe abantu abanomona nobubi; imfihlelo yentlungu yaseGetsemane phantsi komthwalo onzima wesono sehlabathi; ukungcatshwa kwaKhe kwisihlwele sababulali, iziganeko zobusuku bentlungu, ibanjwa elingaxhathisiyo elishiywe ngababafundi
[116] baLo, ukurhuqelwa kwinkundla yamatyala kwibhotwe lombingeleli omkhulu, kwiholo kaPilato, phambi koHerode oligwala, egculelwa, enyeliswa, enkwantyiswa, egwetyelwa ukufa - Konke kwakuzotywe kwacaca.

Ngoku, phambi kwesihlwele esingazinzanga, kwakuvezwa imiboniso yokugqibela, ababingeleli noorabhi bagculela intlungu yaKhe yokugqibela; ubumnyama obungaqhelekanga buphawula ukunikezela koMsindisi wezwe bonke ubomi baKhe.

Lo mfanekiso woyikekayo wavela njengoko wawunjalo. U-Sathana nabantu bakhe abanawo amandla okujika, bangawuboni lo mfanekiso. Umdlali ngamnye ukhumbula indawo awayeyidlala. U-Herode owabulala abantwana baseBetelehem, uHerodiya ongenasidima, ekuhleli phezu kwakhe igazi likaYohane um-Baptizi; u-Pilato obuthathaka owahambisa ixesha, amadindala awayegculela, isihlwele esasiphambanisa ingqondo sikhala, sisithi; igazi laKhe malibe phezu kwethu kunye nabantwana bethu!" - bonke balangazelela ukuzifihla kubungcwele bobungangamsha bembonakalo yaKhe, ngelixa abasindisiweyo belahla ezinyaweni zoMsindisi izithsaba zabo, bekhwaza besithi, “Wafela mna!”.

Ukho uNero, isigebenga senkohlakalo nobubi, ebona ukuphakanyiswa kwabo wathi wafumana ulonwabo ngokubafaka kwintlungu engathethekiyo - unina wayewubona umsebenzi wakhe, indlela iim-
[117] vakalelo ezazikhuthazwa yimpembelelo nomzekelo wakhe ngayo: ithwala iziqhamo zobugebenga ezangcangcazelisa ihlabathi lonke.

Kukho ababingeleli bobupopi nabafundisi abakhulu ababanga ukuba bangabameli bakaKristu, ukanti basebenzisa imithi yokungcungcuthekisa, imihadi nokutshisa esidlangalaleni abantu bakaThixo. Kukho oopopi abazaliswe likratshi, abaziphakamisa ngaphezu kukaThixo; baza bazama ukuguqula imithetho yOsenyangweni. Ezi zikhulu zenkonzo ezingoo “father”

kufuneka zinike ingxelo kuThixo. Zithi sekusemva kakhulu kube kungona zibonayo ukuba Lowo unokwazi konke unekhwele ngomthetho waKhe. Bafunda ukuba uKristu ubandakanya umdla waKhe kubantu bakhe abaphatheke kakubi.

Lonke ihlabathi labakhohlakeleyo limi enkundleni lijongene netyala lokubhukuqa uburhulumente bezulu. Akukho bani unokubathethelela kwityala labo; akukho nento abangazithethelela ngayo: banikwa isigwebo sokufa ngonaphakade.

Aba bangendawo babona okubaphosileyo ngenxa yovukelo; "Konke oku," uyakhala umphefumlo olahlekileyo, "ngendikuzuzile. Awu! Ukunganyaniseki okuyinqaba! Ndananise ngoxolo, ulonwabo, nozuko ukuze ndizuze ukuhlupheka, ukuhlaziswa ekuhleni kunye nokulahlekelwa lilo lonke ithemba." Bonke baya kubona ukuba kulungile okanye kunobulungisa ukungangeniswa kwabo ezulwini. Baya kuthi, "Asimfuni lo mntu (uYesu) ukuba asilawule."

### *Ukoyiswa kukaSathana*

Bengathi basephupheni, aba khohlakeleyo, bakubukela ukuthweswa koNyana kaThixo isithsaba. Babona esandleni saKhe, amacwecwe omthetho ongcwele abawudelayo. Beva imikhwazo [118]
yokudumisa kwabasindisiweyo, sithi sakufika isandi sokundila kwengoma emnandi phezu kwezihlwele ezingaphandle kwesixeko, badume bonke, "Zinobulungisa, ziyinyaniso iindlela zaKho, Kumkani weentlanga." IsiTyhilelo 15:3. U-Sathana ubukeka eqhokrekile. Lo waye yikherubhi egqubuthelayo, ukhumbula apho wayewe khona. Ukhutshwe ngonaphakade kwiqunrhu awayefumana uzuko kulo. Wazi kakuhle ukuba esi sikhundla siphezulu sale ngelosi besimele ukuba sesakhe.

Ingqondo ikhumbula ikhaya lobunyulu, uxolo nokwaneliseka; izinto ezazizezakhe wada wavukela. Ucinga ngomsebenzi wakhe phakathi kwabantu kunye neziphumo zawo - ubutshaba bomntu komnye umntu, intshabalaliso yobomi, ukuwa kweetrone, iimbambano, iingxabano, nokuvukela. Ukhumbula imizamo yakhe yokuchasa uKristu. Ubona ukuphanza kodwa xa ekhangela isiqhamo sokubulaleka kwakhe. Ubesoloko esoyiswa kweli dabi lemfazwe enkulu [119]
kude kunyanzeleke ukuba anikezele.

Injongo yalo mvukeli mkhulu ibikukuqinisekisa ukuba lulawulo lukaThixo unobangela wovukelo. Ukhokhele iindimbane ukuba zilamkele eli cala lakhe. Iminyaka ngeminyaka le nkosi yamaqhinga yazama ngamaqhinga ukuba kwamkelwe ubuxoki endaweni yenyaniso. Ngoku ke, Ufikile ithuba lokuba kutyhilwe imbali nesimilo sikasathana kwilinge lakhe lokugqibela lokuthula uKristu etroneni, atshabalalise nabantu baKhe, aze awuthabathe umzi kaThixo. Ngoku ke, uye watyhileka ngokupheleleyo lo mlahlekisi mkhulu. Abo bakunye naye, babona ukuwa phantsi ngokupheleleyo komsebenzi wakhe.

Ubona kakuhle uSathana ukuba uvukelo Iwakhe lumenze akalilungela izulu. Amandla akhe uwalungisele ukulwa noThixo; ubungcwele kunye nocwangco Iwasezulwini zizinto ezingaba sisigculelo kuye. Uthoba phantsi, avume ubulungisa besigwebo asinikwayo. Iphenduleke yacaca yonke imibuzo ngenyaniso nemposiso kweli dabi likhulu beliqhuba. Iziphumo zokubekelwa bucala kwemithetho engcwele zandlelwe phambi kwezulu nomhlaba. Imbali yesono iya kuhlala ngonaphakade ibubungqina bokuba ngobukho bomthetho kaThixo kuhlanganiswe ulonwabo Iwazo zonke izidalwa zaKhe. Izulu nomhlaba, elithobeleyo nelivukeleyo ngazwi linye lithi, “Zinobulungisa, ziyinyaniso iindlela zakho, Kumkani weentlanga!”

Ifikile iyure yokuba uKristu azukiswe ngaphezu kwalo naliphi na igama elibizwayo. Ngenxa yovuyo olwalubekwe phambi kwaKhe - lokuba azise oonyana abaninzi eluzukweni - wawunyamezela umnqamlezo. Ubuka abasindisiweyo, benziwe batsha ngokomfanekiso waKhe. Ubona kubo iziphumo zokubaluleka komphefumlo waKhe, aneliseke. Isaya 53:11. Ngelizwi elifikelela kwizihlwele, kumalungisa nakwabangendawo, uthetha athi, “Bonani abathengwa begazi lam!” Ngenxa yabo, ndabulaleka, ngenxa yaba ndafa.”

### [120] *Isiphelo Esoyikekayo Sabangendawo*

Isimilo sikaSathana asiguquki. Uvukelo Iwakhe luphinda lugqabhuke njengesichotho - uzimisele ukuba akasayi kunikezela nakweli lokugqibela idabi, idabi lokuchasa uKumkani wamazulu. Izigidi ezingenakubalwa ezikwicala lakhe, (izigidi) awazilobela ekuvukeleni, azisamboni emkhulu ngoku. Nazo ke kodwa, zisazaliswe

yintiyo ngakuThixo; nto leyo emkhuthazayo uSathana, nangona zibona ukuba akukho ndawo yakuphephela.

Kuhla umlilo uvela kuThixo uphuma ezulwini. Umhlaba uyaqhekeka. Amalangatye adlayo aphuma kuyo yonke indawo ekhamisileyo. Kutsha kwa amawa namatye. Iziqalelo ziya nyibilika ngenxa yobushushu obukhulu, nomhlaba uya nyibilika nayo yonke imisebenzi ekuwo. 2 Petros 3:10. Ubuso bomhlaba bunje ngetela enyibilikisiweyo - isithabazi sedike lomlilo odlayo. Ngumhla "wempindezelo, unomnyaka wembuyekezo, wokuthethelela iZiyoni" Isaya 34:8.

Abangendawo bohlwaywa "ngokwemisebenzi yabo.'' U-Sathana akaneli kohlwaywa ngenxa yovukelo Iwakhe nje, kodwa nangenxa yezono awakhokhelela abantu bakaThixo ukuba bazenze. Ekugqibeleni, batshatyalaliswa emalangatyeni omlilo abo bakhohlakeleyo, ingcambu nesebe - uSathana eyingcambu, abalandeli bakhe bengamasebe. Sifakwe sonke isohlwayo somthetho; kwenziwe okufunwa bubulungisa. Umsebenzi kaSathana wentshabalalo ugqitywe ngonaphakade. Izidalwa zikaThixo ngoku zikhululwe ngonaphakade kwizilingo zakhe.

Ngeli xesha umhlaba ugqunywe ngumlilo, amalungisa ahleli ekunqabeni kwisiXeko esiNgcwele. Kwabangendawo, uThixo ungumlilo odlayo, ukanti kubantu bakhe, ulikhaka. Funda: IsiTyhilelo 20:6; iNdumiso 84:11.

### *Ikhaya Lethu Iokugqibela* [121]

"Ndabona izulu elitsha nomhlaba omtsha; kuba elokuqala izulu nowokuqala umhlaba udlule," IsiTyhilelo 21:1. Umlilo odla abangendawo uhlambulula umhlaba. Lutshayelwe lonke uphawu Iwesono. Akukho sihogo sivutha ngonaphakade, into eza kuhlala isisikhumbuzo seziphumo ezoyikekayo phambi kwabasindisiweyo.

Inye kuphela into esalayo esisikhumbuzo: uMsindisi wethu uya kuhlala eneempawu zokubethelelwa kwaKhe; ikuphela kweempawu zomsebenzi okhohlakeleyo owenziwe sisono.

Kuwo wonke amaphakade amanxeba aseKhalvari aya kuvuselela ukudunyiswa kwaKhe, ababaze amandla aKhe.

U-Kristu wabaqinisekisa abafundi baKhe ukuba uyokubalungiselela indawo endliwini kaYise. Ulwimi lomntu alukwazi ukuwuchaza

umvuzo wamalungisa. Uya kwaziwa kuphela ngabo bawubonayo. Ayikho ingqondo epheleleyo enokwazi ngobuqaqawuli beParadesi kaThixo. E-Bhayibhileni, ilifa labasindisiweyo libizwa ngokuba "lilizwe". Hebhere 11:14-16. Khona apho uMalusi wasezulwini uya kuwukhokhela umhlambi wakhe kwimithombo yamanzi aphilayo. Imithombo ihlala inkcenkceza icoceke ngokwekristale, ngakuyo kuyokozela imithi ezithunzi zayo zisendleleni ezilungiselwe abathengiweyo beNkosi. Amathafa anabileyo aya kunyuka abe ziinduli ezintle, zize iintaba zikaThixo zibonakale ngeencopho zazo eziphakamileyo. Kuloo mathafa azolileyo ngakwimithombo yamanzi aphilayo; abantu bakaThixo ababekade beziimbacu nabazulayo, baya kufumana ikhaya. Baya kwakha izindlu bazihlale; batyale izidiliya, badle iziqhamo zazo. Abayi kwakha kuhlale
[122] bambi, abayi kutyala, kudle bambi:...badle into esetyenzwe zizandla zabo abanyulwa bam." "Inemihlali intlango nomqwebedu, iyagcoba inkqantosi, iyadubula njengomfiyo." "Ingcuka iya kuhlala nemvana, ingwe ibuthe netakane lebhokhwe; ... nomntwana aziqhube ezo zinto...aziyi kwenza bubi, aziyi konakalisa ezintabeni zam zonke ezingcwele." Isaya 65:21,22; 35:1; 11:6,9.

Akusayi kubakho ntlungu ezulwini. Akuyi kubakho zinyembezi kwakhona, nemingcwabo ayiyi kubakho. "Kungabi sabakho kufa, kungabi sabakho nasijwili, nakukhala:... ngokuba izinto zokuqala zigqithile". Akayi kuthi ummi wakhona, ndiyafa; abantu abahleliyo khona babuxolelwe ubugwenxa babo: IsiTyhilelo 21:4; Isaya 33:24.

Kukho iYerusalem eNtsha, isixeko somhlaba omtsha ohlaziyiweyo. "Isikhanyiso sawo sifana nelitye elinqabileyo kakhulu, langa lilitye leyaspisi ebengezela njengekristale." "lintlanga zabo basindiswayo ziya kuhamba ekukhanyeni kwako; okumkani bomhlaba
[123] bazise kuwo uzuko nembeko yabo. "Umnquba lo kaThixo unabantu; uya kuhlala nabo emnqubeni, bona babe ngabantu bakhe, yena uThixo abe nabo, enguThixo wabo." IsiTyhilelo 21:11, 24, 3.

Esixekweni sikaThixo "akusayi kubakho busuku". IsiTyhilelo 22:5. Akuyi kubakho kudinwa. Siyakuhlala sisiva ukukhanya kwelanga okudlula ukubengezela okungaphandliyo nangona kuya kuba kukhanya ngaphezu kwemini emaqanda. Abasindisiweyo baya kuhamba kubuqaqawuli bemini engapheliyo.

"Andibonanga tempile kuwo, kuba iNkosi, uThixo uSomandla nayo iMvana yitempile yawo. "IsiTyhilelo 21:22. Abantu bakaThixo

bakhululekile ukuba bancokole noBawo kunye noNyana. Ngoku sibona umfanekiso kaThixo ngokwasesipilini kodwa ngoko siya kumbona ubuso ngobuso, kungekho mdiyadiya usahlulayo.

### *Ukoyisa kothando LukaThixo*

Apho uthando novelwano olutyalwe nguThixo ngokwakhe emphefumlweni, luya kusebenza ngokwenene. Ukuqhagamshelana okunyulu kunye nezidalwa ezingcwele nabanyanisekileyo bawo wonke amaphakade, amaqhina angcwele aqamangela kunye "Yonke imizalwane esemazulwini nasemhlabeni" - zizinto ezi ezinceda ekwakheni ulonwabo Iwabasindisiweyo. Efese 3:15.

Apho, iingqondo ezingasayi kuze zife okanye zonakale, ziya kucamngca, ngovuyo olungasayi kuze luwe phantsi, imimangaliso yamandla okudala, iimfihlelo zothando olusindisayo. Yonke ingqondo iya kuphuhliswa, sonke isakhono sandiswe. Isixhobo solwazi asisayi kuze siphelelwe ngamandla. Kuya kucingwa kwenziwe izinto ezinkulu, eyona minqweno iphezulu ifikelelwe, azaliseke amaphupha aphezulu. Ziyakuba zikho iindawo zokunyukela ngaseNtla, kubukwe imimangaliso emitsha, kwaziwe iinyaniso ezintsha, zobakho nezinto ezintsha eziza kunika umngeni amandla [124]
engqondo, nomphefumlo kunye nomzimba.

Zonke iindyebo zendalo - izulu nomhlaba - baya kuzivulelwa abasindisiwweyo bakaThixo. Baya kuthi, bengabotshelelwanga kukufa, bantinge baye kumazwe akude. Abantwana bomhlaba bangena kuvuyo nobulumko babantu abangawanga baze babelane ngobutyebi bolwazi oluzuzwe ngamava kanaphakade kanaphakade. Ubuhle bendalo babubona ngamehlo angenalurhatyazo - amalanga; iinkwenkwezi, ngamaqela azo, zonke zijikeleza itrone yoMdali, zihamba ngocwangco ezimiselwe Iona.

Ngokuya ihamba iminyaka kunaphakade; zininzi izityhilelo zikaThixo nezikaYesu eziza kuya zivela. Okukhona abantu befunda ngoThixo, kokungona kuya kwanda ukuthanda isimilo saKhe. Ngexesha uYesu aya kutwabulula phambi kwabo ubutyebi bosindiso neenzuzo ezimangalisayo kwimfazwe enkulu noSathana, iintliziyo zabasindisiweyo ziya kuba nemincili ngokuzinikela; aze amazwi ezigidi ngezigidi avakalise ingoma yokubonga.

“Kananjalo zonke izidalwa ezisezulwini, naphezu komhlaba naphantsi komhlaba, naphezu kolwandle, neento zonke ezikwezo zinto, ndaziva zisithi, “Kulowo uhleli etroneni, nakuyo iMvana, Makubekho ukubongwa, nembeko, nozuko, namandla, kuse emaphakadeni asemaphakadeni.” IsiTyhilelo 5:13.

Imfazwe enkulu iphelile. Isono kunye naboni abasekho. Lonke izulu nomhlaba licocekile. Ucwangco nolonwabo zibetha ngesingqi esinye kuyo yonke indalo. KuLowo wadala konke, kuphuma ubomi nokukhanya nolonwabo; ezo zinto zifikelele kuzo zonke iimbombo ezingemida. Kususela kweyona nto incinane kuye kweyona inkulu emhlabeni, zonke izinto ezinobomi nezingenabo, kubuhle bazo obungenathunzi novuyo olugqibeleleyo, konke kubabaza ukuba uThixo uluthando.